# Indumiso

ZikaDavida

2012
Free Presbyterian Church of Scotland, Zimbabwe Presbytery
9 Robertson Street, Parkview, Bulawayo, Zimbabwe
tel. 09 62636 / 61902, fax 09 61902
email fpzimbabwe@gmail.com

## C.M. Indumiso 1

1 ASIMNTU uyolo lowo
Ungelil' inxaxha.
Maceben' abangendawo
Akana kuhamba.

Endleleni yab' aboni
Akanak' ukuma;
Nambuthweni yabagxeki
Akahlali kuyo.

2 Yonk' imini nobusuku
Sok' enonelela
Umyalelo kaYehova,
Ecamanga ngawo.

3 Unje ngomth' omiliselwe
Phezu kwemijelo;
Ovelisa isiqhamo
Ngamaxesha aso.

Alibun' igqabi lawo,
Hlala liluhlaza;
Kufuman' impumelelo
Oko akwenzayo.

4 Unakany' abangendawo,
'Ntsikelel' injalo;
Baba njengomququ bona
Ophetshethwa umke.

5 Ngenxa yok' abangendawo,
Mini yesigwebo,
Isikhundl' asikubakho,
Sesamalungisa.

6 'Kub' indlela yamalunga
Iyayaz' iNkosi;
Kodwa ley' iyakudaka
Yezikhohlakali.

## C.M. Indumiso 2

1 KOKWANIN' oku bharula
Kwazo ezintlanga?
Ngathi zenz' imbuthumbuthu
Yokuphithizela?

'Zizwe zicamang' uhwaya
Zidubadubeka,
2 Nab' okumkani bomhlaba
Nabazidwangube;

Babhungana ngamacebo
Bezidephisela,
NgomThanjiswa kaYehova
Bayabhungisana.

3 Bath': Qhawul' imbophelelo
Sizijace kuthi;
Masilahle ezi zintya
Zingasikhuleki.

4 Yen' ohlel' emazulwini
Ubahleka bonke;
Iyabagculel' iNkosi
Ngawo lamampunge.

5 'Yakuthetha ngobhavumo
Bokhwanqiswa bonke;
'Yakutshijila ngomsindo
Bakunkwantya bonke.

6 Yothi: Ndizithambisele
Lowo ongoWami,
Phezu kweTsiyon' engcwele
Nguye uKumkani.

7 Womenyezwa ummiselo
KaYehova Ngaye,
Othi: UnguNyana Wami,
Namhla ndikuzele.

**8** Cela Kum' okulilifa
Ndikwabel' intlanga;
Kwiziphelo zaw' umhlaba
Wenze ngokuthanda.

**9** Wozivikiva ngentonga
Eyentsimbi yona;
Wozihlekez' ezozitya
Zibunjwe ngodongwe.

**10** Yalekani, bokumkani,
Niqiqe, bagwebi;
**11** Mukhonzeni uYehova,
Eyokoyikw' 'Nkosi.

Gcobani, thuthumelani,
Ube myol' umbuso,
**12** Msindo Wakh' ungekavuthi,
Mangeni uNyana;

Hlez' anitshabalalise
Esazel' ingqumbo,
Nina nisesendleleni
Yokulibazisa.

Kubavukel' isabelo
Lutshabalaliso;
Kodwa hay' uyolo kwabo
Bazimela Ngaye.

## C.M. Indumiso 3

**1** ZANDE, zand' intshaba, Nkosi,
Zindichunubile,
**2** Zade ngomphefumlo zathi,
Awusizwa 'Thixo.

**3** Koko, Wen' ukhakha lami
Umvusi 'ntloko yam,
**4** Entaben' engcwele weva
Ndakuba ndikhala.

**5** Ekulalen' ubuthongo
'Thixo wandivusa:
**6** Kwizigidi zabachasi
Ndokhuselwa Nguwe.

'Macal' onke bakh' uluhlu,
Kodwa andoyiki.
**7** Khawusukume, Yehova,
Undisize, Nkosi.

Uzibethe emhlathini.
Ezintshaba, Thixo;
Lamaziny' abangendawo,
Uwaphule, Thixo.

**8** Loluka Yehov' usizo
Ebantwini Bakhe,
Yon' intsikelelo Yakho
Yomaphezu kwabo.

## C.M. Indumiso 4

**1** NDAKUTARUZISA ndive,
Thixo, 'kulunga kwam
Embandezelweni yami
Wanditwabulula.

**2** Nyana ndini bab' abantu,
Koda kube nini?
Niluhlazo lwam' uzuko
Nithand' okungeni?

**3** Yazin, okwe 'Nkosi kona
Iz' nyulel' ilunga,
UYehova ndakumbiza
Uyaphulaphula.

**4** Ekuqumbeni ningoni,
Lawulan' 'ntliziyo;
Zinkukhweni zokulala
'Bani nokuzola

5 Mayibingw' iminikelo
Yob' lungisa nini,
Kube ngaye uYehova
Ukwayama kwenu.

6 Soboniswa ngubanina
Okulungileyo?
Nkosi, ukhanyiso Lwakho
Siphakamisele.

7 Kuy' eyami intliziyo
Undichwayitisil'
Kunab' enqolow' eninzi
Kwanentsh' iwayini.

8 Ndakulala ndonwabile
Ngoxolo, ndizole.
Kuba ndiqamele Ngawe
Kobo budwayinge.

## C.M. Indumiso 5

1 MAZWI ami, O Yehova,
Wabe kel' indlebe
Nak' endikucamangayo
Makunga kuphosi.

2 Ndibongoza, baz' indlebe,
Kumkani, Thixo wam;
Kuba ndithandaza Kuwe
Nguwe owondiva.

3 Kwakusasa ndomemeza
Ndibhekisa Kuwe;
Ndisingisa umthandazo,
Ndingolindileyo.

4 Kuba Wen' akunguThixo
Onanz' inkohliso;
Engena kuphambukela
Kuwe onobubi.

5 'Baqhayis' abanakuma
Ebusweni Bakho;
'Basebenzi bobutshinga
Kuwe balizothe.

6 Abathethi bobuxoki
Uyabadakisa;
KuYehova lisikizi
'Ndoda yenkohliso.

7 Kodwa mna ndinokungena
Kuyo indlu Yakho,
Ndithembele kulo nceba
Ingaphele ndawo.

Ndiqubude ndibhekise
Ebungcwaliseni
Betempile leyo Yakho,
Ndisekoyikeni.

8 Ngenxa yabandizondayo,
Nkosi, ndipheleke,
Lungelelanis' indlela
Ube mkhaphi wami.

9 Emlonyeni wongendawo
Akukhont' imiyo
'Ngcwaba elivuliweyo
Umuqala wabo.

Batheth' okugudileyo
Ngal' ulwimi lwabo;
Kanti umbilini wabo
Ngumeyeliselo.

10 Bathwalis' ityala, Thixo,
Amaceb' atshitshe;
Elukreqweni batyhale,
Bakuphikisile.

**11** Mabavuye, banqatyiswe
Abayame Ngawe;
Beduma ngonaphakade
Bekhuselwe Nguwe.

Abathand' igama Lakho
Mabadlamke bonke,
**12** Liyasikelelw' ilunga
Kuhlanganiselwa

NguYehov' inkoliseko,
Nguye olikhakha
Obarhanqileyo Nguye
Kus' ephakadeni.

## L.M. Indumiso 6

**1** UNGANDOHLWAYI, Yehova,
Unomsindo nobushushu;
**2** Amathambo ayankwantya
Ndibababale, ndiyayoba.

**3** Umphefuml' ukhwankqisiwe,
Wod' uze kutheke-nina?
**4** Nkosi, buy' uwuhlangule,
Ndisindise ngay' inceba

**5** Akusekho kukhumbula
Kwabase ngabafileyo;
Kwabase semangcwabeni
Bothinin' ukubulela?

Ndidiniwe kokugcuma;
**6** Ubusuku bulixhala,
Kub' ukhukho ludadiswa
'Nyembezini zokulila

Liso lami lonakele
**7** Zezintlungu zontywiziso;
Zinkathazo laluphele
Ngenxa yababandezeli.

**8** Sukani matshinga-ndini!
Selevile uYehova;
Ulamkel' elam ilizwi
Ekubeni bendilila.

**9** Uluvil' utarhuziso
Uwamkel' umthandazo wam.
**10** 'Dano, khwankqiso kwintshaba,
Ezobuya ngephanyazo.

## C.M. Indumiso 7

**1** THIXO, ndizimela Ngawe,
Xa ndisukelwayo;
Ndisindise ndihlangule,
Wena, kubo bonke.

**2** Hleze njengaz' ingonyama
Bawuqweng' 'mphefumlo,
Bawudlavule, kungekho
Uwuhlangulayo.

**3** Yehova, ukuba ndithe,
Ngobumenenemene,
Ndenza oku bubugqwetha
Ngezi zam izandla;

**4** Ndath' obe sixolelene
Ndangomvis' okubi,
Ndambhunyula ndaqhelesa,
Kungekho sizathu.

**5** Mawusukelw' ufunyanwe
Owam' umphefumlo;
'Bomi, 'zuko zinyashelwe
Koluphants' uthuli.

**6** Emsindweni phasuluka
Ubaphakamele
Kwaba phuphuma umsindo
Bandibandezele:

**7** Vuka undikhawulele
Umise umgwebo,
Ubuyele unezizwe
Ezingqongileyo.

**8** UYehov' uyakugweba
Elamu ityala;
Aligqibe ngob'lungisa
Phakathi kwezizwe.

**9** Wolizimas' ilungisa
'Kuph' okungendawo,
Emcikidi-ntso, ntliziyo,
EnguThix' ilunga.

**10** Ngweletshetshe yam nguThixo
Ndithembele Kuye,
NgumSindisi wentliziyo
Ezo ezithe-tye.

**11** Thixo, mgwebi, olilunga
Obhavuma 'mihla,
**12** Ongendaw' oqhelesayo
Umlolel' ikrele;

Umtyedela isaphetha,
As' jongise kuye.
**13** Nezixhobo zakh' ukufa
Zintolo zomlilo

**14** Onenimba yobutshinga
Ew' akhawul' 'bubi,
Wozizalel' ubuxoki
Int' ayakuy' bona.

**15** Umb' umhadi uyagomba
Wokweyela kwakhe;
Oko akusebenzayo,
Kuko kwesihogo.

**16** Bubi bakhe bobuyela,
Entlokweni yakhe;
Kuze elukhakhayini
Kumu gonyamele.

**17** Ndibulela kuYehova
Ngob'lungisa Bakhe
Egamen' loPhezu-Konke
Ndivum' indumiso.

## C.M. Indumiso 8

**1** MBALASANE, gama-khulu,
Nkos' ethu, Yehova,
Mambathisi wamazulu,
Hay' indili Yakho!

**2** Imilomo yabantwana,
Naba ngabanyayo
Ngenxa yababandezeli
Useke amandla;

Okudambisa utshaba,
Nongumphindezeli.
**3** Xana ndiyiqwalasela
Yonk' imisebenzi,

Amazulu, ozinyanga
Nazo inkwenkwezi,
Ayindalo Yakh' osandla
Singummangaliso.

**4** Umntu lo uyintonina
Okumkhumbulela?
Umvelela ngantonina,
KaAdam unyana?

**5** Kancinan' angabi Thixo
Ngobungangamela;
Ukuphakamel' iwonga
Laseb'qaqawulen'.

6 Umphathise ubukhosi
Endalweni Yakho;
Ezithe-ke zonk' izinto
Zaba phantsi kwakhe.

7 'Nkomo zonke ziphelele
Nemfutshan' impahla
Kwane nyamakazi nazo
Zasemaphandleni.

8 Ntlanzi zidakas' elwandle,
Nentaka zezulu.
Kulo lonke ihlabathi
Yehov' uyongama!

## C.M. Indumiso 9

1 NDOBULELA kuYehova
Ngentliziyo yonke,
Ndibalis' imisebenzi
Ebalaseleyo.

2 Ndakuvuya ngemihlali
Ngal' igama Lakhe,
Ndilibethela uhadi
Elosenyangweni.

3 Zakuhlehl' ezam intshaba
Ziwe phantsi Kwakho;
4 Kub' ulifezil' ityala.
Mgwebi olilunga.

5 Uzikhalimel' intlanga
Zabo bangendawo;
Gama lazo libhangile
Nango naphakade

6 'Ntshaba zona zigqibele,
Kwamanxiwa mpela;
'Mizi yazo inyothulwe
Ingakhumbuleki.

7 UYehova usahleli
Akagungqiswa nto,
'Trone yokugweba Kwakhe
Uyizinzisile.

8 Ngobulungisa ugweba
Kwelilimiweyo,
Ngola'ul' olungaphikwayo
Uzipheth' izizwe.

9 UYehova uyingxonde
Ngamaxesh' amabi.
Abo abatyunyuzwayo
Uyabahlangula.

10 Gama Lakho lilikholo
Kwabalazileyo;
Kuba akubashiyanga
Abakufunayo.

11 Mvumeleni indumiso
UYehov' eTsiyon;
Mazixelw' izenzo Zakhe
Ezizweni zonke.

12 'Mphindezeli wamagazi
Uyakumkhumbula;
Nesikhalo selulama
Engasilibali.

13 Bon' intsizi zam, Yehova,
Uz' undibabale
Kubathiyi; kwanokufa
Uz' undihlangule.

14 Kokona ndobalisela
Indumiso Yakho,
Kumasango eTsiyone
Ndingosindileyo.

15 Zeyel’ intlang’ kwisihogo
Eso zasenzayo,
Zibanjiswe ngalo mnatha
Zawugqumelayo.

16 Uzazisile, Yehova,
Ngokugweba Kwakho;
Ongendawo ubanjiswa
Kwangesiqu sakhe.

17 Bobuyel’ abangendawo
Kwelabafileyo,
Kweli ntlang’ alityelweyo
OnguThixo wazo.

18 Akakuhlal’ elityelwe
Lowo ulihlwempu,
Nal’ ithemba lentsizana
Aliyikudaka.

19 Khawusuk’ ume, Yehova,
Lungakratsh’ uluntu.
Phambi Kwakho zifanelwe
Kukugwetyw’ intlanga

20 Zimiselw’ ukukoyika,
Wen’ onguYehova;
Ezintlanga mazizazi
Ziluluntu mpela.

## C.M. Indumiso 10

1 UZIFIHLELE ntonina
Okumela mgama,
Emaxeshen’ obunzima
Ukude, Yehova?

2 Amakratsh’ abangendawo
Atshis’ intsizana,
Zibanjiswa ngamaqhinga
Abawenzileyo.

3 Iminqweno yomphefumlo
Yakhe ongendawo,
Ngeqhayiya iyamncoma
Lowo ulibawa:

Ngokubawela inzuzo,
Uzithiyisele;
Wahlukene noYehova,
Oyakumohlwaya.

4 Ebucini bongendawo,
Uthi akubuzwa:
‘Minqangiyelo yakh’, ithi:
Akakho uThixo.

5 Ndlela zakhe zezodelo
Ngamaxesha onke
Kanti izigwebo Zakho
Ziyakumongama.

6 Uth’ entliziyweni yakhe
‘Ka kushukunyiswa;
Kwezizay’ izizukulu
‘Kakubona bubi.

7 Emlonyeni kushwabula,
‘Nkohliso, ‘ncudiso;
Ngaphantsi kolwimi lwakhe,
‘Bubi nobutshinga.

8 Enqilini ulalela
Ukugwint’ omsulwa;
‘Mehlo akhe sok’ ezonda
Umntu oludwayi.

9 Ntsithelweni ulalele,
Exel’ ingonyama;
Ukuze axhwile emke
Nay’ olusizana.

10 Ubuthum’ ubungezela
Ukubamb’ udwayi;
Bewele kwezakh’ izandla
Abazindwayinge.

11 Uth’ entliziywеni yakhe
Ulibel’ uThixo
Bus’ ubusithelisile,
‘Kabonanga nento.

12 Khawusuk’ ume, Yehova,
Phakamis’ isandla;
Mus’ ukuth’ amalulama
Alityalwe Nguwe.

13 Umgibela nin’ uThixo
Lowo ungendawo
Abengoth’ entliziywеni;
Akasokubuzwa?

14 Phambi Kwakh’ ububonile,
‘Bubi, nenkathazo;
Noludway’ uzinikele
KuMncedi-nkedama.

15 Ongendaw’ maphul’ ingalo,
Nesikhohlakali;
Akwenzayo kucikide,
Aphendul’ umlandu.

16 UYehova nguKumkani
Kus’ ephakadeni.
Nezo ntlanga zobuginwa,
Zotshatyalaliswa.

17 Owelulama umnqweno
Uwuvile, Thixo;
Way’ zimasa intliziyo,
Wambazel’ indlebe.

18 Elenkedama ityala
Noshicilelweyo,
Woligweb’ umonwabise
Esesemhlabeni.

## C.M. Indumiso 11

1 NDIZIMELA ngoYehova
Nithinin’ ukuthi,
Kuwo umphefumlo wamu,
Singa entabeni?

2 Ndityedelwe isaphetha
Ngabo bangendawo
Balungis’ intolo zabo
Ese kwamalunga.

3 X’ iziseko zigungxulwa
Lothinin’ ilunga?
4 UYehov’ uyitempile
Eyingcwele yalo.

Trone Yakh’ isezulwini,
UYehova Lowo;
‘Mehlo Akh’ ayababona
Onyana babantu.

5 KuYehova nelungisa
‘Licikidwa njalo;
‘Gonyamelo longendawo,
Akavani nalo.

6 Imigibe kongendawo,
Ixananazile;
Lophu, sulfure, umlilo
Zizabelo zabo.

7 Ekuben’ elilungisa
UYehov’ iNkosi,
Abathanda ukulunga
Bobonana Naye.

## C.M. Indumiso 12

1 SIPHELELWE ngabenceba
Sindisa, Yehova;
Bathe-shwak' abenyaniso
Konyana bak' Adam.

2 Bathetha inkohlakalo
Belalanisana
'Mlom' umbaxa, nentliziyo
Becenga-cengana.

3 Ngabanqumla uYehova
Abalalanisi;
Nabanteth' igudileyo,
Ngemilomo yodwa.

4 Abahluphezi lulwimi,
'Mlomo wab' usithi:
Ye ngubanina iNkosi,
Esongameleyo?

5 Zakubhuqwa intsizana
Amahlwemp' ancwine
Ndakusuka ndiphakame,
Utsho uYehova;

Ndakumbek' elusindweni
Low' ulufunayo.
6 Acoceke onk' amazwi
AngakaYehova:

A-silver' ihluziweyo
Ngelishush' iziko,
Nyibilike kasixhenxe
Ukuvuthwa kwayo.

7 Wawagcin' alondolozwe
Yen' onguYehova;
Kukwes' isizukulwana
Kus' ephakadeni.

8 Bakuhex' abangendawo
'Macalana onke,
Kuphakama kwabangeni
Konyana bakh' Adam.

## C.M. Indumiso 13

1 WONDILIBALA, Yehova,
Kude kuphele na?
Wobusithelis' ubuso
Kude kuthinina?

2 Kunini na lomphefumlo
Ndiwubhenca-bhenca,
Inesingqal' intliziyo
'Mini l' indiphethe?

Kunini na lundimele.
Olutshaba lwami?
3 Yehova Thixo, khawubheke
Uk' undiphendule.

Khawukhanyise ndibone,
Undivul' amehlo,
4 Hleze ndingoleleyo nje
Ndilele ukufa.

Hleze luth' utshaba lwami:
Sendimoyisile;
Bagcob' ababandezeli,
Ndakushukunyiswa.

5 Ndikholose ngenceb' Akho
Ndaqhiyama ngayo;
Mandigcobe ngentliziyo,
Ngosindiso Lwakho.

6 Ndakuvuma kuYehova
Ngokumemelela;
Ngako oku kundiphatha
Kuhle ngokungaka.

## C.M. Indumiso 14

1 ISIDENG' entliziyweni
Sith': Akukho Thixo;
Bonakalisa ngentlondi
'Zingalungisiyo.

2 Ezulwini uYehova
'Qwalasel' umhlaba
Uba konyana babantu,
Ukho oqiqayo?

Ukho oquqel' uThixo,
Enze ukulunga?
3 Bephelele batyekile,
Bonke bambozisa.

Akukho ulungisayo,
Ewe, noko amnye.
4 Basebenzi bobutshinga,
Abana kwazi na?

Bona badla abantu Bam
Ngathi badl' isonka;
Kuba bengenga banquli
Bakhe uYehova.

5 Bakunkwantya benkwantyile
Abo benjenjalo;
Ukwisizukul' uThixo
Sabalungisayo.

6 Ningalidanis' icebo
Lakh' olusizana;
Oko Kwakhe uYehova
Ulihlathi labo.

7 Maluvele eTsiyone
'Sizo loSirayel';
Babuyisw' ekuthinjweni,
Abo bangaBakhe.

Kokukhona wogcotyiswa
Low' unguYehova,
Avuyisw' uSirayeli,
Kusindiswa kwakhe.

## L.M. Indumiso 15

1 NGUBANI na ongahlala
Ebusweni Bakho, Nkosi?
Ngubani na oyakuma
Endaweni eyingcwele?

2 Ngohambayo ngokulunga,
Okwenzayo ukulunga;
Ngothethayo inyaniso
Othiyayo inkohliso.

3 Nguye ongahlebi bantu
Nguye ongatyholi bantu.
Nguye ongathiyi bantu
Nguye ongagxeki bantu.

4 Nguye ongathandi abo
Bayenzayo inkohliso;
Nguye othandayo abo
Bahlonele uYehova.

Ngoligcin' idinga lakhe
Noko azonayo ngalo;
5 Ngongabolekiyo into
Aze adl' abanye ngayo.

Nguye ongamkeli mvuzo
Babulawe abamsulwa.
Okwenzayo oko konke,
Akakuz' ashukunyiswe.

## C.M. Indumiso 16

1 NDILONDOLOZE, Yehova,
Ndizimela Ngawe.
2 Ndithe: Ungaphezu konke
'Kundilungeleyo

3 Kwaba ngcwele emhlabeni
Ndizikholisile;
Abo bona bazinhanha
Zokunanzekayo.

4 Abananis' uYehova
Ngawumbi uThixo,
Zoth' ezab' imbulaleko
Zande zibandele.

'Minikel' andiyithulul'
Eyegazi yabo;
'Magam' ab' andiwaphathi
Asisihlambezo

5 NguYehova isahlulo
Endisabelweyo;
Uyindebe, ulilifa
Elenziwe banzi.

6 Amacandel' andiwele
Kwezimnand' indawo;
He-ke! ndide ndanelifa
Elihle kakhulu.

7 Ndakumbonga uYehova
Umcebisi wami;
Zintso zam zindithethisa
Ziqhub' ubusuku.

8 Phambi kwam maxesha onke
Ndimis' uYehova;
Enguye ekunene kwam
Andishukunyiswa.

9 Ngako oko kuluvuyo
Entliziyweni yam,
Luzukis' ol' kholisayo,
Esenyameni yam.

10 Umpefuml' awukushiywa
Kwelabafileyo,
Amyekel' esihogweni
Owakho wenceba.

11 'Mendo wobom' wondazisa,
Anez'ukuvuya
Phambi Kwakho, k'nene Kwakho,
Bubumnandi mpela.

## C.M. Indumiso 17

1 YEHOVA, beka indlebe,
Buv' ubulungisa;
Kuhlahlambo baz' indlebe
Lomthandaz' omsulwa.

2 Ibango lam malivele
Ebusweni Bakho;
'Mehlo Akho akhangele
Okufaneleyo.

3 Undivelel' ebusuku
'Mcikidi-ntliziyo;
Undicedu-cedulula
Akwafumana nto.

Ndikuqinisa ngokuthi,
Yona into embi
Ukugqith' emlonyeni wam
Akuso kwenzeka.

4 Kwimisebenzi yoluntu
Kweze z'hang' indlela,
Ndizigcine andangena
Ngokwelizwi Lakho.

5 ‘Mikhondo yam ibambile
Endleleni Zakho;
Ukuze ezam’ inyawo
Zingatyibiliki.

6 Okunqula Kuwe, Thixo,
Kuba ndiphendulwe;
Okubiz’ indlebe Yakho,
Ive intetho yam.

7 Zibalul’ inceba Zakho
Kwaba kwenz’ igwiba;
Uyolul’ eyokunene
Bakuphakanyelwa.

8 Njengeliso, zundigcine,
Njengokhozo lwalo;
Ndizimeze ngesithunzi
Samaphiko Akho.

9 Bakhangel’ abangendawo
Abandibhuqayo;
Kuz’ intshaba zomphefumlo
Ezingungelayo.

10 Zithe fithi kukutyeba,
Zithetha ngekratshi,
11 Ndihamb’ nje zindikrawule,
Ukundilalela;

Mehlo azo atsolele
‘Kundenzakalisa.
12 Kumfano nye nengonyama
Ukundibawela.

Zide zanga-ngonyamana
Esentsithelweni,
Inyebelezel’ ixhoba
Yokub’ iliqwenge.

13 Kawusuk’ ume, Yehova,
Uyihlangabeze;
Yiqukule, uyosele
Ngal’ ikrele Lakho.

Kukona wohlanguleka
Lomphefumlo wami.
14 NgeSakh’ isandla kubafo
Bephakade eli;

Abasahlulo sobu bom’
Bezaneza ngaso;
Bezalis’ isisu sabo
Kwange ngqwebo Zakho.

Abakholosa ngonyana,
Bebabel’ amafa:
Ekuphuphumeni kwabo
Beshiyel’ intsana.

15 Ndokubon’ okukokwami
Ebulungiseni;
Kokuvuswa kwam ndanele
Sisithomo Sakho.

## C.M. Indumiso 18

1 NDIKUTHANDA ngembilini,
Yehova, mandl’ ami
2 Uliliwa, ‘mboniselo,
UmSindisi kumi.

Wena Thix’ uliwa lami
Ndizimela ngalo;
Uphondo losindiso lwam,
Ngweletshetshe, ngxonde.

3 Ndimnqula nje uYehova
Ngowokudunyiswa;
‘Zintshabeni ndiyasinda,
Ngokuncedwa Nguye.

**4** Ezokuf' izintya zona,
Zandijikeleza;
Nemilamb' ebutshijolo,
Yandibetha-betha.

**5** Zintya zelabafileyo,
Zikwandibhijela,
Ezokuf' izirhintyelo,
Zandandathekisa.

**6** Ekubandezelekeni
Ndanqul' uYehova;
Ndazibika Kuwe, Thixo,
Wev' etempileni.

'Kuzibika kwami kuthe
Kufikile Kuye,
Kany' ezindlebeni Zakhe,
Kwamkeleka Kuye.

**7** Wahexeza, wanyikima
Wona-ke umhlaba,
Zagungq' iziseko-ntaba,
Kuba enomsindo.

**8** Thaphu ums' emathatheni,
Kwalenyez' umlilo;
'Malangatye abhodloza
Emlonyeni Wakhe.

**9** Wawathoba amazulu,
Ukub' ehle ngawo;
Seyi ngamafu amnyama
Awenze inyawo.

**10** Wakhwela ekerubhini
Ukuphaphazela;
Tshwebelele ukuwuza,
Ngamaphik' omoya.

**11** Wazenzela ubumnyama,
Balisithe Lakhe;
'Mnquba Wakhe wanxa zonke,
Kwe zamaf' ingqimba.

**12** Kukhany' okuphambi Kwakhe,
Thaphu! kulomafu,
Yaba siphango samatye,
Namalahl' omlilo.

**13** Wadudumis' ezulwini
Low' Ophezu konke,
Walikhup' ilizwi Lakhe:
Kwawa isichotho.

**14** Wathumel' intolo Zakhe,
Zaphangalalisa;
Yamenyeza imibane
Yabaduba-duba.

**15** Imihlaba yanqikeka
Kwampompoz' amanzi;
Kukhalima koYehova
Ebefuz' umsindo.

**16** Wandolulela isandla
Ukub' andibambe;
Wandirhola emanzini,
Ayinzonzobila.

**17** Wandophul' elutshabeni
Lundigagamele;
Kwababe ndomelelele
Ngak' ukundithiya.

**18** Bendifikele lomini,
Yok' ukusindeka:
UYehova wandixhasa
Ngokundihlangula.

**19** Wandikhuphela kwindawo
Ephangaleleyo;
Wandizinzisa-ke kuyo,
Kub' endithandile.

**20** UYehova wandiphatha
Kakuhle kakhulu;
Ngob' lungisa ndabuy'selwa,
Kwana ngobunyulu.

**21** Kuba ndazigcin' indlela
EzikaYehova;
Andemka ngokungendawo
Kuy' uThixo wami.

**22** Kuba, 'masik' Akhe onke
Nang' ephambi kwami;
Kwane mimiselo Yakhe.
Andiy' susi kumu.

**23** Ndandingogqibeleleyo,
Ndazigcina Kuye;
Ndingonyulu ngentliziyo;
Ndingena bugwenxa.

**24** Wandivuza-k' uYehova
Ngobobulungisa;
Ngobunyulu bok'ziphatha
Kwami, phambi Kwakhe.

**25** Kowenceb' ungowenceba
Koligorh' agorhe;
Kogqibeleley' uzenza
Nay' agqibelele.

**26** Kuye ozenze wanyulu
Nay' uzenza nyulu;
Kuy' oman' ukugwilika;
Uyamlinganisa.

**27** Kodwa kwaba zintsizana,
Uyabasindisa;
Kanti wobathoba abo,
Baqwayingis' 'mehlo.

**28** Ngako isibane sami
Uyasilumeka;
Abe kukhany' uThixo wam,
Nakobo bumnyama.

**29** Amadoda alw' ijara
Ngaye ndowagila
Endinceda uYehova
Ndoqabel' indonga.

**30** Yen' uThix' igqibelela
Eyakhe indlela;
Izwi Lakhe lihlalulwe,
Lanyibilikiswa.

Kwabo uyingweletshetshe
Bazimela Ngaye.
**31** OnguThixo ngubanina,
Inge nguYehova?

Engubanina iliwa,
IngeThixo wethu?
**32** Undibhinqis' ubukroti,
Agqibelanise.

**33** Nyawo zam zifana nezo
Zamaxhamakazi,
Ziyinyathel' imimango,
Ziyinyuka-nyuke.

**34** Emfazwen' ezam izandla,
Waz'fundis' ukulwa;
Nezingalo ukutyeda,
Saphetha sobhedu.

**35** Undinik’ ingweletshetshe
Yosindiso Lwakho;
‘Sandla Sakho sokunene
Singumxhasi wami.

Luthe ululamo Lwakho
Lwandibanga mkhulu;
**36** Uwenzel’ ebanz’ indawo,
‘Manyathelo ami.

Omelele akahexi,
Amaxhwele ami.
**37** Ndakuzisukel’ intshaba,
Ndiyazifumana;

Ndizisantsulisa zimke,
Zada zaphela-ke.
**38** Ndiziqobe azavuka
Ziphantsi kwenyawo.

**39** Wandibhinqis’ ubukroti,
Xana ndizilwayo;
Bath’ ababendisukela,
Baguqiswa phantsi;

**40** Intshaba zam wazibanga
Zindinik’ ikhosi;
Nabo abandithiyayo,
Ndakwababhangisa.

**41** Bakuling’ ukuzibika
Akwavela sizo,
Bemquqela uYehova
Akaphendulanga.

**42** Ndabacola baluthuli,
Lok’phetshethwa moya;
Njengodaka lwezitrati,
Baphalazekile.

**43** Wandisiz’ embambanweni
Wandenza nday’ ntloko;
Izizw’ endingazaziyo,
Zeza zandikhonza.

**44** Kusave indlebe zodwa
Onyana bentlanga;
Bandinika intobeko,
Yokulalanisa.

**45** Naboluny’ uhlang’ onyana
Sakudityaniswa;
Baphuma bengcangcazela,
Kokokuvingcelwa.

**46** Ehleli nje uYehova,
Liwa lokubongwa.
Makaphakanyisw’ uThixo
Ondisindisayo.

**47** Yena Thix’ owandinika
Ukuphindezela;
Ngulo khandanis’ izizwe,
Zawa phantsi kwami.

**48** Ngondisiz’ ezintshabeni,
Wandiphakamisa;
Kumf’ ondigonyamelayo,
Uyandihlangula.

**49** Ngenxa yoko ndobulela
Phakathi kwentlanga;
Ndilidumise igama,
ElinguYehova.

**50** Ulokhulis’ intsindiso
Zokumkani wakhe;
Nguye ongowenz’ inceba,
Engaphele ndawo.

KuDavide nakwimbewu
Eyinzala yakhe;
Koda kube naphakade
Wasephakadeni.

## C.M. Indumiso 19

1 AMAZULU abalisa
Uzuk' lukaThixo;
Sisixel' is'bhakabhaka
Umsebenzi Wakhe.

2 'Mini impompozelela
Eny' imin' intetho;
Nobusuku buxelela
Ubusuk' ukwazi

3 'Nteth' ayikho 'lwim' alukho,
Emhlabeni wonke,
Apho singavakaliyo,
Esi sandi sawo.

4 'Ntambo yokulinganisa
Ijikelezile;
Kwelimiweyo liphela
Kukhuluma wona

Ayintente yal' ilanga:
5 Njengomyeni lona,
Low' uphum' echwayitile
Egumbini lakhe.

Liyadloba njengegorha
Lising' el'gqatsweni,
Ukuhamb' umendo walo
Endleleni yalo.

6 Esiphelweni sezulu
Lithi ukuphuma,
Lijikele lokutshona
Ez'phelweni zalo.

Kubo ubushushu balo
Nanye int' ekhoyo
Enokuzisithelisa
Kwibandezi lalo.

7 'Myalo Wakh' ugqibelele
Ubuyis' 'mphefumlo;
Nesingqino s'kaYehova,
Sinyanisekile.

Naso isiyatha esi,
Sisiph' ubulumko.
8 'Zimiselo zoYehova,
Zifanelekile.

Zivuyisa intliziyo,
Ziyithuthuzele.
'Mthetho kaYehov' unyulu,
Uyakhanyisela.

9 Ukoyika uYehova,
Okusimakade,
Kuma ekucocekeni,
Kus' ephakadeni.

Izigwebo zoYehova,
Ziyiy' inyaniso;
Zibulungisa kwaphela.
Obungaphikwayo.

10 Ziyidlule igolide.
Ukunqweneleka;
Leyo yon' ingcwengileyo
Ehluzekileyo.

Zikwamnandi kunobusi,
Obo bunencasa;
Obuncind' ithontsis'weyo,
Kobe nqhatha labo.

11 Zona ziyamkhanyisela
Olikhonza Lakho
Woba mkhul’ umvuzo wazo
Ekuzigcineni.

12 Ngubanin’ oziqondayo,
Xan’ alahlekayo?
Kwezi sitheley’ imfihlo,
Ndenze ndibe msulwa.

13 Nakwe zokukhukhumala,
Nqand’ umkhonzi Wakho;
Nezokreqo zingamlawul’:
Kona ndofezeka.

14 ‘Mazw’ omlom’ nezicamango
Kuyo lentliziyo,
Makholeke kuYehova,
Liwa, Mkhululi wam.

## C.M. Indumiso 20

1 MAKAKUVE uYehova
Mhla ngembandezelo,
Likuphakamis’ igama,
KaYakob’ uThixo.

2 Akuthumele uncedo,
Lwasebungcweleni;
Akuxhase ngokuphuma,
Kuy’ eseTsiyoni.

3 Ay’khumbul’ iminikelo,
Eyokudla yonke,
Namadin’ atyebileyo
Kuw’ afumaneke.

4 Eyentliziy’ iminqweno
Akwanezisele;
Konk’ okumacebo akho,
Akuzalisele.

5 Ngenxa yosindiso Lwakho
Singamemelela;
Siphakamis’ ibhanile
NgoThixo owethu

Azizalis’ uYehova
Izicelo zakho
6 Okungoku-nje ndimazi
Engosindisayo.

Mthanjisw’ Akhe womphendula
Kwelingcwel’ izulu;
Ngesok’nene amsindise
Kanye ngokwe gorha.

7 Bambi bakhankany’ inqwelo
Ezizezokulwa;
Banye bazikhankanyela,
‘Themba lamahashe.

Thina sikhankany’ igama
LoYehova wethu:
8 Bona baquqile, bawa,
Thina sophakama.

9 Nkosi, sindis’ ukumkani:
Ize sakubiza,
UYehov’ asiphendule,
Ngokwenceba Zakhe

## C.M. Indumiso 21

1 WOVUYISWA ngamandl’ Akho,
Nkosi, ukumkani;
Ogcotyiswe ngokukhulu,
Lusindiso Lwakho.

2 Mnqweno wentliziyo yakhe
Umnikile Wena
Akwalandula, sicelo,
Semilebe yakhe.

**3** Ntsikelelo zokulunga
Umkhawulel’ ngazo;
Nesithsaba omthwesayo,
Yigolid’ engcwele.

**4** Akucel’ ubomi Kuwe,
Wamph’ imihl’ emide;
‘De yaba ngunaphakade
Wakwanaphakade.

**5** Uzuko lwakhe lukhulu
Ngosindiso Lwakho;
Phezu kwakhe ubek’ indil’,
Nobungangamela.

**6** Koba kuy’ unaphakade
Wen’ umthamsanqela;
Engovuyiswa kakhulu
Kuba phambi Kwakho.

**7** Kub’ ukumkan’ ekholosa
Ngaye uYehova,
Ngenceba zoseNyangweni,
Akashukunyiswa.

**8** Sandla Sakho soz’fumana
Zonk’ intshaba Zakho,
Esok’nene sobafika
Abakuthiyayo.

**9** Wen’ uyakubenza babe
Ngaziko lomlilo;
Wakubonakala boba
Uzakubaginya.

UYehova x’ enomsindo
Ungumlil’ odlayo:
Ngalomlilo wobaginya
Atshabalalise.

**10** ‘Siqhamo sab’ emhlabeni,
Sotshatyalaliswa;
Kwaneka Adam imbewu
Elusapho lomntu.

**11** Bebuthobela nj’ ububi
Becing’ iyelenqe,
Abasayikufeza nto
Ngokwenz’ okunjalo,

**12** Uyakubenza banikel’
Owabo umhlana,
Wakubajolis’ intolo
Zesaphetha sakho.

**13** Ngawakh’ amandla, Yehova,
Suka uphakame;
Sikuvumel’ izibongo,
Zobugorha Bakho.

## C.M. Indumiso 22

**1** NDILAHLWA nganina Nguwe,
Thixo wam, Thixo wam?
Ekusindekeni kwami
Ukude nganina?

**2** Thix’ emini ndiyabiza
Akundiphenduli;
Ebusuku ndakubiza
Andithozanyiswa.

**3** Ngcwele yakwaSirayeli
‘Mhlali zidumiso,
**4** Bakholosa Ngaw’ obawo
Wabasiza Wena.

**5** Bakukhala wabasiza,
Akwabadanisa,
**6** Ke mna andinto yanto ke
Ndiyintw’ engumbungu.

Isingcikiv’ ebantwini,
Into yokugculwa;
7 Incekev’ edeliweyo,
Kwabandibonayo.

Bahlunguzela intloko
Bendisinekela;
8 Bathi: Makazilahlele
KuYehov’ amsize.

“Makamhlangule kaloku
Kuba emthandile!
9 Ewe, wandityhobozisa
Kowandizalayo

Waba nkolosisi yami
‘Mabeleni kama,
10 Ndandingolahlelwe Kuwe
Kwasesizalweni.

Kwasembilinini kama
UbunguThixo wam.
11 Isondel’ imbandezelo,
Mus’ ukuba kude.

Ngokuba akukho mncedi,
Ungafunyanwayo.
12 Isininzi saz’ inkunzi,
Sindihlanganyele.

‘Mbalasane zeBhashane
Zindenzel’ umnyele.
13 Zindakhamele umlomo,
Zindivungamela.

Ngokweqwengay’ ingonyama.
Kwane bhalasayo.
14 ‘Mathamb’ am awohlokile
Ndangophaleleyo.

Imfano nye nomthwebeba
Intliziyo yami;
Inyibilike phakathi,
Kwembilini yami.

15 Mandla anjengokwegophe
Kany’ ukoma kwawo;
‘Lwimi lwam lunamathele,
‘Makhuhlangubeni.

Ndingobekwe el’thulini
Olukuk’ ukufa.
16 Kwanezinja okokwazo.
Zindirhawule ke.

Elobub’ ibandlakazi
Selindingungele;
‘Lindigqobhoza inyawo,
Kwanazo izandla.

17 Amathambo ami onke
Ndinokuwabala,
Bona benz’ imboniselo
Endijongileyo.

Bahlulahlul’ ingubo zam
Babelana ngazo;
18 Basenzel’ amaqashiso
Esam isambatho.

19 Ke, Wena Yehova, Thixo,
Ungabi kude nam;
Umandla am khawuleza
Wena undincede.

20 Umphefumlo wuhlangule
Kuwo lamakrele;
Ube ngob’ isindileyo.
Kwelezinj’ ithupha,

21 Emlonyeni wengonyama
Khawundisindise;
Nasezimpondweni zenqu
Undenzel’ ikhakha.

22 ‘Gama Lakho ndolazisa
Kuz’ izalamane;
‘Ze phakathi kwalw’ ibandla
Ndidumise ndithi:

23 E! boyiki boYehova,
Dumisani nonke;
Mbewu-ndini kaYakobi,
Mzukiseni Yena!

Nina nzala kaS’rayeli,
Mhloneleni nonke.
24 Kuba engadelekanga
Wanezothe Kuye.

Oludwayi losizana
Ekuzibikeni;
Akasithelisa buso
Kuba luyilonto;

Ekuzibikeni kwalo
Uphulaphulile.
25 Ebandleni elikhulu
Yovel’ indumiso.

Kulap’ izibhambathiso,
Ndozibeka khona;
‘Mading’ ami ndowafeza
Kwabamoyikayo.

26 Balulami bayakudla
Banele-ke bona,
NoYehova adunyiswe
Ngabamnxameleyo.

Mayiphile intliziyo
Kus’ ephakadeni
27 Makhunjulwe uYehova
Kubuyelwe Kuye;

Neziphelo zaw’ umhlaba
Ziqubude kanye;
Eyentlang’ imizalwane
Iwe phambi Kwakhe.

28 Kuba bobukaYehova
Ubuphatha-mandla
Ubulawul’ bazw’ intlanga,
Bukumkani Bakhe.

29 Izityebi zaw’ umhlaba
Zodla zimquqela;
Rhoz’ bhuqi eluthulini,
Ziwe ngamadolo;

Zicengel’ ukuwugcina
Umphefumlo wazo.
30 Kukho mbew’ iyakumkhonza
Balisani oko.

31 Kwiziza-mva zokuzalwa
LeNkosi ixelwe,
Ihlungisa kwaphela ke
Ngokwezenzo Zayo

## C.M. Indumiso 23

1 UMALUSI wam yiNkosi
Andisakuswela;
2 Ndilaliswa entilini
Ezingamakriwa.

Ndaluselwa ngakumanzi
Angawokuphumla;
3 Ubuyiswa uphiliswe
Umphefumlo wami.

Endleleni zokulunga
Iyandikhokhela;
Akungenxa yami, Nkosi,
Kungegama Lakho.

4 Ewe, noko ndiphumela
Kweyokuf' inyoba,
Andisa koyika bubi,
Kuba ukho, Nkosi.

Yoba nam intonga Yakho
Kulo lonk' ithunzi
Uz' umsimelelo Wakho
Undithuthuzele.

5 Undilungisel' ukudla
Phambi kwentshaba zam
Uyithambis' intloko yam,
'Ndebe 'yaphalala.

6 Ndiphelekwa, ndilandelwa
Kukulunga Kwakho;
Ndakuhlal' endlwini Yakho
Ngamaxesha onke.

## C.M. Indumiso 24

1 UMHLABA ngokaYehova
Nokuzala kwawo,
Lonke ke nelimiweyo,
Nabahleli kulo.

2 Kuba wawuseka Yena
Phezu kwezilwandle,
Wawuzinzisa ngoKwakhe
Phezu kwemilambo

3 Owoy' nyuka ngubani na
Intaba yeNkosi?
Onokuma ngonjani na,
Kwindawo engcwele?

4 Nguye ozandla zimsulwa
Nontliziy' inyulu;
Ongaphongomeli bubi,
Umphefumlo wakhe.

Nguye low' ungafungiyo
Ngokukhohlisayo.
5 'Ntsikelelo kaYehova,
Uyakuyamkela;

'Bulungisa nosindiso
KonguThixo wakhe;
6 Abe ngosizukulwana
Sabamnxhamelayo

Sizukulu sabafuna
Ngentliziyo yonke
Buso Bakho, Wena Thixo
OngokaYakobi.

7 Phakamisan' intlok' zenu,
Nina-ke masango;
Ivuleke iminyango
Yasephakadeni!

8 Az' angene enozuko
Ukumkani wenu.
Lo kumkani ngongubani
Ungowe nzukiso?

NguYehova oligorha
Low' unguSomandla,
NguYehova oligorha
Lasezimfazweni.

9 Phakamisan' intlok' zenu,
Nina-ke masango,
Ivuleke iminyango
Yasephakadeni!

Phakaman’ ukuz’ angene
OnguSoluzuko.
10 Lo Kumkani wolozuko,
Ngubani na Yena?

Lo Kumkan’ ungowozuko
Nguye uYehova;
UYehova wemikhosi
Nguy’ uSoluzuko.

## C.M. Indumiso 25

1 NDIW’phakamisela Kuwe,
Umphefumlo wami.
2 Unkoloseko yam, Thixo,
Mandingadaniswa.

Mabangandivuyeleli
Abo bazintshaba.
3 Lowo uthembela Kuwe
Akayikudana.

Ngabanginizel’ ilize
Abayakudana.
4 Yehova, nced’ undazise
Ezakho indlela.

5 Ndikhokhele, ndiyihambe
Inyaniso Yakho;
UnguThix’ ongumSindisi,
‘Themba lam liNguwe.

Ndingojonge yonk’ imihla
Ukuncedwa Nguwe.
6 Zikhumbule imfesane
EzikaYehova

Kwanenceba zolothando
Lulo lwaphakade;
Ndikhumbule, ndibabale
Ngesiqhelo Sakho

7 Ezobutsha kum izono
Ungazikhumbuli;
Nokukreqa kwezomini
Ungakukhumbuli.

Ngokwenceba Yakho yodwa,
Nkosi, ndikhumbule;
Ngenxa yokulunga Kwakho
Wen’ unguYehova.

8 Yena uthe tye kwaphela
Ukulunga Kwakhe;
Ngoko ubatyel’ indlela
Abo bangaboni.

9 Bonk’ abamlulameleyo
Ubanyathelisa
Kuz’ indlela namasiko
Abafundisayo.

10 Zonk’ indlela zoYehova
Zinceba, ‘nyaniso
Kubagcini bomnqophiso
Wezingqino Zakhe.

11 Ngegama Lakho, Yehova,
Ndicel’ uxolelo,
Kobu bam ubugwenxa ke,
Bukhulu kangaka.

12 Omoyikay’ uYehova,
Ngubani na yena?
Womyalela leyondlela
Amakayinyule.

13 Wohlala lowomphefumlo
Usekonwabeni;
Mbewu yakhe yolixhamla
Ilifa lelizwe.

14 Uyacebisan' uThixo
Nabamoyikayo;
Minqophiso kaYehova
Uyakubazisa.

15 Mehlo am ahlal' ejonge
Kuye uYehova;
Onyawo zam wozirhola
Naseluthanjeni.

16 Ndibheke, undibabale
Kuba ndiludwayi;
Ke ndintwe ingenabani
Nebandezelweyo.

17 Mbandezelo zentliziyo
Zindiphongomele;
Kwezontsizi zongcutheko
Ndikhuphe Yehova.

18 Ekusindekeni kwami
Hlal' undikhangele
Uxolele zonk' izono
Nokwaphuka kwami.

19 Ngokuba zininz' intshaba
Ezintiy' inkulu,
Mazinga ndenzakalisi,
Nkosi, zikhangele.

20 Wugcine umphefumlo wam
Uz' uwuhlangule;
Mandingaze, ndidaniswe
Kuzimela Ngawe.

21 Gqibelelo nenyaniso
Mazibe lithemba
22 Thixo, khulul' uS'rayeli
Kwinkathazo zonke.

## C.M. Indumiso 26

1 THETH' ityala lam, Yehova
Ndihambe, ndimsulwa;
Ndakholosa ngoYehova
Andaze ndihexe.

2 Ke Yehova ndicicikide
Undigocagoce;
Nyibilikis' izintso zam
Nentliziyo yami.

3 Ngokuba inceba Yakho
Iye phambi kwami
Ndingohamb' enyanisweni
Ingumendo kumi.

4 Andihlali namadoda
Akhohlakeleyo;
Andihambi nokuhamba
Nabanyhwalazayo.

5 Ndilithiyile ibandla
Labenza ububi:
Kwana ku'zikhohlakali
Ndiyazikhwebula.

6 Ndizihlamba kokumsulwa
Ezi zandla zami;
Isibingelelo Sakho
Ndis'phahle, Yehova.

7 Ukuze ndivakalise
Izwi lombulelo;
Ndibalis' imisebenzi
Esimanga Yakho.

8 Indlu Yakho ilikhaya
Endilithandayo;
Iyindawo yokuhlala
'Zuko loYehova.

**9** Mawungadiban' naboni
Owam' umphefumlo;
Bube namathonts' egazi
Obubomi bami.

**10** Abazandla ziyelenqe
Okungamanyala,
Ezok'nene zifumbethe
'Zicengo zobubi.

**11** Ndakuhamba okukokwam
Engqibelelweni.
Yithi, Nkos' undibabale
Ngokundikhulula.

**12** Luz' emhlabeni obanzi
Lume unyawo lwam;
Ke ndimbonge uYehova
Ndisemabandleni.

## C.M. Indumiso 27

**1** MKHANYISELI nguYehova
Ndakoyika nina?
Umsindisi, nqaba, 'bomi,
Ndonkwantyiswa nina?

**2** Bak' sondel' abenzi bubi,
Ukudl' inyama yam,
'Ntshaba, nababandezeli,
Bakhubeka, bawa.

**3** Ndirhawulwe nayikampu
Andina koyika;
Fan' imfazw' iphakamile
Noko ndinqabile.

**4** KuYehova inye into
Endicela yona,
Kukuhlala bonk' ubomi
'Ndlwini kaYehova;

Ndiqwalasele ubuhle,
ObukaYehova;
Ndiphicoth' etempileni
Endikubonayo.

**5** Emnqubeni wondigusha
Ngemini yobubi;
Esitheni lentent' Akhe,
Andimis' eweni.

**6** Kwa nangoku yophakama
Yon' intloko yami
Phezu kwazo ezintshaba
Zindingqongileyo.

Ndakubinga ententeni
'Mibingo yodumo;
UYehova ndomdumisa
Ndimbethel' uhadi,

**7** Ndakubiza ngezwi lami
Ndive-ke Yehova;
Ndibabale, ndiphendule,
Undenzel' inceba.

**8** Intliziyo yam Kuw' ithi:
Kweli uth': Funani
Ubuso bukaYehova
Ndiyakubufuna.

**9** Mus' ukubusithelisa
Ubuso Bakho kum;
'Mkhonzi Wakho ungamgili
Ngoburhalarhume

Wena uluncedo lwami
Uzungandilahli;
Thixo ondisindisayo
Ungak' undishiye.

10 ‘Bawo noma bandishiya,
Wena wandichola.
11 Ndlela Yakho ndiyalele
Wen’ onguYehova.

Kwabo bandilalelayo
Mandikhatshwe Nguwe;
Kothe tye umendo Wakho
Wena ndikhokhele.

12 Musa ukundinikela
Kwilitha lentshaba
Kuba andiphakamele
‘Mangqin’ axokayo:

Aphakame ngemifutho
Yokugonyamela;
13 Ababandezeli abo
Bandivukelayo

Macebetsh’ ukuphelelwa!
Koko ndandikholwa,
Kuthi ndokubona apha
Ukulunga Kwakho.

14 Yomelela kuYehova,
Uthembele Kuye;
Intliziyo ikhaliphe,
Uthemb’ uYehova.

## C.M. Indumiso 28

1 KUWE Wen’ onguYehova.
Ndiyadanduluka,
Uz’ ungazenz’ isithulu
Kumi, Liwa lami

Hlezibe wakuthi-cwaka
Ndakude ndeyele
Njengabo batshonileyo
Kumhad’ osisele.

2 Liv’ izwi lokuzibika,
Nokukhunga kwami;
Ndiphakamisel’ izandla
Endawen’ engcwele.

3 Mus’ ukundiqweqwedisa
Nezikhohlakali
Ezisebenz’ ubutshinga
Basentliziyweni,

Ezinteth’ igudileyo
Ngathi yeyoxolo,
Kant’ ingcinga zezobubi
Kumelwane lwabo.

4 Ngokwemisebenzi yabo,
Ngokwe ntlondi zabo,
Ngokwenza kwezandla zabo
Ubabuyekeze.

5 Ngokungayinoneleli
‘Misebenzi Yakho,
Eyezandla zoYehova,
Bayakugungxulwa.

6 Makabongwe uYehova
Kuba elivile
Izwi lokukhunga kwami
Waliphulaphula.

7 UYehova ngamandl’ ami,
Kwanengweletshetshe;
Ulikholo lentliziyo
Ndincedeka Ngaye.

Iyadlamka intliziyo
Ingom’ indumiso.
8 Kub’ engamandl’ uYehova
Ekwalil’ igwiba;

Uyinqobo yosindiso
Kumthanjiswa Wakhe.
**9** Balifa lentsikelelo
Kwa nabantu Bakhe.

Ubalusa ubaxhasa
Aze abathwale,
Ngosindiso olumiyo
Kus' ephakadeni.

## C.M. Indumiso 29

**1** NINA nyana bakaThixo,
Mniken' uYehova,
Ubuqhaqhawul' namandla,
Mniken' uYehova.

**2** Ubuqhaqhawul' begama
Mniken' uYehova;
Nizivethe ezingcwele.
Qubudani Kuye.

**3** ElikaYehova izwi
Lilawul' amanzi;
OnguThixo wal' uzuko,
Uyadudumisa.

Phezu kwamaninz' amanzi.
**4** Izwi loYehova
Linamandla nobunganga,
Izwi loYehova.

**5** ElikaYehova izwi
Laphula imithi;
Misedar' yeLebhanoni
Iyaphulwa Nguye,

**6** Lebhanon' neSiriyoni
Uyazidlobisa,
Zidloba okwenkonyana,
Njengethole lenqu.

**7** ElikaYehova izwi
Lilenyis' umlilo;
**8** ElikaYehova izwi
Liyenz' isaqhwithi.

Umenzi saqhwith' entlango
Nguye uYehova;
Kwintlango yaseKadeshe,
Asivusavuse.

**9** ElikaYehova izwi
Liyawazuzisa
Amaxhamakaz' ehlathi,
Avelis' amatsha.

Nasetempileni Yakhe
Yonke int' iphela,
Iyavumelan' ukuthi:
UnguSoluzuko.

**10** Kwakunogumb' uYehova
Wayengohleliyo;
Eyakuba nguKumkani
Kus' ephakadeni,

**11** Abantu Bakh' uYehova
Wobanik' amandla;
Wobasikelela bona,
Abanzel' uxolo.

## C.M. Indumiso 30

**1** NDOKUZUKISA, Yehova,
Kub' undirholile,
Ntshab' azandivuyelela
Koko kundinyusa.

**2** Kuwe, Thixo, ndazibika
Wandiphilisa-ke;
**3** Mphefumlo uwuvusile
Kwelabafileyo,

Wandinqakul’ emhadini
Wandidlis’ ubomi.
4 Nina ngcwele zoYehova,
Mbethelen’ uhadi;

Nibulel’ isikhumbuzo
Esingcwele Sakhe.
5 Kuba kwanomsindo Kuye,
Yinto yephanyazo.

Lon’ itarhu nobabalo
Zibubomi Bakhe;
Ukulila kungenzeka
Kulalis’ ukuhlwa;

Kodwa kwakufik’ ukusa
Taph’ umemelelo.
6 Ngoko ndath’ ebunqobeni
Ndigxumekekile.

Bona bayintaba yami
Engashukumiyo.
7 Kulonkolosek’ injalo
Yokuqina kwami,

Ndibe nokukwanqiseka
Xa usitheleyo.
8 Ndasuka ndatyandusela
Ukudanduluka.

Ndibukhangela ubuso,
ObukaYehova.
9 Ndathi: Yeyanin’ inzuzo
Egazini lami,

Ekuhleni kwam ukuba
Ndiy’ esihogweni?
Lokudumisa n’ uthuli?
Lumis’ inyaniso?

10 Sewundibabal’ Yehova
Ube mncedi wami.
11 Ukuguqul’ ukulila
Kube kukuqamba.

Ndize khulul’ ez’rhwexayo
Ndibhinqisw’ uvuyo,
12 Suka ndayivum’ ingoma
Yozukiso Lwakho

Andavum’ ukuthi cwaka
Kwanokubulela
KuYehova uThixo wam
Kus’ ephakadeni.

## C.M. Indumiso 31

1 NDIZIMELA ngoYehova,
‘Za ndingadaniswa;
Nami ndihlangule ngobo-
bulungisa Bakho.

2 Ndithobel’ indlebe Yakho,
Ngxama, ndihlangule;
Zenze ube liwa, gwiba,
‘Ndlu yemboniselo.

3 ‘Ungxondorh’ ‘yimboniselo
Malungana nami;
‘Gama Lakho lingumkhaphi
Nomthundezi kumi.

4 Uya kundirhola Wena
Kuso isibatha,
Abasigqumele mina,
Kumi uyinqaba.

5 ‘Moya wam ndiwuyaleza
Esandleni Sakho;
Undikhulule, Yehova,
Thixo wenyaniso.

6 Ndibathiyile-ke abo
Bagcini 'mampunge
Ento ezinge-zanto. Mna
Ndokholosa Ngaye.

7 Ndogcotyiswa, ndovuyiswa
Yiy' inceba Yakho;
Kub' ubon' uzibonile
Zonk' intsizi zami,

Nengxinano zomphefumlo
Wakub' uzazile;
8 Ukuvingcelw' ziz' intshaba
Akuyikwenzeka.

Inyawo zam uzimise
Endawen' ebanzi.
9 Ekubandezelekeni,
Nkosi, ndibabale.

Iliso, sisu, mphefumlo,
Zonakel' ezonto.
10 Kukhathazwa sisinqala
Ndingcungcuthekile.

Kukuncwina leminyaka,
Ayagex' amandla;
Bubugwenx' ayaluphala
Namathambo ami.

11 Kubabandezeli bonke
Ndaba singcikivo;
Ngokukodwa kumelwane
Lwabobandaziyo.

Ndabanto yokunkwantyiswa
Neyokubalekwa;
Bath' abandibona phandle
Bas'ke bandoyike.

12 Ndinjengomf' olityelweyo
Nongakhunjulwayo;
Njengesity' esilixazi
Esiza kulahlwa.

13 Ntlebendwane yabaninzi
Nayo ndiyayiva;
Ukunxunguphala kwayo
Kokoyikisayo.

Emagquguleni ayo,
Yethethana ngami;
Banqangiyel' 'kuthabatha
Umphefumlo wami.

14 Koko ndikholose Ngawe
Wen' onguYehova;
15 Ndathi: Akwe Sakh' isandla
Amaxesha ami;

Nakwabandisukelayo
Wena ndihlangule;
Esandleni sentshaba zam
Wena ndisindise.

16 'Buso Bakho bukhanyise
Kongumkhonzi Wakho,
Ndiphe usindiso Lwakho
Kwangenceba Yakho.

17 Yehova, andikudana
Xa ndinqula Wena,
Makudan' abangendawo,
Kwelabafi cwaka.

18 Mawubotshwe umlomo-ke
Waba ngobuxoki,
Ethethayo ngelungisa
Ngendlela yokusa;

Ewe, nangalo ikratshi
Elo lokudela.
19 Abembek’ ubagwebela
Ukulunga Kwakho.

Kuya kufa kokukhulu
Konyana boluntu,
Abakuku setyenzelwa
Kuzimela Ngawe.

20 Kumayelenqe abantu
Basithelisiwe,
Bakhuselwe bukho Bakho,
Wen’ ubagushile.

21 Makabongwe uYehova
Ondenzel’ inceba,
Ngokubalulekileyo
Mzin’ unqabileyo.

22 Ekothukeni kwam ndathi:
Ndingonqanyulweyo,
Andiseyinto ikhoyo
Emehlweni Akho.

Koko ekuzibiken’ kwam,
Nasekukhungeni,
Waba ngolivay’ elozwi
Ngay’ inceba Yakho.

23 Thandani-ke uYehova
Ngale nceba Yakhe;
NguYehov’ umlondolozi
Wabanyanisayo.

Wabe kowenza ngekratshi
‘Mphindezel’ inkulu.
Intliziyo, may’ khaliphe
Leyo iyeyenu.

24 Nonke enimthembileyo
Onguy’ uYehova,
‘Bani ngabomelezayo
Intliziyo yenu.

## C.M. Indumiso 32

1 HAY’ uyolo lolukreqo
Luthe lwaxolelwa;
Sat’ ison’ asenzileyo
Naso saselelwa.

2 Hay’ uyolo kuye lomntu
Ungabalelwayo
Bugwenxeni nguYehova,
Nankohliso kuye.

3 Mathambo am aluphala
Ekuthini cwaka;
Kwanoku kubhonga, kroqo,
Imihla ngemihla.

4 ‘Sandla Sakho besinzima
’Mini nobusuku;
Bumanzi bam baguqulwa
Qoko! labalela.

5 Ndakwazis’ esam isono
Andafihla lutho,
Ndathi: Mandivum’ ukreqo
Kuye uYehova.

Wabuxolela-ke Wena
Obam ubugwenxa.
6 Ngenxa yoko kulixesha,
Lokub’ uthandazwe.

Bonke abangabenceba
Bakukufumana;
Nomkhukula waw’ amanzi
Awu kubafika.

7 Uyindawo yok'zimela
Embandezelweni;
Wondiqulung' undisize
Kub' undingqongile.

8 Ndokufundisa indlela
Owohamba ngayo,
Nase kukucebiseni
Iso lam liKuwe.

9 Mayingabi mfuzo yenu
Ukuswel' ingqondo;
Ukuba njengamahashe,
Nanjengondlebende.

Nto zivatho zingumkhala
Zokubotshw' umlomo;
Bengenazo ezontambo
Ukuzisw' akukho.

10 Ziyintaphane intlungu
'Kulow' ungendawo;
Okholosa ngoYehova
Womjikel' inceba.

11 KuYehova-ke vuyani,
Nenz' umemelelo,
Mazigcobe intliziyo
Ez'the tye kwaphela.

## C.M. Indumiso 33

1 MEMELANI kuYehova
Nina malungisa:
Indumis' ibafanele
Bas' milo sithe-tye.

2 Bulelani kuYehova,
Nimbethel' uhadi;
Mbetheleni kuw' umrubhe
'Ntambo zilishumi.

3 Mvumelen' ingoma entsha,
Ngukuyilungisa;
Nenjenjal' ukuyibetha
Ngal' elokuduma.

4 Kuba lithe-tye ilizwi
ElikaYehova;
Nako konke akwenzayo
Kokuthembisayo.

5 Ungumthandi bulungisa
Nokusesikweni;
Nceba Yakhe uYehova
Izalis' umhlaba.

6 Amazulu ayenzeka
Ngezwi loYehova;
Kwano mkhosi wawo wonke
Kuvuthela Kwakhe.

7 Ulobuth' amanz' olwandle
Awenze imfumba,
'Manz' abanjiswe kovimba
Law' enzonzobila.

8 UYehova ma'umoyike,
Wonke-ke umhlaba;
Bath' aboni bel'miweyo,
Bonke bamhlonele.

9 Kuba wathetha, kwabakho,
Kwem' umthetho Akhe.
10 Okungamaceb' entlanga
Ukutshitshisile.

Ingcingane zaz' izizwe
Uzibhangisile,
11 ElikaYehov' icebo
Lelo naphakade.

Ingcingane zentliziyo.
Ewe, eze-Yakhe,
Zityhutyha nesizukulu
Ukumiswa kwazo.

12 Hay' uyolo lolohlanga
LuThix' uYehova;
Lubant' abanyulileyo
Balilifa Kuye.

13 Esezulwin' uYehova
Wondel' ukubona;
Bonke onyana baAdam,
Bon' uyabaqonda.

14 Ekwis'hlalo sokubona
Yena uqondele
Abone wonke umhlaba
Abawumileyo.

15 Ulobumbe ngamfano nye
Intliziyo yabo,
Nazo zonk' izenzo zabo
Yen' uyaziqonda.

16 Ukumkan' akasindiswa
Yiy' impi enkulu;
Igorha alihlangulwa
Ngokwamandla alo.

17 Unakanye nalw' ihashe
Ukukusindisa;
Lingenak' ukukusiza
Ngawalo amandla.

18 Iliso likaYehova
Likubantu Bakhe,
Bemoyika, belindele,
Okwenceba Yakhe.

19 Ukuze awuhlangule
Umphefumlo wabo;
Abagcine nangexesha
Layo-ke nendlala.

20 Ulindele kuYehova
Umphefumlo wethu,
Nguye oluncedo lwethu
Kwane khakha lethu.

21 Ngok' iyakukhanya Ngaye
Intliziyo yethu.
Elingcwel' igama Lakhe
Sikholose ngalo.

22 Ubabalo loYehova
Lube phezu kwethu
Njengokuba-ke, Yehova,
Silindele Kuwe.

## C.M. Indumiso 34

1 NDAKUMBONGA uYehova
Ngamaxesha onke;
Yohlal' ikowam umlomo
Indumiso Yakhe.

2 Woqhayisa ngoYehova
Umphefumlo wami;
Aya kuv' amalulama
Abe nemivuyo.

3 Mkhuliseni kunye nami
Low' unguYehova,
Siliphakamise kunye
Eligama Lakhe.

4 Ekumfunen' uYehova
Wandiphendula-ke,
Kwezozinto wandisiza
Zazixhalisile.

5 Bokhaziml’ ubuso babo
Bakhangela Kuye;
Kuba bunge nazintloni
Zibang’ ukoyika.

6 Lwamemeza usizana,
Waluv’ uYehova;
Kuzo zonk’ imbandezelo
Wavelis’ usizo.

7 lsithunywa soYehova
Singqinga nxa zonke,
Kwaba ngaboyiki Bakhe,
Sizenz’ umhlanguli.

8 Mboneni-ke uYehova
Ukulunga Kwakhe;
Unoyolo umfo lowo
Uzimela Ngaye.

9 Moyikeni uYehova,
Nina ngcwele Zakhe,
Kuba abanakuswela
Abamoyikayo.

10 Ezintsha ingonyamarha
Zingade zilambe;
Abamfunay’ uYehova
Abasakuswela.

11 Kanize ndinifundise,
Nina bangonyana,
Ukoyika uYehova
Kuphulaphuleni.

12 Obunxhameley’ ubomi
Lomntu ngubani na?
Nemihla elungileyo
Onga angay’bona?

13 Gcin’ ulwimi, gcin’ umlomo
Kokuyinkohliso,
14 Yek’ ububi, fun’ uxolo,
Ube ngolilunga.

15 AkaYehova amehlo
Akumalungisa;
Kwanazo indlebe Zakhe
Kwabazibikayo.

16 Ubuso bukaYehova
Kubenzi bobubi,
Bujonga ukuyinqumla
Inkumbulo yabo.

17 Abakhala kuYehova
Wobaphulaphula;
Abahlangule-ke ngoko,
Embandezelweni.

18 Usondele uYehova
Kwababaphukileyo
Ngentliziyo, nabamoya
Utyumukileyo.

19 Nabuninzini bobubi
Obuhlel’ ilunga,
Ulihlangul’ uYehova
Kubo bonke abo.

20 Amathambo elungisa
Yena uwagcina;
Akukho nalinye kuwo
Elinokwaphuka.

21 Ubulawa nab’ ububi
Lowo ungendawo,
Abathiyi belungisa
Bazithwes’ ityala.

22 Uwukhulul' umphefumlo
Wabakhonzi Bakhe;
Bengathwali tyala bonke
'Bazimela Ngaye.

## C.M. Indumiso 35

1 ABO babambana nami
Bambana-ke nabo
Abo balwa nam, Yehova,
Yilwa ulwe nabo.

2 Qubula ingweletshetshe,
Kwa nalo ikhakha,
Suk' ume unguYehova
Ukundincedisa.

3 Rhol' umkhonto, 'vingc' indlela
Yabasukeli bam,
Kumphefumlo wami yithi:
Ndisindiso Lwakho.

4 Abo bandizungulayo,
Mababe nentloni;
Mabadane, bahlazeke
Zingcingan' ezimbi.

5 Mabafuzise umququ
Wakufik' umoya;
Usithunywa soYehova,
Sok' batyhala bawe.

6 'Ndlela yabo mayib' mnyama,
Ibe mtyibilizi,
Xa is'thunywa s'basukela
EsikaYehova.

7 Kuba umphefumlo wami
Bawumbel' is'hogo,
Bawugqumel' isibatha
Kungekho sizathu.

8 May' babhaq' intshabalalo
Yesibatha sakhe;
Nges'thonga eyele kuso
Ongumgqumi waso.

9 Mphefumlo wam, wogcoba-ke
Kuye uYehova;
Uze ube nemihlali,
Ngosindiso lwakhe.

10 Amathambo ami onke
Athi ngoYehova,
Ngubani na onjeNgawe
Ukomelezisa?

Nothi kuzo intsizana
Abe ngumhlanguli,
Ngokunjalo nakwihlwempu
Abe mxhakamfuli.

11 'De kwesuka amanqina
Ange malungisa,
Andibuza ngayo into
Endingayaziyo,

12 Bandibuyekez' ububi
Abenza kulunga;
Ok' ikuwuxhalekisa
Umphefumlo wami.

13 Ngubo endazambathayo
Zazezi rhwexayo;
Ndenz' izila xa bafayo
'Mthandaz' awanceda.

14 Ndaziphatha ngokumvela
Ngokoko mzalwana,
Ndanga ndililel' unina,
Ndikwezokuzila.

15 Ekuqhwaleleni kwami
Ahlanganisana,
Amagxidol’ evuyile
Endenzel’ intlamba.

16 Bezihiba ezigwenxa
Ngenxa-nje yesonka,
Bas’ke banditshixizela,
Ngamazinyo abo.

17 Nkosi, kunin’ ubonela
Lentshabalaliso?
Buyis’ ezingonyameni
Umphefumlo wami.

18 Ndiya kubulela Kuwe
Kwelikhul’ ibandla;
Ebantwini abaninzi,
Ndakukudumisa.

19 Mazinga ndivuyeleli
‘Ntshaba zobuxoki,
Bangatyandelan’ intshiyi
Abandithiyayo.

20 Kub’ uxol’ abaluthethi,
Baceb’ inkohliso;
Mazwi ab’ anyamnyelisa,
Ukufuz’ ilize.

21 Besineka bathi: Tshotsho!
‘Mehl’ eth’ abonile.
22 Ubonile, yiva, Thixo,
Mus’ ukuba kude.

23 Vuka, uphaphe, Nkosi yam,
Koku kubambana;
24 Theth’ ityala lob’lungisa
Ndingavuyelelwa.

25 Mabangath’ entliziyweni:
Nantso into yethu,
Tshotsho! tshotsho! simginyile
Besifuna oko.

26 Mabadaniswe zintloni
Abavuyeleli;
Ekungandenzini muntu
Mabambath’ ihlazo

27 Vuyani ngomemelelo,
Bathandi kulunga,
Bathi: Ulonanz’ uxolo
‘Mkhulu kumkhonz’ Wakhe.

28 Lwimi lwam luyakuxela
‘Bulungisa Bakho,
Yaye indumiso Yakho
Yoba yeyemihla.

## C.M. Indumiso 36

1 IZIHLABO zongendawo
Entliziywen’ zithi:
Akukho koyika Thixo
Emehlweni akhe.

2 Ngezigudiley’ intetho
Ziyalalanisa,
‘De zifumanis’ intiyo,
Esebugwenxeni.

3 ‘Mazwi akhe bubutshinga
Ekwanenkohliso;
Uyiyekile ingqiqo,
Ngokwezenzo zakhe.

4 ‘Ngcinga, el’khukhweni lwakhe,
Zibutshing’ obubi;
Engayicekis’ indlela,
Engalungileyo.

5 EkaYehova inceba
‘Fikelel’ izulu;
Kwa nokuthembeka Kwakhe,
Es’bhakabhakeni.

6 Bungangentaba kaThixo
‘Bulungisa Bakho;
Uzigwebo zingamanzi,
Law’ enzonzobila.

Umntu kwanayo inkomo
Zisindiswa Nguye;
7 Hayi, Thixo, ixabiso
Lay’ inceba Yakho.

Aba kaAdam onyana
Bazimela ngayo;
Abe namaphiko Akho
Engumthunzi wabo.

8 Bayahluthiswa butyebi
Bayo indlu Yakho;
Ubaseza emlanjeni,
Weziyolo Zakho.

9 ‘Thende lobomi nokhanyo,
S’bonis’ ukukhanya,
10 Bolulel’ abakwaziyo
Okubulungisa.

11 Mandinganyathelwa nyawo
Lwalow’ unekratshi;
Singandiphekuz’ isandla
Somntu ongendawo.

12 ‘Basebenzi bobutshinga
Nabo-ke bewile;
Batyhaliwe bada bawa
Ababi savuka.

## C.M. Indumiso 37

1 UNGAZIVUTHISI msindo
Ngabenzi bobubi;
Nabenz’ ubungininingini
Ungabamoneli.

2 Bakusikwa kamsinyane
Bafaniswe nenca;
Bakubuna njengohlaza
Oluthi luphume.

3 NgoYehova zinqabise
Wenze ukulunga;
Lim’ ilizwe ngentembeko
Ulandele yona

4 Ziyolise ngoYehova,
Wothi akunike
Okusukuba kufunwa
Yintliziyo yakho.

5 Yiyekele kuYehova
Eyakho indlela;
Ube ngokholosa Ngaye
Ukuz’ akwenzele.

6 Wokuvathisa ngokhanyo
Okwakh’ ukulunga;
Kwa nokulibango lakho
Njengemin’ enkulu.

7 Yithi-cwaka, ulindele
Ko Nguy’ uYehova:
Ungazivuthisi msindo
Ngonempumelelo.

Ewe, lomnt’ ufez’ okwakhe
Ngaw’ amayelenqe.
8 Lahla, shiya ubushushu,
Bomsind’ ovuthayo.

Musa ukuzivuthisa,
Ngayo imbo yakhe;
Uzisingise kwanawe
Ekwenzen' ububi.

**9** Kuba beya kunqanyulwa
Abenzi bobubi.
Abathembi boYehova
Izwe bolixhamla.

**10** Kusaya kuba mzuzwana
Kuye ongendawo,
Ingabik' indawo yakhe
Wakuyikhangela.

**11** Lifa lelizwe lodliwa
Balulami bodwa;
Nobuninzi bokuxola
Babe nokuyola.

**12** Amayelenq' ongendawo
Awanzel' ilunga,
Athi alitshixizele
Namazinyo alo.

**13** Inkosi-ke iyamhleka,
Kuba yon' ibona
Oko naye kumzelayo,
Ngeyakhe imini.

**14** Elaba ngendaw' ikrele
Nalo bel' rholile;
Nesaphetha, kwa esabo,
Naso sigotyiwe;

Ukuwisa usizana,
Nay' olihlwentshana;
Bencinel' ukubasika
Abandlela intle.

**15** Krele labo lobuyela
Kweyab' intliziyo;
Zaphuk' izaphetha zabo,
Zibe ntwana-ntwana.

**16** 'Ntwana elinay' ilunga,
Ilunge kwaphela
Kunentabalal' eninzi
Kub' abangendawo.

**17** Kub' ingalo zongendawo
Yen' uyazaphula;
NguYehova ongumxhasi
Waw' amalungisa.

**18** NguYehov' umazi mihla
Bagqibeleleyo;
Lifa lawo liyakuma
Kus' ephakadeni.

**19** Abayi kukhe badane
Ngexesha lobubi,
Okokwabo bakuhlutha
Nangexa lendlala.

**20** Ngokuba abangendawo
Bayatshabalala;
Ngokomsi zophel' intlahla
'Ntshaba zoYehova.

**21** Uk' boleka kongendawo
Kuz' angabuyisi;
Kodwa kona okwelunga
Libabala liphe.

**22** Abasikelelwe Nguye
Bolixhaml' ilizwe;
Okwabatshajiswa bona
Bonqunyulwa bonke.

**23** Manyathel' omf' aqina,
Ngaye uYehova,
Ukuz' indlel' ay'hambayo
Ithandeke Ngaye.

**24** Wothi nangan' athe wawa
Akak'qungquluza,
Kub' enoYehov' umxhasi
Wesakhe isandla.

**25** Ke ndamncinci, ngok' ndimkhulu,
Akukho kushiywa
Kwelunga; nanzala yalo
Ivukel' isonka.

**26** Libabal' imihla yonke,
Libolek' abanye:
Ngalonxa imbewu yalo
Iyintsikelelo.

**27** Suka ebubini, wenze
Okulungileyo,
Ukuze uhlal' uhleli
Kus' ephakadeni.

**28** Okwesiko uyathanda
Yena uYehova;
Naninin' akabashiyi
Abanceba Yakhe.

Okokwabo wobagcina
Kus' ephakadeni:
Ke imbewu yongendawo
Iyakunqanyulwa.

**29** Oxhaml' 'lizw' amalungisa
Al' hlal' iphakade,
**30** Owab' umlomo, nolwimi,
Lotheth' okwesiko.

**31** 'Myalelo woThixo walo
Usentliziyweni;
Kuwo akakuk' ahexe
Amanyathel' alo.

**32** Liyalalelw' ilungisa,
Ngulow' ungendawo,
Ofuna ngokwenjenjalo
Ukulibulala.

**33** UYehov' akal'nikeli
Esandleni sakhe,
Lakuthethw' ityala labo
Nal' akaligwebi.

**34** Thembela-ke kuYehova,
Ugcin' indlel' Yakhe,
Wokuphakamis' ulidle
Ilifa ilizwe.

Ongendawo wombonela
Ekunqanyulweni.
**35** Ndimbonile ongendawo,
Eyingqwanga ngqwili:

Exand' okomth' omileyo
Waba luhlazathi,
**36** Kudlul' umntu, nank' engekho
Nam andamfumana.

**37** Gcina ogqibeleleyo,
Othe-tye mkhangele;
Kuba zon' izivela-mva
Zezomntu woxolo.

**38** Ke bona abangendawo
Bobhangiswa mpela;
Sivela mva songendawo
Soba kunqanyulwa.

**39** 'Sindiso lwamalungisa,
Luphum' eNkosini;
Ngexesha lembandezelo,
Uligwiba kuwo.

**40** UYehov' uyawanceda,
Az' awasindise;
Asindise kongendawo
Azimele Ngaye.

## C.M. Indumiso 38

**1** YEHOVA, ungandohlwayi
Unomsind' omkhulu;
Mus' ukundithethisa mna
Ngoburhalarhume.

**2** 'Ntolo Zakho zitshonile,
Kany' ukundihlaba;
'Sandla Sakho, ngokunzima,
Sindixhakamfule.

**3** Enyamen' andiphilile,
Ngenxa yomsind' Wakho;
Namathamb' akaphilile,
Ngenxeni yezono.

**4** Busuke-ke ubugwenxa
Bandikhwel' entloko;
Bundisinda njengomthwalo
Ondihleli nzima.

**5** Ibhiqiza ukunuka,
Imivumbo yami;
Obu bume bundibanga
Ukuba siyatha.

**6** Ndiphatha kupenapena,
Zendisibekeke;
Yonk' imin' ndirhubuluza,
Ngokozilileyo.

**7** 'Mihlubul' iyatshiseka,
Ndithunga thungiwe;
'Ndaw' iphilayo ayikho
Kule yam' inyama.

**8** Ndiqobile, ndityumkile,
Ngawo lomva-ndedwa,
Ndibhongiswa kukugcuma,
Kwentliziyo yami.

**9** Nkosi yam, uphambi Kwakho
Wonke umnqweno wam;
Kwano mncwino wentliziyo,
Kuw' awusithele.

**10** Liyabeth' elam' iphaphu
Amandl' aphelile;
Nokukhanya emehlweni
Kwanako akukho.

**11** Abandithanday' nowethu,
Bamele mgama-ke
Kokubethwa, 'zalamane
Zimi kude nami.

**12** Bathiyi bam bayafuna
Umphefumlo wami
Benxamel' ukub' ububi
Buze kundihlela.

'Nto bazithethayo ngami
Kundeyelisela
Becamanga inkohliso
Ngam imini yonke.

**13** Ke mna ndibuthul' andiva,
Ndinjengesidenge;
Ndleb' ayiva, mlom' aw'thethi
Ndisi simumumu.

14 Ndinjengomntu ongeva nto,
Ongathethisiyo;
15 Ndilind' undiphendulele,
Yehov' am, Thixo wam.

16 Ndithi: Hleze bavuyelele
Ndakutyibilika,
Bathi ngokokugqidiza,
Sebezikhulisa.

17 Ndizakuwa kujingxela
Lamaxesha onke,
Lolusizi nomva-ndedwa
Ndijongene nawo.

18 Obugwenxa bundimele
Busithi ndixele;
Ndikweso sithukuthezi,
Singenxa yesono.

19 Pof' intshaba ziphilile
Zona zizimfidi,
Abandithiyay' baninzi
'Nto yab' ikuxoka.

20 Kundibuyekez' ububi
'Ndawen' yob'lungisa:
Ndakuphuthum' ukulunga,
'Nto yabo yincaso.

21 Msukundishiya, Yehova,
Ube kude, Thixo;
22 Khawuleza undincede
Nkos', nomSindisi wam.

## C.M. Indumiso 39

1 NDINGOWATHI ndozigcina
Ezami indlela;
Ulwimi lwam ngokunjalo,
Ukuba lungoni.
Umlomo wam ndowubopha
Kwa ukuwugcina;
Xenikweni ongendawo,
Asephambi kwami.

2 Ndathozama ndasidenge,
Zole! andathetha,
Ukulunga kudubeke
'Ntsizi zomva-ndedwa.

3 Kubushushu bentliziyo
Ley' ingaphakathi,
'Ngcamango zavuth' umlilo,
Lwathetha ulwimi.

4 Ndathi: Ndazise, Yehova,
Esam isiphelo,
Umlinganiso wemihla
Nokunqamka kwami.

5 Bon' imihl' ingangesandla
Nobomi abunto,
Bonk' abantu bangumphunga
Nakubeni bemi.

6 Umntu ukuhamba-hamba
Unjengesithunzi;
Ngxokozelo nje yomphunga;
Phe'l ekungazini.

7 Ndothembela kwintonina
Ngokunje, Nkosi yam?
Makumiseleke Kuwe,
Ukulinda kwami.

8 Elukreqweni lwam lonke
Nced' undihlangule;
Kwi ngcikivo yesidenge,
Ungandimiseli.

9 'Mlomo wam andiwuvuli,
Mna ndisisidenge;
Oku kukwenziwa Nguwe.
10 Susa esibetho.

Ndiyaphela kutyundyutha
KweSakho isandla.
11 Soya somntu njengenundu
Usonakalisa;

Umthethisa umntu Wena
Ngenxa yobugwenxa,
Umfuzisa okwenundu,
Umswelis' isoya.

12 Ndikuthandaza, Yehova,
Ndibazel' indlebe,
Ezinyembezini zami
Uzungathi-cwaka.

Kuwe ndingumphambukeli,
Ndwendwe ngokobawo;
13 Ungandikhangel' ndoncuma,
Ndingekemki shwaka

## C.M. Indumiso 40

1 NDILINDELA, ndithembele
Kuye uYehova,
Wazithoba-ke wakuva
Ndakuzililela.

2 Wandirhola emhadini,
'Mgxobhozwen' wodaka;
'Nyawo zam zamisw' eweni,
Manyathel' aqina.

3 'Ngoma entsha uThix' wethu
Ndamdumisa ngayo;
Nkitha, bonani noyike,
Nimkholw' uYehova.

4 Hayi, uyolo kwindoda,
Enkol' ikuThixo,
Ay' babek' abaqwayingi,
Maphamb' axokayo.

5 Thixo wam onguYehova,
Menzi wokuninzi.
Ngcinga misebenzi kuthi
Ibalulekile.

Akulinganiswa nanto
Ingayexelwayo;
Bendiya kuthetha ngayo
Ukuba ibikho.

Ngcingane eziyinkohla
Zingenakubalwa.
6 'Mbingelelo, namnikelo,
Akuzinanzanga.

Ndlebe zam uzivulile;
Akubizi dini
Elililo elesono,
Dini linyukayo.

7 Ndide ndathi: Uyabona,
Ndiyeza nencwadi,
Isongiwe kubhaliwe
Ngami ngaphakathi.

8 Ukwenz' ukuthanda Kwakho
Ndikunyamekele,
Nawo umyalelo Wakho
Usembilinini.

9 'Ndaba ezilungileyo
Ezobulungisa
Ndazishumayez' ibandla,
Andanqwanqwa ngazo.

10 'Bulungis' and'bugqumanga
Kwintliziyo yami,
Kuthembeka Kwakho kumi
Ndikukhankanyile.

Usindiso nay' inceba
Andazikhanyela;
Kwanenyanis' eyeYakho,
Kwelikhul' ibandla.

11 'Mfefe Zakho kum' Yehova,
Ungazithinteli;
'Nceba Yakho nenyaniso
Zindilondoloze.

12 Ndimjikelwa wentw' ezimbi,
Azinakubalwa,
Bakufika ubugwenxa,
Bungakhangeleki.

Baninz' okwenwel' entloko,
Ndimkelwe luvalo.
13 Ngamana wandihlangula,
Yehova, khaw'leza.

14 Mabadaniswe zintloni,
Abam abazondi;
Babuy' umva, bahlazeke,
Abanywebeleli.

15 Ngomvuzo wehlazo labo,
Mabamangaliswe,
Abatshoy' ukuthi kumi,
Heke! tshotsho! tshotsho!

16 Mabe nemihlali Ngawe
Abakufunayo;
Oluthanday' usindiso,
Yehova, mkhulise.

17 Ke mna hlwempu lusizana,
Ndocingwa yiNkosi,
Nguw' umncedi, msindisi wam,
Mus' ukulibala.

## C.M. Indumiso 41

1 ASIMNTU inyweba lowo
Unanze ihlwempu,
Womhlangula uYehova
Emhleni wobubi.

2 Wogcinwa-ke nguYehova
Abe ngophilayo
Nasemhlabeni wonconywa:
Mkhusel' ez'ntshabeni.

3 El'khukhweni lobulwelwe
NguYehov' umxhasi;
Uguqul' ukhuko lonke,
Esifeni sakhe.

4 Ndithi mna: Yehova, tarhu;
Kha'undenzel' inceba;
'Mphefumlo wam wuphilise:
'Kuba ndikonile.

5 Ngabo bazintshaba zami
Ndingumlelwe kubi;
Zithi: Wod' afe ninina
Lidake igama?

6 Nozel' ukundilunguza
Uphum' endixoka;
Kub' intliziy' ebutshinga,
Ubez' ey'gqumile.

7 Kusebeza kwabathiyi
Kokutheth' okubi
8 Bathi: Lilel' itshijolo
Alisakuvuka.

**9** 'Ndoda besixolelene,
Ndikolose ngayo,
Ebesidla 'sonka kunye,
Nay' indivukele.

**10** Yehova-ke, ndibabale;
Undiphakamise;
Ndize ndibabuyekeze,
Ngokwempatho yabo.

**11** Ndazi ngalento ukuba
Undinonelele;
Akana kundidumela
Olutshaba lami.

**12** Ekugqibeleleni kwam
Wena wondixhasa
Wondimisa phambi Kwakho
Kus' ephakadeni.

**13** Makabongwe uYehova
KaS'rayel' uThixo
Kwiphakade laphakade
Amen, ewe, Amen.

## C.M. Indumiso 42

**1** NJENGEXHAMA litsalela
'Mifulen' yamanzi,
'Mphefumlo wam wenjenjalo
Ukufun' uThixo.

**2** UThixo wam ndimnxanele
Low' uphilileyo;
Ndofika, ndibonakale
Nin' ebuswen' Bakhe?

**3** Inyembezi zikukudla
'Mini nobusuku,
Xana bathi yonk' imini:
Uph' uThixo wakho?

**4** Umphefumlo luyeyane
Ndaku khumbul' oko;
Ndandihamba nezihlwele,
Endlwini kaThixo;

Sinezwi lomemelelo
Elibulelayo,
Siy'ngxokolo, sivuyela
Uzuko lwemihla.

**5** Usibekeke ngani na,
Wena mphefumlo wam?
Kunganin' ukub' ugule
Ngaphakathi kwami?

Lindela kuThixo wena
Kuy' usak'bulela;
Olusindo lobuso bam,
NonguThixo wami.

**6** Thixo, uthokombisile
Umphefumlo wami;
Ndikhumbula Wen' ezweni
Yordan, Hermon, Mitsar.

**7** 'Manzi anzul' amemana
Ngangxangxasi Zakho;
Maz' alwayo eguguma
Edlula phezu kwam.

**8** 'Nceba kuYehov' emini
Woy'wisel' umthetho;
Ndovuma ngay' ebusuku,
Ndithandaz' uThixo.

**9** Ndithi 'Thix' oy'ngxondorha yam
Ngan' undilibale?
Ndihambe ndizilile nje
Kuxinwa lutshaba?

**10** Ngent' ey'mpehl' emathanjeni
Bayandingcikiva
'Bandezeli mihla yonke
Bath': Uphi uThixo?

**11** Uz'thokombisele nina
'Mphefumlo wam wena
Kunganin' ukub' ugule
Ngaphakathi kwami?

Lindela kuThixo wena
Kuy' usak'bulela
Olusindo lobuso bam
KwanoThixo wami.

## L.M. Indumiso 43

**1** TYALA lam lithethe, Thixo.
Uz' undisindise;
Kuhlang' olungenanceba,
Nendod' engendawo.

**2** Uyinqaba yam nje Wena,
Undihlamba ngani?
Ngani ukuba ndizile
Kuxinwa lutshaba.

**3** Thum' ukhanyo, nenyaniso,
Ezondikhaphela,
Entabeni em'nqubeni
Leyo iyengcwele.

**4** Ndoya kwisibingelelo
KuThixo ngovuyo
Lwam 'gcobayo, ndibulele
KuThixo ngohadi.

**5** Udakumbe yintoni na,
Mphefumlo wam wena?
Uhlungiswa yintoni na
Ngaphakathi kwami?

Lindela kuThixo wena,
Kuy' usak'bulela
Olusindo lobuso bam
KwanoThixo wami.

## C.M. Indumiso 44

**1** SIVILE ngobawo, Thixo,
Basibalisela
Ngomsebenz' owawenzayo
'Mihla yamandulo.

**2** Usandla sagqogq' intlanga,
Watyala-ke bona;
Nokuba waviv' izizwe
Wanabisa bona.

**3** 'Krele lab' alihluthanga
Elolizwe labo,
Ngalo yab' ay'basizanga
Kwezo ntshaba zabo;

Kungesandla sokunene
Kwane ngalo Yakho;
Kukhanya kobuso Bakho:
Unesisa kubo

**4** Thixo kum ungukumkani,
Ngenxa kaYakobi
Malubekho usindiso
Luthunyelwa Nguwe.

**5** Nababandezeli bethu
Ngawe sobangqula;
Abasukela phez' kwethu,
Ngawe sobagqusha.

**6** Ngesapheth' andimkholosi,
Nangekrele lami;
**7** Umsindisi wethu Nguwe
Badan' abathiyi.

**8** Sidumisa, sibulela
Yonke-ke imihla
Kwigama loThixo wethu
Kus' ephakadeni.

**9** Nok' us'hlambe wasihlaza
Kwimikhos' wasala;
**10** Samelwa kuhlehla umva
Bas'phang' abathiyi.

**11** Njengegush' ezidliwayo
Was'nikela njalo;
Sachithwa-ke sichithiwe
Phakathi kwentlanga.

**12** Ngabant' Bakho wathengisa
Akwazuza lutho,
Akwal'nyusa ixabiso
Akwatyeba ngabo.

**13** Wasenza isingcikivo
Kumelwane lwethu,
'Cukucezo, is'gculelo
Kubangqongi bethu.

**14** 'Ntlangeni saba mzekelwa
Ngokwenziwa Nguwe,
Sahlunguzelwa intloko
Zizo zonk' izizwe.

**15** 'Hlazo lam' liphambi kwami
Yonke-ke imihla,
Nokudana kobuso bam
Kundigubungele;

**16** Ngenxa yezwi lomngcikivi
Noy' ongumnyelisi;
Kwanotshaba lukhangela,
Kwanomphindezeli.

**17** Kusifikele konk' oko
Asakulibala;
Nakumnqophis' asaxoka
Sakululamela.

**18** Ngentliziyo asahlehla
Sihul' emendweni,
**19** Hleze sityunyuzwe Nguwe
Ngethunzi lokufa.

**20** Ukuba igama Lakho
Besithithibele,
Solulel' izandla zethu
'Thixwen' basemzini,

**21** Ubenge zicikidi na
Lont' uThix' ayazi?
Kub' ezaz' ingontsi ngontsi
Zentliziyo zethu.

**22** Ngenxa yoko sibulawa
Imihla le yonke;
Kwaliwa ngath' sizigusha
Ezezo kuxhelwa.

**23** Vuka! ulaleleni na,
Wena Nkosi yami?
Qabuka, ungasihlambi
Kube kuphel' oko.

**24** Busitheliswe ngani na,
'Buso Bakho kuthi?
Koluxino, cinezelo
Us'libeleleni?

**25** Sisu sethu nomphefumlo
Zilel' el'thulwini,
**26** Khawusuk' um' usincede.
Ngokwenceba Yakho.

## C.M. Indumiso 45

1 NGENTLIZIYO ndiphuphuma
Elihle-ke izwi,
Ndingayenza nayiph' into
Ijong' ukumkani;

Lwimi lwam lukhaw'lezisa
Kosiba lombhali,
2 Umhle wamhle wagqithisa
Konyana boluntu.

Kugalelwe ubumnandi
Emlonyeni Wakho;
'Thixo Wakh' ukuphe ngokwe-
Nyweba yaphakade.

3 Bhinq' ikrele, gorhandini,
Ethangeni Lakho;
Uyibhinq' indili Yakho,
Nobungangamela.

4 Tyhudisa, ukhwel' uhambe
Ngobungangamela,
Ngenyaniso, nolulamo,
Lunobulungisa.

'Sandla Sakho sokunene
Sona sikuyale;
Sabe siphethel' ezonto
Zize zokoyikwa.

5 'Ntolo Zakho zitsolele
Ukuwis' intshaba;
Zatsolel' entliziyweni
Elwa nokumkani.

6 'Trone Yakh' 'ngunaphakade,
Thixo waphakade,
'Ntonga yolawulo Lwakho,
Yintonga ethe-tye.

7 Nguy' umthandi bulungisa,
'Mthiyi nkohlakalo;
Ke, uthanjiselwe oko
NgonguThixo Wakho;

Ngeyemihlali i-oli
Phez' kwamakholwane.
8 'Ngubo Zakho ziyimore
Kasiya, haloti.

Umabhotwe ahonjiswe
Ngempondo zendlovu,
Apho ukukuvuyisa
Kubethwa uhadi.

9 Intombi zokumkan' zikho
Phakathi kwentanda
Kumkanikaz' ekunene
Enxityw' igolide.

10 Ntombi, kawuve ubone
Uyithob' indlebe;
'Bakowenu balibale,
Kwanendlu kayihlo.

11 Akubunqwenel' 'kumkani
Bunzwakazi bakho,
Wena woqubuda kuye,
'Kub' uyinkos' yakho.

12 Zoy' ncekelel' izityebi
Intomb' enguTire:
13 Yambeth' ubuyokoyoko
Kwel' phakath' igumbi

14 Yosiwa-ke kukumkani
Imabala-bala;
Zaye zilandel' ezinye
Ukusiwa kuwe.

**15** Ngemivuyo, nemigcobo,
Ukuviswa kwazo,
Zongena-ke ebhotweni
Lokumkani lowo.

**16** Uyakubamis' onyana
'Ndaweni yoyise,
Babe ngabathetheleli,
Emhlabeni wonke.

**17** Ndokhankanya 'gama Lakho
Kwizizukulwana
'Kuz' izizwe zibulele
Kus' ephakadeni.

## C.M. Indumiso 46

**1** ULIHLATHI kuth' uThixo
Ekwalil' igwiba;
Ufumanek' eluncedo,
Embandezelweni.

**2** Ngalonxa-ke as'woyiki
Amaphend' omhlaba,
Zakudilikel' intaba
Enzulwin' yolwandle.

**3** Angagquma alephuze,
Lomanzi olwandle;
Zinganyikima nentaba
Ngokukratsha kwalo.

**4** 'Mlambo womzi ozibhaxa
Kwa Thix' uluvuyo,
Kwiminqub a eyingcwele,
Yosenyangweni-ke.

**5** Uphakathi kwaw' uThixo
Awushukunyiswa;
Uwunceda-ke uThixo
Kwakuk'vel' ukusa.

**6** Ziyaxokozel' intlanga
Azinakuzinza
Uyakhupha izwi Lakhe,
Ungabik' umhlaba.

**7** UYehova wemikosi
Ungecala lethu;
Yen' uThixo kaYakobi
Uyingxonde yethu.

**8** Yizani-ke nikhangele
OkweNkos' ukwenza,
Ethi yenz' iziphanziso
Phezu kwehlabathi.

**9** Ulophelisa zimfazwe
Ziphelwen' zomhlaba;
Umaphula isaphetha
Angqumze umkhonto.

Ungumtshisi ngaw' umlilo
Wezokulw' inqwelo.
**10** Yekani nazi ukuba
Ndimu onguThixo;

Ndingoya kuphakanyiswa
Nazizo intlanga;
Ndingoya kuphakanyiswa
Nanguwo umhlaba.

**11** UYehova wemikhosi
Ungecala lethu;
Yen' uThixo kaYakobi
Uyingxonde yethu.

## C.M. Indumiso 47

**1** NONKE zizwe, uYehova
Mbethelen' izandla;
Mdumelen' uThixo ngezwi
Lokumemelela.

2 NguYehov' osenyangweni
Engowokoyikwa;
Kub' ekumkani omkhulu
Emhlabeni wonke.

3 'Zizwe uzikhandanisa
Phantsi kwenyaw' zethu;
4 'Qhayiyen' likaYakobi
As'nyulel' ilifa.

5 Unyuk' uThixo kudunywa,
Kuhlokom' is'godlo;
6 Mbethelen' uhad' uThixo,
Ewe mbetheleni.

Ongowethu uKumkani
Mbethelen' uhadi;
7 Kub' uThixo nguKumkani
Wawo wonk' umhlaba

U-Yehova ngokuqiqa,
8 Mbethelen' uhadi,
EnguKumkani wentlanga
Ohlel' etronini,

Leyo Yakhe iyingcwele
Uhlel' elawula.
9 Amanen' ezizwe Zakhe
Ahlanganisene.

Bantu boThixo k'Abraham
Bemnyuse kakhulu,
Kub' izilawul' zomhlaba
Zez' kaThixo yedwa.

## C.M. Indumiso 48

1 WONGAMILE uYehova
Ngowokudunyiswa,
Emzini woThixo wethu
Entab' akh' engcwele.

2 Intle ukuphuma kwayo
Iluzuko 'mhlaba;
'Mzi wentaba kaKumkani
'Tsiyon, ntlom' esentla.

3 UThixo ezingxandeni
Ezo zinde zawo,
Wazelwa ukuba yena
Uyindaw' engxonde.

4 Kuba nabo okumkani
Babenqophisene,
Bawela beyinginginya,
Beza bonke kunye.

5 Bebonil' abakhuluma
Kukwanqa barhoxa,
6 Babanjwa kuthuthumela
Bezibhijabhija.

7 Ngowempumalang' umoya
Uvith' inqanawa,
Ezo zakwaTarashishe.
8 Njengoko sevayo,

Ngokunjalo sibonile,
Kumzi kaYehova:
'Thixo weth' uwuzinzisa
Okonaphakade.

9 Lenceb' iye Yakho, Thixo,
Siyayikhumbula,
Sisengabo baphakathi
Kwetempile Yakho.

10 Ngangegama Lakho, Thixo,
Lunjal' udumiso,
Kuse ez'phelwen' zomhlaba
Uzel' ukulunga.

**11** Vuya, ntaba yeTsiyone!
Gcobani kwanani
Magxamesi akwa Yuda,
Ngezigwebo Zakho.

**12** Jikelezan' iTsiyone
Niyizunguleze;
Zibalen' inqaba zayo
Ezo zize zinde.

**13** Nilugqale unqameko
Lowayo umsele,
Ngxande zayo nizicande
'Kuze nibalise.

**14** Kuba loThix' ongowethu
NguSomaphakade;
Kwizizukul' ezizayo,
Uyakusikhapha.

## C.M. Indumiso 49

**1** YIVAN' oku, nonke zizwe,
Bekani indlebe,
Nonke nina zima-mhlaba
Zephakade eli.

**2** Nina bonyana boluntu,
Nani bamadoda;
Izityebi, namahlwempu,
Ninonke ngakunye.

**3** Mlomo wam uzakuthetha
Okukubulumko,
Ngocamango lwentliziyo
Olusengqondweni.

**4** Ndlebe yam ndoyithobela
Emzekelisweni;
Intsonkotha ndoy'vulela
Yona okohadi:

**5** Nganina ndoyik' imihla
Eyiye yobubi,
Nobhijelo lobugwenxa
Babandihambayo?

**6** Abakholosi ngemfuyo
Nobutyebi babo.
**7** Phof' umzalwan' akanako
Yen' ukumkhulula

Akanakumnik' uThixo
Sicamagushelo.
**8** (Kunqabe isikhululo
Sowab' umphefumlo,

Ngokwento ede yancanywa
Kwas' ephakadeni.)
**9** Abe mdli wabom' maxesha
Engas'bon' is'hogo.

**10** Kub' ebona nezilumko
Zikwabhubha nazo,
Zityhakala nezinyabi
Ziyishiy' imfuyo.

**11** Embilin' bebethi bona:
'Ndlu zom' is'makade
Leminquba iyeyabo
Yeye zizukhulu,

Bayithiya imihlaba
Ngamagama abo
**12** Kanti manew' newu omntu
Akanto yalutho.

'Mntu ufana nenkom' ezi-
zitshabalalayo,
**13** Zinyabi nabalingane,
Ndlela nje yomlomo,

14 Ehades' imbutho yabo
Inje ngeyegusha;
O yena malusi wabo,
Ngongukufa yedwa.

Ekuseni abathe-tye
Bayabanyathela
Nesithom' asinandawo
Sonakel' ek'feni.

15 Wow' khulul' uThixo kodwa
Umphefumlo wami,
Ngesandla Sakh' andithathe,
Kwelo lina bafi.

16 Yakuba sityeb' indoda,
Musa ukoyika
Kwanendlu yayo yakwanda
Ngab' ubuqaqaw'li.

17 Ayikuthabatha nento
Ekufeni kwayo;
Aliyikuhl' emva kwayo
Kwanozuko lwayo.

18 Nangani isadl' ubomi
Ib'zichwayithisa,
Nomphefuml' iw'sikelela
Bade bay'dumise.

19 Sizukulu eya kuso
Sesasi ngoyise,
Naphakad' ukukubona
Oko kukhazimla.

20 Mntu ndini usihandiba
Ube ungaqondi,
Ufana nenkomo ezi-
zitshabalalayo.

## S.M. Indumiso 50

1 UNGOTHETHILEYO
UThixo wo thixo,
Mini le ubiz' umhlaba,
Kusasa ahlwise.

2 KwiTsiyon' ey'nzwana
Ukhaziml' uThixo;
3 Esiz' enguThixo wethu,
Akakuthi cwaka.

Mlil' ophambi Kwakhe
Unguwo odlayo;
Ngenxa zonk' usisaqhwithi
Esimphahlileyo.

4 Phezul' amazulu,
Kwakwanje ngomhlaba,
Uwabiz' ukuz' agwebe
Phakathi kwabantu

5 Ndibalelen' abam
Abo-ke benceba,
Abanqophisene nami
Ngokombingelelo.

6 Amazul' axela
'Bulungisa Bakhe;
Kuba ngoKwakhe uThixo
Yen' uzakugweba.

7 Bantu Bam, yivani,
Sirayel' ndithethe,
Ndiqonononondise kuwe,
NdinguThixo wakho:

8 Akungambingo-ke
Endikohlwayayo,
Namadin' akh' anyukayo,
Selok' ephambi Kwam.

**9** Andizithabathi
Inkunzi zenkomo;
Kwaneze bhokhwe inkunzi
Es'bayeni sakho.

**10** 'Nyamakaz' zizonke
Zehlabath' zezami,
Kwa namawaka enkomo
Ezisezintaben'.

**11** Ndiyazaz' intaka
Zonke-ke zentaba;
Nanto idakasa endle
Lonto-ke iNami.

**12** Ndingekucebisi
Noko ndilambile,
Kuba leLam el'miweyo
Nemfezeko yalo.

**13** Kon' ibalasele
Eyenkunz' inyama,
Kudla na? Ndil' sel' igazi
Lenkunzi zebhokhwe?

**14** Bingelel' Yehova
Umbulelo wakho,
Kosenyangwen' uzalise
Amadinga akho.

**15** Undibize ngomhla
Wokukhathazeka,
Ndikuhlangule-ke wena
Uz' undizukise.

**16** Kongendaw' uThixo
Uthetha nay' athi:
Ukuzeka phina wena
Okungommiselo?
Uxel' ud' uphathe
Nomnqophiso Wami?
**17** Uyithiyile nje wena
Intethiso Yami.

Kant' amazwi Ami
Ak' wanyamekeli,
Wawaphosa emva kwakho
Kub' uwadelile?

**18** Xa ubon' isela,
Ukholana nalo;
Uze abakrexezayo
Wabelane nabo

**19** Owakho umlomo,
Uyekel' ububi;
'Lwimi lwakho luthungela
Inkohliso yodwa.

**20** Ngomzalwana wakho
Wahlala umthetha;
Ngalontlond' umnta-kanyoko
Umbek' ehlazweni

**21** Ngokungathethi nto,
Wakub' usenz' oko.
Ube Nam ndingonje ngawe
Kus' eso similo.

Ngazo ezo zinto
Ndiyakukohlwaya,
Zonke ziyakucwangciswa
Emehlweni akho

**22** Kaniqonde oko,
Balibali Thixo,
Hleze ndiqwenge kungekho
Unokuhlangula.

23 Obhinq' umbulelo
Uyandizukisa;
Athi gca ngeYam indlela
Ndimbonis' uk'sinda.

## C.M. Indumiso 51

1 NGOKWENCEBA Yakho, Thixo,
Tarhu! ndibabale;
Ngobuninzi benceba Yakh',
Cim' ukreqo lwami.

2 Kawundixovul' kunene
Umkis' ubugwenxa;
Undihlambulule kanye,
Esonweni sami.

3 Ndiyalwazi ukreqo lwami
Kwane sam' isono,
'Maxesh' onke siseloko
Sikho phambi kwami.

4 Oku kona ndone ngakho
KungaKuwe wedwa;
'Mehlo Akho endibona
Ndenza obububi.

Okuthethayo kokona
Boba bulungisa;
Kwanak' ukugwetywa Nguwe
Kokona kocaca.

5 Uyabona ndazalelwa
Ndisebugwenxeni;
Wab' uma wandikhawula
Ndingosesonweni.

6 Uyabona inyaniso
Uy'fun' ezintsweni;
Kwanob'lumko undazisa
Kwindaw' ez'yimfihlo.

7 Ngehisop' kawundihlambe
Ndohlambululeka;
Ndixovule ndenze mhlophe
Ngaphezu kwekhephu.

8 Imihlal' kawundivise,
Kwanay' imivuyo;
Ogcoba amathambo-ke
Uwacolileyo.

9 Sithelis' ubuso Bakho
Ezonweni zami;
Ubucime Wena bonke
Ubugwenxa bami.

10 Dala ngaphakathi kwami
Intliziy' enyulu;
Undihlaziyel' umoya
Oqinisekiley'.

11 Musa Wen' ukundilahla
Ebusweni Bakho;
'Moya Oyingcwele Wakho
Ungawuhluthi kum.

12 Eyosindis' imihlali
Mayindibuyele;
Undixhase ngaw' umoya
Wentumekelelo.

13 Kukona ndobafundisa
Abo bangendawo,
Kwanazonk' indlela Zakho,
Babuye aboni.

14 Ndihlangul' emagazini,
Thix' osindisayo,
'De lumemelel' ulwimi
Bub' lungisa Bakho.

**15** Nkosi yam, khawuyivule
Imilebe yami;
Kokona umlomo Ngawe
Woxel' indumiso.

**16** Kuba Wena akunanze
Namibingelelo;
Nanyukayo amadini,
Bendiya kuk'nika.

**17** Im'bingelelo kaThixo
Kukwaphuk' umoya:
Intliziy' etyumkileyo
Akayikuy'dela.

**18** Okulunge kwakholeka
Kwenzel' iTsiyone;
Ndonga zeYerusaleme,
Mazakhiwe Nguwe.

**19** Ize imilambo Kuwe,
Yandul' ukuyola;
Namadini anyukayo
Agqibeleleyo.

'Nkunz' ezintsha ezenkomo
Zondul' ukunyuswa,
Ziya es'bingelelweni
Eso sikaThixo.

## C.M. Indumiso 52

**1** UQHAY'SELA, nina gorha,
Ngokwenza okubi?
Inceba kaThixo ikho,
Imihla ngemihla.

**2** Ngcamango yolwimi lwakho
Kukweyelisela;
Ululole labukhali
Ngas'tshetshe sendevu.
Umkhohlis' okhohlisayo,
**3** Ongumthandi bubi
Nokuthetha ubuxoki,
Kunokulungisa

**4** 'Mthandi waw' amazwi onke,
Alalanisayo;
Lwimindini lungendawo
Nolunenkohliso.

**5** Kamb' onguThix' umdilizi
Usakukuxwila,
Akudonyule ezweni
Labaphilileyo.

**6** Obon' oyik' amalunga,
Athi x' ahlekayo:
**7** Kanimbon' umf' ongenzanga
UThixo igwiba!

Wakholosa ngobuninzi
Bobutyebi bakhe;
Wab' ezenz' ingcwangu yena
Yokweyelisela.

**8** Mna ndinjengol'hlaz' umnquma.
Endlwini kaThixo:
Ngenceb' Akhe ndokholosa
Kude kube nini.

**9** Ndiyakubulela Kuwe
Kus' ephakadeni;
Kuba Wena ukwenzile
Okundibabala.

Ekuben' igama Lakho
Linje ukulunga,
Ebusweni kwabenceba
Ndiyakukuthemba.

## C.M. Indumiso 53

1 ISIDENG’ entliziyweni
Sith’ akukho Thixo.
Bonakele, bal’sikizi,
Ngobugqwetha babo.

Kona okulungileyo,
Akakh’ okwenzayo.
2 Ezulwini nank’ uThixo,
Engoqondeleyo.

Kulenzala ingonyana
Bakhe uAdamu;
Akabonwa onengqiqo
Yokufun’ uThixo.

3 Babuy’ umva bephelele,
Baba yimbozisa;
Ubulungis’ abenziwa,
Nangumnye ongabo,

4 ‘Basebenzi bobutshinga
Abanakwazi na?
‘Bantu Bam bathi bebadla
Bange badl’ isonka;

Babe Lowo unguThixo
Bengamnquli Yena?
5 Phof’ bankwantya benkwantyile,
Bengoyikiswa nto.

Kub’ uThixo uwathe sa
Amathambo abo;
Badanile kub’ uThixo
Ebacekisile.

6 Akwaba lovel’ eTsiyon
‘Sizo loS’rayeli,
Xa bobuy’ abokuthinjwa
Ebasindisile.

Kokukona wogcotyiswa
Low’ unguYakobi,
Avuye uSirayeli,
Ngokusizwa kwakhe.

## C.M. Indumiso 54

1 NGOKWEGAMA Lakho, Thixo,
Mawundisindise;
Uligweb’ ityala lami,
Ngobugorha Bakho.

2 Ndithandaza, Thixo, ndive
Uz’ ubek’ indlebe;
Emazwini omlomo wam
Undiphulaphule.

3 Ngokuba abasemzini
Bandiphakamele;
Bandisukele phezulu
Ngoburhalarhume.

Befunana nomphefumlo
Ukuwubulala;
Besenziwa kungamisi
‘Thixo phambi kwabo.

4 Kok’ uThixo ungumncedi
Womphefumlo wami;
Ew’ iNkosi ikwayiyo,
Endisekelayo.

5 Abo bandilalelayo
Bobuyelwa bubi;
Wothi ngenyaniso Yakhe
Abenze babhange.

6 Okokwam ndobingelela
KuYehov’ ilunga;
Ngokuqhutywa yintliziyo
Ezel’ umbulelo.

**7** Londihlangul’ elogama
Embandezelweni,
‘Liso lam lochwayitiswa
Kubonel’ intshaba.

## C.M. Indumiso 55

**1** WUBEKEL’ indlebe, Thixo,
Umthandazo wami,
Nakus’ isikhungo sami
Mus’ ukuzifihla.

**2** Abamlom’ ubuthelezi
Bufana namasi
Mazw’ athanjiswe nge-oli
Pof’ ntliziyo imbi.

**3** Ngenxa yelizwi lotshaba,
Lundixinezele;
Bendiqengqel’ ebubini,
Ngenzondo yomsindo.

**4** Ntliziy’ iyajijitheka,
Ngaphakathi kwami;
**5** Nezothuso zak’ ukufa
Zindiwele nazo.

**6** Kwanga ngendinamaphiko
Anjengawehobe;
Kon’ ukuze ndibaleke,
Ndiye kuthi-khefu

**7** Ke ndibalekekele kude
Ndok’lalis’ entlango,
**8** Ndikhawulezel’ ‘kusinda
Kuvuthuzo-moya.

**9** Tshabalalisa, Nkosi yam,
Yahlul’ ulwim’ lwazo;
Ndil’bonil’ ugonyamelo
Ol’phakathi komzi.

**10** Bath’ emini naseb’suku
Bajikel’ indonga;
Ubutshinga nokwaphula
Kuphakathi kwawo.

**11** Kuphakathi kwawo umzi
Kukweyelisela
‘Ndaweni yembutho yawo
Kulawul’ ‘nkohliso.

**12** Bendinokul’ thwal’ utshaba
Olungcikivayo;
Ndisithele kongumthiyi
Oz’khulisa kumi.

**13** Koko nguwe obungumtu
Ozenz’ umlingane;
Wena endazana nawe
Kub’ ulikholwane.

**14** Ebesicwey’ okumnandi
Siya ‘ndlwin’ kaThixo,
Silihlokondiba kunye
Eligcobileyo.

**15** Mabaqutyulwe kukufa
Besadla ubomi;
Baye kwelabafileyo
Bephahlwe bububi.

**16** Okowam ndonqul’ uThixo
‘Ndosindiswa Nguye;
Ndiya kumxokozelela
Ndithandaza Kuye.

**17** Ngokuhlwa kwanakusasa
Nasemin’ enkulu
Ndocamanga ndinencwina
Ud’ uv’ izwi lami

18 Khulula umphefumlo wam,
Uz' ube noxolo
'Ze uninzi lwabachasi
Lungandisondeli.

19 Wov' abaphendul' uThixo
Yen' ungowanini,
Abangena zinguquko
Bengoyiki Thixo.

20 Kub' axolelene nabo
Ubasa izandla;
Nomnqophis' abebenzele.
Ubuy' aw'hlaziye;

21 Abamlom' ubuthelezi
Bufana namasi
Mazw' athanjiswe nge-oli
Phof' ntliziyo imbi.

22 Wulahlel' umthwalo wakho
Kuye uYehova,
Wok'zimasa ulilunga
Angayekeleli.

23 Emngxunyeni wesihogo
Wobaphosa, Thixo,
Abo bantu bamagazi,
Kwana benkohliso.

Abayi kuy'qingathisa
Kwane mihla yabo,
Kodwa mina okukokwam',
Ndokholosa Ngawe.

## C.M. Indumiso 56

1 NDINGUMZONDWA yonk' imini
Thixo, ndibabale;
Bantu gcwizi bandiginye,
Sebendixinile.

2 Yonk' imini ndilalelwe
Ngabandizondayo;
Bebaninz' abandilwayo,
Beziphakamisa.

3 Mini ndinxunguphalayo
Ndokholosa Ngawe,
4 Ngay' uThixo ndidumise,
Elizwini Lakhe.

Ngay' uThixo ndokholosa
Ndinge nakoyika
Int' anokundenza yona,
Umntu oyinyama.

5 Kuphanjaniselw' amazwi
Am imini yonke,
Ezobubi 'ngcinga zabo,
Zezokundichasa.

6 Ndaweni nye baqukene
Bezizimezile,
Bandiphawul' 'manyathelo
Okundibambisa.

7 Azi bosinda na kodwa,
Bengamatshinga nje?
Ngaw' umsindo, Thixo, hlisa,
Hlisa phants' ezizwe.

8 Wabona ndiphalaphala,
'Ntsub' izel' inyembez';
Ezont' al'kuzibhalanga
Encwadini Yakho?

9 Mini ndiyakukubiza
'Ntshaba zobuy' umva
Lento yona ndiyayazi
Yok'b'unam uThixo.

10 Ndilidumisa ngoThixo
Mina eli lizwi;
Ewe, Ngaye uYehova
Ndidumisa izwi.

11 Ndikholosa Ngay' uThixo
Ndingoyiki lutho;
Okokwakhe umntu yena
Angandenza nina?

12 Izibhambathiso Zakho
Ziphezu kwam, Thixo;
Nemibingo yombulelo,
Kuwe ndoy'zalisa.

13 Kuba Nguw' ow'hlanguleyo
Umphefumlo wami,
Nenyaw' ekungqulekeni,
Ndihamb' ebomini.

## C.M. Indumiso 57

1 NDIBABALE, ndibabale,
Uw' zimeze, Thixo,
'S'thunzini samaphikw' Akho
Owam umphefumlo;

Kude kudlule kuphele
Okuzinxwaleko;
2 Ndibe mnquli woMongami
Ondifezelayo.

3 Ezulwini wothumela
Ukundisindisa;
Lomzuz' esangcikiva-ke
Lowo ungumzondi.

UThixo uyakuthuma
'Nceba nenyaniso.
4 Kumphefumlo ophakathi
Kwazo ingonyama:

Kunjalo-nje ndakulala
Nabafuth' umlilo,
Maziny' abo zintshembexa
Zentshuntshe nentolo.

Nyana bomntu 'balulwimi,
Lub' khali kwekrele,
5 Phez' kwezulu vela, Thixo,
Uzukis' umhlaba.

6 Benz' is'batha, esenyawo
Bandimbel' is'hogo,
Bendigob' umphefumlo wam;
Beyela ngokwabo.

7 Eyam intliziyo, Thixo
Izimasekile;
Ndovuma ndibeth' uhadi
Ndizimasekile.

8 Luzuko, mrhube, luhadi
Mas'vuke nges'fingo!
9 Nkosi, ndibulele Kuwe,
Phakathi kwezizwe.

10 Ngokub' Wen' unceba nkulu
Iphathel' ezulwini,
'De yes' es'bhakabhakeni
Inyaniso Yakho.

11 Ziphakamise ngaphezu
Kwamazulu, Thixo,
Lube phezu kwehlabathi
Olwakho uzuko.

## C.M. Indumiso 58

1 NGOKUY'NENE ningade na,
Nina bangothixo,
Nibe ngabakuthethayo
Okulungileyo?

Nibagwebe ngob'lungisa
Onyana babantu?
2 Hayi kona, entliz'yweni
Neninaz'nkohliso.

Nizandla zimlinganiso
Ikugonyamela;
3 Baphambuki bangendawo
Kwasesizalweni

Bandwendwi kwasesiswini,
Bathethi bamanga.
Babuhlungu oberhamba
El' zenz' isithulu;

5 Kona lingasay'kuliva
Izwi longumnyangi,
Nobuncibi baba bopha
Ngabo omabophe.

6 Thixo, yaphul' amazinyo
Emlonyeni wabo,
Nimababamb' ingonyam' entsha
Wavithe Yehova.

7 Mabaphalal' okwamanzi
Aqukuqelayo;
Akuxun' intolo zakhe
Zinge zichutshiwe

8 Banyibilik' okwenkumba
Xana ihambayo
Ngokwe mva-mbilin' yomfazi
Engaboni langa.

9 Zothi zingekev' intsasa
Ezenu imbiza;
Isekrwad' ingekavuthwa
Uyay'qweqwedisa.

10 Lon' ilungisa lovuya
Kuphindezelelwa
'Nyawo zalo lozihlamba
'Gazin' longendawo.

11 Ngelungisa wothi umntu
Lihl' ikamva lalo.
Nen' ehlabathini ukho
UThix' ogwebayo.

## C.M. Indumiso 59

1 THIXO wami, ndihlangule
Kuz' ezam intshaba,
Ndisatyiselw' engxondeni
Zakundivukela.

2 Kwabobutshinga abenzi
Uzundihlangule;
Nakubantu bamagazi
Uzundisindise.

3 Lomphefumlo wam, Yehova,
Naba baw'lalele;
Amandla abo angqonge,
Kungekh' ngalukreqo.

4 Bagidima bemxhobele,
Ongenabugwenxa;
Vuka Wena, ud' ubone,
Undikhawulele.

5 Phapha, Thix' onguYehova,
Thixo ka'S'raeli.
'Ntlanga zabanginizayo
Zivelele zonke.

6 Bavungama njengezinja
Ngamaxesh' okuhlwa;
Bewuhambahambe umzi
Bew'buya-buyela.

**7** Kulephuza amagwebu
Ngemilebe yabo,
Mlomo wab' unamakrele,
Bathi: Kuva bani?

**8** Woz'hleka, Wena Yehova,
Uzigcul' intlanga,
**9** 'Mandla am olinda Kuwe,
Thixo, ngxonde yami.

**10** Wondikhawulel' uThixo
NgeYakhe inceba;
Wondalathis' uThix' abo
Bandilalelayo.

**11** Abakowethu abantu
Msukubabulala,
Bhadulisa bade bawe,
Ngweletshetshe yethu.

**12** Esomlom' isono kubo
Ngamazw' emilebe;
Kratshi, nyeliso, 'kuxoka
Ukuthetha kwabo.

**13** Emsindwen' uzubatshise
Bagqitywe baphele,
Baqonde kus' empelazwe,
'Thixo Nguy' 'mlawuli,

**14** Ngokuhlwa xa bebuyile
Bayaxokozela,
Bavungama njengezinja
Behambahamb' umzi:

**15** Batshelezela ukudla
Okuhla benyuka,
'Ukuba bath' abahlutha
Bolala kwalapho.

**16** Ngamandl' Akho mna ndovuma
Nditsho kwakusasa,
Kuba Wen' ungxonde yamu,
'Ndawo yozimelo.

**17** Ndokubethela uhadi
Wena mandla ami,
Kuba Thixo uyingxonde
Uyinceba yami.

## C.M. Indumiso 60

**1** THIX' ungosihlambileyo
Wasichithachitha;
Nakwingqumbo obunayo,
Nceda us'buyele.

**2** Ulinyikimisil' izwe,
Ew' ulikrazule;
Philisa intanda zalo
Kuba lishukuma.

**3** 'Bantu Bakh' ubabonise
Int' ezilukhuni;
Usiseze iwayini
Ley' ihexisayo.

**4** Ubanika ibhanile
Abakoyikayo,
Ukuze bay'phakamise,
Ngenxa yenyaniso.

**5** Okokuz' uzihlangule
Ezakho intanda,
Ngesandla Sakh' sokunene,
Sindis' uphendule.

**6** Thix' utheth' ebungcweleni
Mandivuyelele:
Ndokwaba wena Shekemu,
Sukot' amenteshwe.

7 Ungowam uGiliyadi,
Ngowam' noManase;
Efrayim us'gcina-ntloko,
Yud' untong' omthetho.

8 Mowab' yena usisitya
Sam sokuhlambela,
UEdom, mnqiw' wembadada
'Filist' inkqangaza.

9 Owondisa ngubani na
Emzini wamandla?
Owondikhaphel' kwaEdom
Yena ngubani na?

10 Asikwa Nguwe na Thixo,
Osihlambileyo?
Othe akwaphuma, Thixo,
Nemikhosi yethu?

11 Kongumbandezeli wethu
Uze usincede,
Kuba olomnt' usindiso
Alunto yalutho.

12 NgoTixo sonz' izimanga
Ewe, sakweyisa;
Kuba Nguye obangqusha
Ababandezeli.

## C.M. Indumiso 61

1 THIX' okwam ukuhlahlamba,
Khawude ukuve;
Kwanowami umthandazo
Wubazel' indlebe.

2 Kwesomhlaba isiphelo
Ndimemeze Kuwe;
Ndityafile ngentliziyo,
Ndifukulel' ewen'.

3 Wena kum usiphephelo
Sokundizimeza,
Unqab' ende, neliqele,
Kubuso bentshaba.

4 Ngonaphakade ndohlala
Ententeni Yakho,
Ndizizimez' esitheni
Lamaphiko Akho.

5 Kuba Thixo uzivile,
Iz'bhambathiso zam.
Boyiki begama Lakho,
Ubanik' ilifa.

6 Ukumkan' wongezw' imihla
Emihleni yakhe,
Iminyaka yofuzisa
Izizukulwana.

7 Wohlala phambi koThixo
Kus' ephakadeni,
Ummisel' inceb' inene
Zokumlondoloza.

8 Kokukhon' igama Lakho
Ndol'bethel' uhadi,
Ndizalis' ez'bhambathiso
Zemihla ngemihla.

## C.M. Indumiso 62

1 UTHOZAMELE kuThixo,
Kany' umphefumlo wam;
Kusindiswa kwam kengoko
Kwakuvela Kuye.

2 Nguye kwaphel' iliwa lam
Umsindisi wami;
Andiyi kushukunyiswa
Kule yam ingxonde.

**3** 'Ndulumbana le emntwini
Nibongwa yini na?
Kunini na nimncinitha
Nonke niphelele?

Selede wanjengodonga
Olo luzimkayo,
Okunye enjengothango
Olo oluwayo?

**4** Bagqibe kwelo kumtyala,
Kany' angaphakami,
Bakholene ngamang' odwa
Ulow' etshabhisa.

**5** Thozamel' uThixo yedwa,
Wena mphefumlo wam,
Kuba limi Kuye lonke
Lon' elam ithemba.

**6** Nguy' uLiwa lam kwaphela,
Umsindisi wami
Uyingxonde yam kwaphela,
Andishukunyiswa.

**7** KukuThix' ukusindiswa,
Kwanozuko lwami,
Kum uliw' eliyinqaba
Kwanelam ihlathi.

**8** Bantu ndini, maxesh' onke,
Kholosani Ngaye,
'Ntliziyo zen' ziphalazwe
Phambi Kwakh' uThixo.

**9** 'Bon' onyana bal' uluntu
Bangumphunga mpela,
Manga anganyusi s'kali,
Kuba bengumphunga.

**10** Musani ukukholosa
Ngokudla abantu,
Ningazenzi nto zingento,
Ngokuxhakamfula.

**11** Uthethe uThixo nto-nye,
Gxebe ndive mbini,
Eyokuba onk' amandla,
Alunge kuThixo.

**12** Inceba Yakho, Nkosi yam,
IyeYakho Wedwa
Wab' umbuyekez' elowo,
Ngokwezenzo zakhe.

## C.M. Indumiso 63

**1** KWAKUSASA ndokufuna,
UThixo wam, Thixo;
Wokunxanel' umphefumlo
Kwizw' elimqwebedu.

**2** Ndondela ukukhangela
Engcweleni Kuwe,
Ndiwabon' amandla Akhe,
Kwan' buqaqawuli.

**3** Kub' inceba Yakh' ilunge
Ngaphezu kobomi,
'Mlomo wam wokudumisa,
Ewe, wokuncoma.

**4** Ndakubonga ndenjenjalo
Logama ndidl' u bom,
'Zandla zam ziphakanyiswe
Egameni Lakho.

**5** 'Mphefumlo mongo manqatha
Konke kuhluthi kwam:
Ngemileb' yowam umlomo
Ndakumemelela.

6 Ndoba ngokukhumbulayo
Kowam umandlalo
Kweyobusuk' imilindo.
Ndicamange Ngawe.

7 Ngokuba kum uluncedo,
Ndingovuyileyo,
Kwis'thunzi samaphik' Akho,
Ndingamemelela.

8 Uthene-mbende Nawe-ke,
Owam umphefumlo,
Sandibamb' isandla Sakho,
Eso sokunene.

9 Batshabalal' abafuni
Bowam umphefumlo,
Batshone mazants' endawo
Ezize zomhlaba.

10 Baphalazelw' emandleni
Awo amakrele,
Babe ngoko sisabelo,
Sazo impungutye.

11 Ngoko Yena ukumkani
Wovuya ngoThixo:
Bayakuqhayisa bonke
Abafunga Yena.

## C.M. Indumiso 64

1 IZWI lami, Thixo, live,
Xa ndikhalazayo
Ekoyikiswen' lutshaba
Londoloz' ubom' bam.

2 Begqugula benobubi
Zundisithelise,
Kwabenz' ubumenemene
Belihlokondiba.

3 Belulol' olwab' ulwimi
Lube njengekrele,
Bezixun' intolo zabo
Amazwi akrakra.

4 Entsithelwen' bayamtola,
Ogqibeleleyo,
Bemtola ngesiquphe-ke
Bengoyiki lutho.

5 Baqinel' ezwin' elibi
Bomelele kulo:
Singabonwa ngubani na?
Ezirhintyelweni.

6 Libugqweth' icebo labo
Lagqibelela-ke
Eyendoda intliziyo,
Ngumbilin' onzulu.

7 Kant' uThix' uyabatola,
NgoLwakhe utolo,
Aze amanxeba kubo,
Ngesiquph' abekho.

8 Bakukhutyekiswa bona
Kwalulwimi labo
Bahlunguzelelw' intloko,
Ngabababonayo.

9 Ngako oko bakusuka
Abantu boyike,
'Msebenzi kaThix' uxelwe,
Naz' izenzo Zakhe.

10 Lakuvuya lizimele
NgoYehov' ilunga,
Z'abathe-tye ngentliziyo
Baqhayise bonke.

## C.M. Indumiso 65

1 KUTHOZAMO, kundumiso,
ETsiyone Kuwe,
Thixo, isibhambathiso,
Sizaliswa Kuwe.

2 Ungumphulaphuli Wena
Way' imithandazo,
Yonke into eyinyama,
Izizisa Kuwe.

3 Zindoyisilenj' indawo
Zobugwenxa bami
'Kreqo lwethu wol'xolela,
Ngocamagushelo.

4 Hay' uyolo lomnyulayo,
Uze umsondeze,
Abe mhlali-ntendelezo
Zetempile Yakho.

Ngokulunga kwendlu Yakho,
Sakuzihluthisa,
Sibe 'tempileni Yakho,
Leyo iyengcwele.

5 Usiphendula ngezenzo
Ezoyikekayo,
Ezizezobulungisa,
Thix' osindisayo.

Uyinkoloseko mhlaba
Nolubanz' ulwandle,
6 Uzinzis' intab' amandla
Ubinq' ubugorha.

7 Ulodambis' ukugquma,
Kwelwandle namaza,
Kus' ekuxokozeleni
Kwanazo izizwe.

8 Ngumoyikwa miqondiso,
Ziphelo zomhlaba,
Ngumemelis' ukuvela
Kokusa nokuhlwa.

9 Thix' uwuvelel' umhlaba
Wawunyel' watyeba
Inqolow' ilungisiwe,
'Mjel' uzel' amanzi.

10 Useza misel' ihluthe
'Miqel' inyakame
Nguthambisa ngeziphango
Zicum' izilimo

11 Uwuthwesile umnyaka
Wokulunga Kwakho,
Yaye imikhondo Yakho
Itsitsa indyebo.

12 Ayatsitsa amakriwa
Kwindaw' ezintlango
Macalana onk' enduli
Abhinqe umgcobo.

13 Amadlelo-ke anxibe,
'Mihlambi yankomo
'Ntili zambeth' inqolowa,
'Nto yonk' iyaduma.

## C.M. Indumiso 66

1 DUMANI kuThixo, mhlaba:
2 Bethelan' uhadi
Uzuko lwegama Lakhe
Nimbonga niduma

3 Kuye uThixo yithini,
Hay' ukoyikeka!
Buninzi zenzo, mandl' Akho
Zokhohlis' intshaba.

4 Uyakuqubuda Kuwe
Wonke-ke umhlaba
Bakubethela uhadi
Ngokwegama Lakho.

5 Imisebenzi kaThixo,
Bonan' ubukhulu
Ekwenzen' uyoyikeka
Konyana boluntu.

6 Waluguqula ulwandle
Lwanto yomileyo
Wawelwa ngenyaw' umlambo
Savuy' apho Ngaye.

7 Kwakade, umlawul' gorha
Mehl' Akh' abukhali.
Nina ntlanga nenjubaqa
Ningaz'phakamisi.

8 Zizwe, mbongeni, uThixo,
Izwi livakale
9 Emphefumlwen' umis' ubom'
Kungatyityilikwa.

10 Ngoko nyibiliko sil'ver',
Usicikidile:
11 Ekubonweni singena
Sicinezekile.

12 Bantu basikwel' ez'ntloko;
Kwamlilo, kwamanzi,
Was'khuphela singen' apho
Kwindaw' enendyebo

13 KweYakho indlu ndongena
Ndinaw' amadini
Izibhambathiso zami
Zizaliswe Kuwe.

14 Imilebe yomlomo wam
Yazivulekela,
Izithethela ngomlomo
Ndibandezekile.

15 Ezityebiley' imvana
Zonyus' amadini
Awegusha, nkomo, bhokhwe,
Oqhuma ngakunye

16 Boyiki Thixo, kanize
Ndinityele nive
Oko awenzele khona
Owam umphefumlo.

17 Ngomlomo ndadanduluka
Kuye uThixo wam
Kwaza phantsi kolwimi lwam
Kwaphum' izibongo.

18 Xa ndifihl' okusisono,
Entliziyweni yam
Unakany' oyiNkosi kum
Andiphulaphule.

19 Noko, Thixo, yeka ndithi,
'Zuwuphulaphule,
Uwabazel' indlebe Yakh'
Owam umthandazo.

20 Makabongwe-ke uThixo,
Ongandigxothanga.
Koko ube nobubele
Ngomthandazo wami.

## S.M. Indumiso 67

1 YENZA ububele,
Usisikelele,
Khazim'lis' ubuso Bakho,
Phezu kwethu, Nkosi.

2 Uze uv’ umhlaba
‘Ndlela Yakh’ uyazi
Zithi zonk’ intlanga zawo
Zazisw’ usindiso.

3 Zobulel’ izizwe
Ewe zonk’ intlanga
Ziphelele zivuyiswe,
Kubulel’ uThixo.

4 Zakumemelela,
Ngal’ ulawulo Lwakho,
Lobulungis’ ezizweni
Zehlabathi lonke.

5 Zanga zonk’ izizwe,
Zibulele kuwe
Umhlaba uyivelise
Kwane ndyebo yawo.

6 Thixo, Thixo wethu,
Wozisikelela.
Zonk’ iziphelo zomhlaba
Zikoyike Wena.

## C.M. Indumiso 68

1 MAKASUK’ eme uThixo
Zibe ntsal’ intshaba;
‘Busweni Bakhe basabe
Abamthiyileyo.

2 Njengokuphetshethwa komsi
Baphetshethwa njalo;
Ngumthwebeb’ onyibilika
Uphambi komlilo,

Mabadake ngokunjalo,
Bon’ abangendawo.
3 Ke wona amalungisa,
Makavuy’ adlamke:
Ngemihlali ngemivuyo
Phambi Kwakh’ uThixo.
4 Thumani Kuye uThixo
Nimbethel’ uhadi.

Nimenzele-ke umendo
Ophakamileyo,
Ulokhwel’ ezinkqantosin’
Azicanda-cande

Ogam’ Lakhe nguYehova
Dlamkani phambi Kwakh’.
5 Undoda kubahlolokaz’
Uyise kwinkendam’.

Ekhaya Lakhe nguThixo,
Elo liyingcwele,
6 Abangamalol’ uThixo
‘Bahlalisw’ endlwini.

Ukuphela enywebeni
Ababanjiweyo
Njubaqa zodw’ ezohlala
Kweli balelweyo.

7 Ukuphuma Kwakho, Thixo,
Ukhokhela Bakho
Ekunyatheleni Kwakho
Kwelo linkangala

8 Ebusweni bukaThixo
Phaya eSinayi
Wath’ umhlaba wanyikima
Namazul’ avuza.

9 Ngesisa semvul’ eninzi
‘Thixo, walitshiza,
Wazimasa lakubharha
Elakho ilifa.

**10** Kulondaw’ umhlambi Wakho
Wahlaliswa kuyo,
’Wambuyisel’ ol’sizana
Ngokulunga Kwakho.

**11** ‘Zwi lendab’ ez’lungileyo
Yolikhuph’ iNkosi,
Zishumayel’ intokazi
Zingomkhul’ umkhosi.

**12** Okumkani bemikhosi,
Bosaba besaba;
‘Ntokazi isel’ ekhaya
Yowab’ amaxhoba

**13** Ezintlanti nolala-na
Nimahob’ alapho
Nimaphik’ akhany’ esil’ver’
Nigolid’ intsiba.

**14** X’ uSomandl’ adungadunge
Zikumkan’ zalapho
Yoba mhlophe njengekhephu
Kuyo iTsalimon.

**15** EyaseBhashan intaba
Yintaba kaThixo;
Iye yon’ incopho ninzi,
Lentaba yeBhashan,

**16** Niyigxeleshela nina,
Ntaba zinencopho?
Ntab’ uThixo ay’nqwenela
Ukuhlala kuyo.

Woyihlala uYehova
Kus’ ephakadeni,
**17** ‘Nqwelo zokulwa zoThixo
Mawak’ ezigidi;

Ilw’ iNkos’ ihleli kuzo
KwiSinay’ engcwele,
**18** Ukunyuk’ iye phezulu,
Ithemb’ abathinjwa.

Uzithabathil’ izipho
Bantwin’ nenjubaqa,
‘Ze uYehova uThixo
Hlale ekho kubo.

**19** Mayibongwe-ke iNkosi
UmSindisi wethu,
Ethwal’ imithwalo yethu
Imihla ngemihla.

**20** ‘Thixo kuthi unguThixo
Walo usindiso:
Ukukhupha ekufeni
KokukaYehova.

**21** Kodwa woy’phalus’ uThixo
Eyotshab’ intloko
Nok’b’ ihamba nesihlwitha
Sazo izigqitho.

**22** Ndoyibusa, itsh’ iNkosi
Kwakona iBhashan
Nazw’ intshaba ndoz’buyisa
Kwinzulu zolwandle.

**23** Ukuze unyawo lwakho
Luphalus’ igazi;
Nolwimi lwezinja zakho
Lube nesabelo.

**24** Bakubon’ ukunyathela
Kwakho Wena Thixo,
Kumkan’ osebungcweleni
‘Kunyathela Kwakhe.

**25** Ngabavumi ngaphambili
Ngemva ngabohadi;
Emacaleni zintombi
Ezibeth' ingqongqo.

**26** Emabandleni uThixo
Ungowokubongwa,
Nina-ke basemthonjeni
WakwaSirayeli.

**27** Balapho oBenjamini
Inci engumphathi,
'Hlokondiba lab' uYuda
Lingabathetheli.

Nab' abakwaZebuloni
Ikwabathetheli,
Kwanabakwa Nafetali
Bengabathetheli.

**28** 'Thixo wakho wowisela
'Mthetho wokuqina,
Wena-ke kuqinisele
Ok' usenzelayo.

**29** 'Tempil' Akho yongamile
Kuy' eYerusalem,
Beza Kuwe okumkani
Nezithabathaba.

**30** Khalimela amarhamncwa
Asengcongolweni,
Ezimbalasan' inkunzi
Namathol' ezizwe.

Izijungqe zesil'vere
Baze kuziwisa,
'Zizwe zithanday' imfazwe
Sezibhangisiwe.

**31** EYeputa amanono
Akuvela khona,
KuThix' olulele msinya
Izandla zakh' uKush'.

**32** Zikumkani zaw' umhlaha,
Vumani kuThixo,
Inkosi niyibethele
Eyohad' ingoma.

**33** Kuy' ocandis' ukukhwela
Kumazul' ezulu,
Amazul' aw' amanyange,
Nank' ekhupha izwi.

**34** Mnikeni amandl' uThixo
Ab' ubungangamsha,
Mandl' as' isibhakabhaka
Phez' koSirayeli.

**35** UloThix' ezingcweleni
Owoyikekayo,
Mniki mandla kub' abantu:
Makabongw' uThixo.

## C.M. Indumiso 69

**1** NDISINDISE nceda, Thixo,
'Manz' andifikele,
Ngangokude ngobuninzi
Arhax' umphefumlo.

**2** Kul' udaka olunzulu
Ndimiz' ukutshona,
'Manz' ayandigubungela
'Mmbithini yomsinga.

**3** Ndidinwe kudanduluka
'Mqala am ude woma,
Ayandiphelel' amehlo
Kulindel' uThixo.

**4** Baninz' 'bandithiy' ngelize
Phezu kwenwele zam,
'Ntshab' ezinga ndingabhanga,
Mathuth' aphangayo.

**5** Matyala am nokumatha,
Thixo, uyakwazi.
**6** Ngenxa yam mabangadani
Abakuthembayo.

Abafuna uYehova
Inkosi yemikhos'
Mabangangcikivwa ngamu,
Thixo kaSirayel'.

**7** Kuba ngal' igama Lakho
Ndithwel' ingcikivo
Buso bam bugqubuthele,
Okulil' ihlazo.

**8** Ndis'ke ndangowasemzini
Ebazalwaneni,
Ndanjengowoluny' uhlanga,
Kanye kwababakama.

**9** Kuba ngenxa yendlu Yakho
Ndidliwe likhwele;
Ingcikivo eziNgawe
Ziwe phezu kwami.

**10** Wada walil' umphefumlo
Ndakuzil' ukudla,
Lonto yaguqulwa yaba
Yingcikivo ngami.

**11** Zaguquk' ezam ingubo
Zazezirhwexayo,
Ngakho-ke kwabany' abantu
Ndenz'w' umzekeliso.

**12** Abahlel' emasangweni,
Ndaba ncoko yabo
Ndaza kwabangamanxila,
Ndayingoma kubo.

**13** Ndokuthandaza, Yehova,
Ngel'xesha likhoyo,
Ndiv' inceb' eninzi Yakho
Ndisind' inyaniso.

**14** El'dakeni ndihlangule
Ndize ndingatshoni,
Kubathiyi ndihlangule,
Nakumanz' ambithi;

**15** Ndingagutyungelwa 'msinga
Ndiginywe yinzulu,
Nal' iqula ngomlom' walo
Lingandivingceli.

**16** Ke Yehova ndiphendule,
Uze undibeke,
Ngenceba elungileyo
Nemfesan' eninzi.

**17** Buso Bakh' ungabufihli
Ngakumkhonzi Wakho,
Nakuyo lembandezelo
Khawulez' ndincede.

**18** Ndikhulul' emphefumlweni
Uzisondezile,
Kuzo zonk' ezam intshaba
Wona wukhulule.

**19** Noku kwam ukungcikivwa
Kuyaziwa Nguwe:
Ndidaniswa, ndihlaziswa
Ngababandezeli.

**20** Ntliziyo yam iyaphulwa
Zezozingcikivo,
'Ntuthuzelo nakukuzwa
Kum azikh' ezonto.

**21** Ukundidlisa ukudla
Bandinik' inyongo;
Ukundiseza inxano
Bandiph' iviniga.

**22** 'Sithebe siphambi kwabo
Masibe ngumgibe;
Ize kwabo bane-masi,
Sibe sirhintyelo.

**23** Mehlo abo mabe mnyama
Baze bangaboni;
Maxesh' onk' isinqe sabo
Sigxadazeliswe.

**24** Wen' mawubaphalazele
Ubhavumo Lwakho,
Nomsind' Akh' ubafikele
Ngokuvutha kwawo.

**25** Makuthi kwingqili yabo
Kube senkangala;
Nakuzo intente zabo
Kungahlali bani.

**26** Ngokuba obethwe Nguwe
Esukelwa ngabo;
Bancokole ngomvandedwa
Wakh' ohlatywe Nguwe.

**27** Yongez' ubugwenxa babo
Phezu kobugwenxa,
Bangabi nak' ukungena
Ebulungiseni.

**28** Benza bacinywe kuphele
Kwincwadi yobomi
Baze nakwe yamalunga
Bangabhalwa kuyo.

**29** Olundim-ke usizana,
Luna lomvandedwa,
Maluzise engxondweni
Yosindiso Lwakho.

**30** Thixo! ndodumis' igama
Lakho ngokuvuma
Ize ndenze umbulelo
Wokulikhulisa.

**31** KuYehova kokholeka
Okungaphezulu,
Kunankunzi 'ntsha zenkomo
Zimpondo, zimpuphu.

**32** Babonil' abalulami
Baza-ke bavuya,
Nani bamfunay' uThixo
Philan' ngentliziyo.

**33** Amahlwempu ayaviwa
Nguye uYehova
Abaze badelwe Nguye
Ababanjwa Bakhe.

**34** Wena zulu, mhlaba, lwandle!
Dumisani Yena
Nezinambuzane zonke
Zihleliyo kuni.

**35** Ngokuba iTsiyon yona
Woy'sindis' uThixo
Izixeko zakwaYuda
Azakhe, zimiwe.

36 ’Mbewu yabakhonzi Bakhe
Iz’ idle ilifa;
Abathand’ igama Lakhe
Bahlaliswe kulo.

## S.M. Indumiso 70

1 YEHOVA, khaw’leza
Yiz’ undihlangule
2 Abafun’ umphefumlo wam
Badane zintloni.

Nabo abananze
Ndihlelwe bububi;
3 Bavuzw’ udano nehlazo
Abathi kum, “Tshotsho.”

4 Kodwa imihlali,
Kwanak’ ukuvuya
Makuhlale nabo bathi:
‘Mazukisw’ uThixo.

5 Mna ndilusizana,
Yiba umncedi wam
Lomsindisi wami Nguwe,
Khawulez’, Yehova.

## C.M. Indumiso 71

1 NDOZIMELE ngoYehova
Ndingaze ndidane,
2 Ndihlangule ngob’lungisa
Thob’ indleb’ usize.

3 Yiba liwa lilikhaya
‘Maxeshana onke;
Ungxondorha, mboniselo
Wis’ umtheth’ usize.

4 Esandleni songendawo
Neso salw’ igqwetha,
Nakwaba zibhovubhovu,
Thixo, ndisindise.

5 Ngokuba ulithemba lam,
Nkosi yam, Yehova,
Kwandisenguy’ omncinane
Waba nkoloseko.

6 Nguwe owandixhasayo
Kwasesizalweni,
Nay’ owandityhobozisa
Kwimbilini ka-ma;

‘Maxa onke yoba Ngawe
Eyam indumiso,
7 Kwabaninzi ndisimanga
Kub’ uhlath’ unqaba.

8 ‘Mlomo wam uyakuzala
Yindumiso Yakho;
Iz’ oko imini yonke
Kube sisihombo.

9 Ngeli lobuxheg’ ixesha
Mus’ ukundilahla,
Ndakuphelelwa ngamandla
Mus’ ukundishiya.

10 Kuba ndindab’ emlonyeni
Kuzo intshaba zam
Abandilind’ umphefumlo
Bayacebisana.

11 Bathi, uThix’ umlahlile,
Sukelan’ nimbambe
Kube kuye akasekho
Ongahlangulayo.

**12** Ngoko Thix' ungabi kude,
Khawulez' ndincede
Ze abachasi mphefumlo
Bagqitywe kudana.

**13** Abo banga ndingehlelwa
Bubi bomphefumlo
Bambathise ngongcikivo
Nangalo ihlezo.

**14** Okokwam ndiyakuhlala
Ndingolindileyo
Kwindumiso Zakho konke
Ndiye ndizongeza.

**15** 'Misebenzi yob'lungisa
Ndiya kuy'balisa
Nezokusindisw' imini
Ingena kubalwa.

**16** 'Misebenzi yobugorha
BeNkos' uYehova
Nayo ndoba ndikhankanye
Ukulunga Kwakho.

**17** Kwa ndisemncinane, Thixo,
Undifundisile
Nangok' zibalulekile
Ezakho izenzo.

**18** Ngoku ndisebuxhegwini
Ntlok' izel' izimvi,
Kus' esisizukulwana
Mus' ukundishiya.

Side naso esi sitsha
Sixelelwe naso
'Ngalo Yakh' enobugorha
Nakwabo bezayo.

**19** Thix', ubulungisa Bakho
Bufike phezulu
Wen' uMenzi nto-zinkulu
Uphin' onjeNgawe.

**20** Umbonisi 'mbandezelo
Nobub' obuninzi,
Us'philisa usirhole
Kwezo nzonzobila.

**21** Wena ubukhulu bami
Uyakubandisa
Kwa Wena uya kubuye
Undithuthuzele.

**22** Ngaw' umrhubhe ndobulela
Inyaniso yakhe;
Ndimbethel' uhad' uThixo
'Ngcwele kaSirayel'.

**23** 'Mlomo wam ndibeth' uhadi
Wob' umemelela
Ngokunjalo nomphefumlo
Owukhululeyo.

**24** Imini yonk' ulwimi lwam
Loxel' ub'lungisa
Benentloni bakudana
'Babefun' bububi.

## C.M. Indumiso 72

**1** UKUMKANI, Thixo, mnike
Imigwebo Yakho
Nyana wokumkan' umnike
'Bulungisa Bakho.

**2** Ebantwini makagwebe
Ngokobulungisa
Kwintsizana, ngentsizana
Ngokwesiko Lakho.

3 ‘Ntaba mazibathwalele
Abantu uxolo,
Induli zibathwalele
Okubulungisa.

4 ‘Ntsizana maz’ ebantwini,
‘Tyala laz’ al’gwebe
Uk’ siz’ onyana atyumze
Nomcudisi hlwempu.

5 ‘Langa nenyanga zisekho
Zizukulwan’ zoyik’.
6 Phezu kotyan’ emhlabeni,
Mehle eyimvula.

7 ‘Lungisa malityatyambe
Emihleni Yakhe,
Kwanobuninzi boxolo
Id’ iphel’ inyanga.

8 Makabuphath’ ubukhosi
Kwilwandle ngelwandle,
Ethabathel’ emlanjeni
Oyimpela mhlaba.

9 Bemi belo limqwebedu,
Mabaguqe Kuye,
Ize zonk’ intshaba Zakhe
Zikhothe uthuli.

10 Okumkani beTarshishe
Kwanabeziqithi
Eyeyab’ iminikelo,
Boyizisa Kuye.

Okumkani bakwaShebha
KwanabakwaSebha,
Bayakusondeza kuye
Isithabathaba.

11 Bonk’ okumkani bomhlaba
Boqubuda Kuye,
‘Ntlanga zomhlaba ziphela
Mazimkonze zonke.

12 Kuba wohlangul’ ihlwempu
Elo lozibika,
Asindise intsizana
Abangenamncedi

13 Amahlwempu asweleyo
Wowenzel’ inceba,
Az’ imiphefumlo yawo
Ay’sindise yona.

14 Woy’khulul’ imiphefumlo
Exinezelweyo.
Linqabil’ igazi lawo
Emehlweni Akhe.

15 Igolide yakwaShebha
Wophila ay’nikwe,
Bahlale bemthandazela
‘Ze bamsikelele.

16 Inqolowa elizweni
Yobakho ibekho,
Yob’ encotsheni zentaba
Iyintabalala.

17 Gama lakhe lingapheli
Kuvel’ amagatya,
Lisikelelw’ ziz’ intlanga
Zithi, unoyolo.

18 UYehova makabongwe
UThixo kaS’rayel’,
Menzi-misebenz’ eyodwa
Ngokubaluleka.

Lizukil' igama Lakhe
Malisikelelwe,
Zuk' oluzalis' umhlaba
Othi: Amen, amen.

## C.M. Indumiso 73

**1** ULUNGE kwaphel' uThixo
Kuy' uSirayeli,
Kubo abo bantliziyo
Ziziz' ezinyulu.

**2** Okokwam ziphants' ukumka
Ezami inyawo,
Gcwizi ukutyibilika
Ekunyatheleni.

**3** Kuba, bendibamonela
Abaqhayisayo,
Xa ndibon' uk'phumelela
Kwabo bangendawo.

**4** Ngoku kungabi nantlungu
Ekufeni kwawo,
Bephilile, betyebile
Mayela nomzimba.

**5** Abakhathazeki bona
Ngokwabany' abantu,
Kwanobubi bab' abanye
Kubo-ke abukho.

**6** Ngalonxa banxib' ikratshi
Entanyeni yabo,
Bathe-wambu ngokwengubo
Ukugonyamela.

**7** Abhonxil' amehlo abo
Enziwe kutyeba,
Baphumisel' ekuhleni
'Mabhong' entliziyo.

**8** 'Ntetho zokuhlala kwabo
Zezentlamba embi,
'Ndumbisa zamazwi abo,
Zezembandezelo.

**9** Bangababeka izulu
Ngowabo umlomo,
Kanti ngokolwimi lwabo
Luhamb' emhlabeni.

**10** Ngako 'ko abantu Bakho
Babuyela apha,
Sebewafincil' amanzi,
Nawo emaninzi.

**11** Bathi, unokuthini na
Ukwazi uThixo
Gxebe kukhona ukwazi
Kuy' Osenyangweni?

**12** Yabona abangendawo
Bahleli behluma
Ngokwezinto zalomhlaba,
Bande ngokunyaba.

**13** Sifane saqaqambisa
Intliziyo yethu;
Sangathi sihlamb' izandla,
Sizenz' abamsulwa.

**14** Ndabethwa imini yonke
Ndisiv' ubuhlungu;
Ukohlwaywa kwethu kwaba
Kokwemiso yonke.

**15** Ukuba bendithe: Ndothi,
Ukuthetha kwami
Ndoba njengenginingini
Kwesizukulwana.

16 Ndathi-ke ndakucing’ oko
Ndakuba nokwazi
Kwas’ke oko kwayinkohla
Emehlweni ami.

17 Ndide-ke ndayakungena
Kwingcwele zoThixo,
Ndandula-ke ndakugqala
Ukuphela kwabo.

18 Inene, ubamisile
Ebuthelezini
Ngebubuliso bowiswa
Bathi tshabalala.

19 Hay’ ukuphanziswa kwabo
Koba ngephanyazo
Bephelile, begqityiwe
Lukwanqiso lwabo.

20 Njengephupha kobelele,
Ethe waqabuka,
Wena Nkosi, wakuvuka
Uyakubadela.

21 Ibidelekil’ ‘ntliziyo
Zihlabek’ izintso
22 Ndoba siso is’tyhakala
Nas’ isilo Kuwe.

23 Mna-ke ndihlala ndiNawe
Ndibanjwe ngesandla,
24 Ngecebo woth’ undikhaphe
Ndibe ngonozuko.

25 Inge-Nguwe ezulwini
Ndinabani wumbi?
Andinanze nto yamhlaba
Ingaphandle Kwakho.

26 Inyama yam ingaphela
Kwanay’ intliziyo,
‘Thix’ uliwa lentliziyo
Nesam’ isabelo.

27 Bon’ abo bakude Kuwe
Yabona bodaka
Bonk’ abo bahenyuzayo
Uyababhangisa.

28 Ukusondela kuThixo
Kum kulungile-ke
Ndiyenz’ ihlath’ iNkosi yam
Ndize ndibalise.

## C.M. Indumiso 74

1 YININ’ usilahle, Thixo,
Kube naphakade?
Ums’ uligqume ngomsindo
Dlelo lemvu Zakho?

2 Bandla Lakho likhumbule,
Owalithengayo
Lenziwe kwasendaleni
Sizwe sefa Lakho,

Nentaba eyiTsiyone
Ley’ uhleli kuyo.
3 Phakamis’ ukunyathela.
Uy’ emanxuweni,

‘Tshaba luviv’ into yonke,
Lway’ hlambel’ ingcwele.
4 Kwindawo yokuhlangana
Kubharul’ intshaba

Phakath’ ‘miqondis’ ekhoyo
Seyimiswe lulo.
5 Key’fane ngath’ kungenelwe
Ntshinyela yemithi.

Ngezixengxe zamazembe
Kwana ngengxobonga,
**6** Kwiz'hombo zayo zoqoqo
Zicandwe ngezembe.

Ingcwele Yakh' ihlanjelwe
Bayifak' umlilo.
**7** Bawuwisela emhlaben'
'Mnquba wegama' Lakho.

**8** 'Zintliziywen' zabo bathi,
Boz'nyanzela phantsi,
Ezi zikaThix' indawo
Ezi zok'hlangana.

Bazitshisile-ke zona
Ezwen' apha lonke
Ezondawo zesikhungu,
Zize Zakho Thixo.

**9** 'Miqondiso yomprofethi
Ayibonwa ikho.
Az' okubanje kuse phi
Kuth' akukho kwazi?

**10** Kunini umbandezeli
Engcikiva, Thixo.
Kwanakuth' igama Lakho,
Lugitywe lutshaba.

**11** Usifinyezeleni na
Esok'nene Sakho?
Beth' utshaba ulugqibe:
Sirhol' es'fubeni.

**12** UThixo kum nguKumkani
Kwakuse kudala
Ngulosebenz' usindiso
Phakathi kwomhlaba.

**13** Nguw' owahlula ulwandle,
NgaWakho amandla
Emanzin' ntloko zengwenya
Uzaphule apho.

**14** Umaxhaxh' intloko Nguwe
Ezo zeLev'yatan,
Wazinika zakukudla
Babant' bomqwebedu.

**15** Kwaya Nguw' owagqobhoza
'Mthombo, milanjana:
Ingu Wena, owamisa
Leyo ingomiyo.

**16** Imini le iye Yakho
Nobusuku nabo;
Ukukhanya kwanelanga,
Nguwe umlungisi.

**17** Nomseki mida yomhlaba,
Ummisi kwa Nguwe;
Ihlobo kunye nob'sika,
ZiNgawe ezonto.

**18** Noko Yehova-ke khumbula
Ngcikivo zotshaba,
Lugiba igama Lakho,
Eb'dengen' babantu.

**19** 'Mphefumlo wehobe Lakho,
Mawunganikw' rhamncwa;
Kwanentsizan' zomhlaba
Ungazilibali.

**20** 'Mqophiso Wakho wubeke,
'Ndawen' ezimnyama
Zezwe lizele zizindlu,
Zabagonyameli.

**21** Obuy' engotyumkileyo
Mphephis' ehlazweni,
'Gama Lakho lidunyiswe
Ludizi lwehlwempu.

**22** Suk' ume, Thix', ubambane
Nobambana Nawe,
Ngcikivo lwab' bazidenge,
Lolo kukhunjulwa.

**23** Kwanezwi lombandezeli,
Ungalilibali
Nabasukela phezulu,
Ukunyus' ingxolo.

## L.M. Indumiso 75

**1** SIBULELA sibulela,
Thix', igama Lakho,
El'sondez' izenzo Zakho,
Zibalulekile.

**2** Kuba uthi: Ndiyakwenza
Ngexesh' elililo,
Kunjalo ndiyakugweba
Ngokulungileyo.

**3** Awomhlab' amandl' ayetha,
Kwanabemi bawo,
Ndabe ndizizinzisil' mna,
Intsika zomhlaba.

**4** Kwabaqhayisayo ndithi:
Msan' ukuqhayisa;
Nakwabangendawo: Musan'
Ukuphakamisa.

**5** Ningaluphakamiseli
Uphondo phezulu,
Nangokusa ningathethi,
Nolule intamo.

**6** Kwimpuma nantshonalanga
Uncedo alukho.
Kwanakuyo-ke intlango,
Yasezintabeni.

**7** Hayi, nguThixo ogwebayo,
Kuba lo emthoba
Aze low' amphakamise,
NgoKwakh' ukuthanda.

**8** Yab' indeb' esesandleni,
IyekaYehova;
Wayin' iphithikeziwey',
Iphuphum' igwebu.

Kuyo-ke uyathulula,
Ewe kwanentlanga
Ezo zoselwa zifincwe
Zizoni zomhlaba

**9** Ke mna ndakushumayela
Kus' ephakadeni
Ndibe ngovuma ngoThixo,
Lowo kaYakobi.

**10** Impondo zabangendawo
Zoxakaxwa zona;
Ezelungisa impondo,
Zakuphakanyiswa.

## C.M. Indumiso 76

**1** KWAYUDA noSirayeli
Thix' umkhul' igama,
**2** Umnquba Wakh' useSalem
'Khaya liseTsiyon.

**3** Apho waphul' imibane
Iyeyesaphetha,
'Ngweletshetshe, nal' ikrele
Nez'xhobo zemfazwe.

4 Ukhanya eyingangamsha,
Kunazo intaba,
Ezo zokuqwenga zona,
Nokubalasela.

5 Mbalasane ngentliziyo,
Babhunyulwe bona,
Banomlala kany’ izandla,
Bapulw’ ubukroti.

6 Ekukhalimeni Kwakho,
Thixo kaYakobi,
‘Nqwelo zokulwa, ‘mahashe,
Zasindwa buthongo.

7 UnguWena moyikeki:
Kungema bani na.
Phambi Kwakho xa sukuba
Uthe wanomsindo?

8 Ezulwin’ uvakalise
Isigwebo Sakho
Waza woyika umhlaba
Landul’ ukuzola,

9 Ekusukeni koThixo
Ukuba agwebe
Basindisw’ abalulami
Bonke abomhlaba.

10 Ubushushu bomntu Kuye
Boba ngumbulelo
Wowabhinq’ amasalela
Nabo obushushu.

11 ‘Bhambathiso kuYehova
Mazizaliswe-ke,
Nina bangqongi zisani
KuMoyikw’ izipho.

12 Yena wonquml’ ukufutha
Kwabo bazinganga
Nakokumkani bomhlaba
Nguye uMoyikwa.

## C.M. Indumiso 77

1 IZWI lami lisingisa
Sikhala kuThixo
Ndisingisa Kuy’ uThixo
Ndisithi mandive.

2 Ngomhla wokubandezelwa
Ndiququel’ iNkosi;
Ebusuku isandla sam
Singayekeleli.

Awuthuthuzelekanga
Umphefumlo wami
3 Ndimcinga ndincwin’ uThixo
Utyafil’ umoya.

4 Kubambeke mehl’ inkophe,
Ndinge nakuthetha,
5 Ndicinga ngeyamandulo
‘Minyaka yanini.

6 Ndikukhumbul’ ebusuku
Xa ndibeth’ uhadi,
Ndithethana nentliziyo
Ndiw’ picoth’ umoya.

7 Ndide ndathi: Yolahla na
Kube naphakade?
Ingabi saphind’ iphathe
Inkosi ngetarhu.

8 Yaphel’ inceba Yayo na?
Kwisithembiso na
Kwisizukulwana Sayo
Ngesizukulwana?

9 Thixo, ukulibele na
Ukuth' ubabele?
Uvingcele ngomsindo na
Eyakh' imfesane?

10 Mva ndithe: Esi sifo sam,
Minyaka yesandla
Sokunene Sakho Lowo
Osenyangwaneni.

11 NgoYehova ndikhankanya
Zenzo zincamisa
Ndikhumbul' imisebenzi
Yakhe yakudala.

12 Ndicamanga ngako konke
Kusebenza Kwakho
Ndicinge ngezenzo Zakho
Ezincamisayo.

13 Isebungcweleni, Thixo,
Eyakho indlela;
UThixo woba nguwuphi
NjengoThixo wethu.

14 UnguloThixo wenzayo
Ngokubaluleka
Amandl' Akho wawazisa
Phakathi kwezizwe.

15 Wabakhulula ngengalo
Abakho abantu
Onyana bakaYakobi
NabakaYosefu.

16 Thixo wabonwa ngamanzi
Azibhijabhija;
Ewe, agungqa amanzi,
Awenzonzobila.

17 Amafu emvul' angqingqwa
Aphalaz' amanzi;
Sandil' isibhakabhaka,
Zatshesha intolo.

18 Wadudum' esisaqhwithi,
Kwanyikima mhlaba;
Yalikhanyis' imibane
Lonk' elimiweyo.

19 Yaba selwandle indlela
Kwa nomendo Wakho
Waba kumanzi 'maninzi
Awaziw' umkhondo.

20 Njengezimv' abantu Bakho
Bakhokhelwa Nguwe;
NgesikaMoses isandla
Kunye nes'kaAron.

## C.M. Indumiso 78

1 WUBEKELENI indlebe
Umyalelo wami,
Niwathobele indlebe
Amazw' omlomo wam.

2 Ndowuvula umlomo wam
Ngaw' umzekeliso,
Ndimpompoze intsonkotha
Zawo amandulo.

3 Esakuvayo sakwazi
Basityel' obawo
4 Thina asiyikukugusha
Kub' onyana babo.

Ziza-mva soz'balisela
Zuko loYehova
Ibaluleke ngamandla
'Misebenzi Yakhe

**5** Singqiniso kwaYakobi
Wasimisa apho
Umyalelo kwaS'rayeli
Wamiselw' obawo.

**6** Kuze isizukulwana,
Siwaz' esizayo
Onyan' abazakuzalwa
Nabo babalise.

**7** Bayame ngoYehova-ke
Bangazilibali
Zenzo Zakhe zincamisa
Im'thetho bay'gcine.

**8** Moya ungafuz' oyise
Njubaqa zabantu
Basweli nyan' nokulunga
Entliziywen' zabo.

**9** Onyana bakwaEfrayim
Ngemini yemfazwe
Zixhobo, ntolo benazo
Basuka bajika.

**10** Abagcina umnqophiso
Owona kaThixo
Ukuhamba abavuma
Ngoko Wakh' umyalo.

**11** 'Zenzo Zakhe zincamiso
Bona baz'libala,
Nezibalulekileyo
Abazibonayo.

**12** Wenza phambi kooyise
Ngokuncomisayo
Kwilizwe lamaYiputa
Kumhlaba weTsohan.

**13** Waludabula ulwandle
Waza wabaweza,
Waz' amanzi wawamisa
Aba njengemfumba.

**14** Emini-ke wabakhapha
Ngomqulu welifu
Kwa kukukhanya komlilo
Ubusuku bonke.

**15** Walicand' ilizw' entlango
Kwaphuma kakhulu
Amanzi anzongonzongo
Evel' enzulwini.

**16** 'Miqukuqela yamanzi
Wabavelisela
Impompoza kwingxondorha
Njengay' imilambo.

**17** Baqokela ukumona
Futhi bemphikisa
Kwelo lingumqwebend' izwe
Low' Osenyangweni.

**18** Baza ngentliziyo yabo
Bamlinga uThixo,
Bewubuzela ukudla
Umphefumlo wabo.

**19** NgoThixo bathetha bathi,
Unako 'Thixo na
Kwindawo enjengentlango
Andlal' isithebe?

**20** Kulapho wabeth' iliwa
Abalek' amanzi,
Khonapho imilanjana
Yayimikhukhula.

Hi! ngesonka woba nako
Son' ukubanika?
Hi! abantu Bakh' inyama
Uk'balungisela.

21 Ekuvil' oku uThixo
Wavula ngumsindo,
KwaYakobi kwatsh' umlilo
Nomsindo kwaS'rayel':

22 Kuba bengamkholelwanga
Yena Thixo kubo;
Ewe, bengakholosanga
Ngosindiso Lwakhe:

23 Waziwisela umthetho
Ingqimba zamafu
Ngaphezulu wavulela
Ingcango zezulu:

24 Wabanisela ngeMana
Ukuze bayidle
Ebanika inqolowa
Eyasezulwini.

25 Umntu wadla isonka-ke
EsikaSomandla
Obathumela umphako
Badle ubadike.

26 Wandulul' empumalanga
Umoya wezulu,
Wawuqhuba ngamandl' Akhe
Umoya womzantsi.

27 Nyam' uyinis' okothuli
'Ntaka z'namaphiko
Zibe njengay' intlabathi
Eyolwandle yona.

28 Zawa nxa zonk' emakhaya
Kwiminqùba yabo
29 Badla bahlutha kakhulu
Ngokomnqweno wabo.

30 Ungekadamb' lomnqweno
Bengaba satyayo,
31 Kwenyuk' umsindo kaThixo
Unyukela kubo;

Abatyebileyo babo
Babulawa Nguwe.
'Madod' akwaSirayeli
Wawawisa wona.

32 Nok' ukon' abayekanga
Kuyo yonke lonto
Abay'kholw' imisebenzi
Ibalulekile.

33 Waphelis' imihla yabo
Yaba njengomphunga
Yaza neminyaka yabo
Yazinkathazeko.

34 Xa wathi wababulala
Babuya bamfuna
Bamfuna ngomond' uThixo
Nangay' inyameko.

35 Bakhumbul' ukub' uThixo
Uliliwa labo
UThixo Osenyangweni
Ngumkhululi wabo.

36 Bamcengacenga ngomlomo
Bemthomalalisa
37 Kodwa okolwimi lwabo
Ngaba mxokisayo.

38 Ngokwemfesan' uxolela
Naba nobugwenxa,
Acamagushek' umsindo
Abuy' eb'shushwini.

39 Ukhumbula bayinyama
'Moy' omk' ungabuyi;
40 Kangaphi bephik' entlango
Bemenza buhlungu!

41 Baphind' ukumling' uThixo
Becubung' Ongcwele,
42 Osandla sibakhulula
Bangas'khumbuleli.

43 Nezamin' eY'puta, Tsohan
Yayizizimanga
44 'Manzi ijikw' aligazi,
Mijel' ayaselwa.

45 Wathum' ingcongconi, zadla
Masel' abulala,
46 Kwimveliso zezilimo
Zanqunquth' inkumbi.

47 'Mdiliya wawubulala
Ngaso isichotho
Yas'ke imithombo kubo
Yenziwa umkhenkce.

48 'Mfuyo, m'hlambi yavingcelwa
'Mibane nes'chotho
49 Wathumela ukuvutha
Kwaw' umsindo Wakhe.

Ngophuphumo, ngobhavumo
Luyimbandezelo,
Ez'libutho lezithunywa
Ezo zibububi.

50 Umsindo Wakhe wahamba
Ewenzel' umendo
'Kuze 'miphefumlo, bomi,
Zinikw' indyikitya.

51 EYiput' amazibulo
Abulawa onke,
Nentlahlela zobudoda
Kwez'kaHam intente.

52 Njengezimv' Abakh' abantu
Ukubafudusa,
Wabakhokhela entlango
Benguwo umhlambi.

53 Wabakhupha bengankwantyi,
Bekholose Ngaye,
Ekuben' intshaba zabo
Zaginywa lulwandle.

54 Wabafikisa emdeni
Owakhe ongcwele,
Ntaba yesok'nen' isandla
Eyazuzwa Nguye.

55 Ezweni lazo intlanga
Zagxothelwa bona
Lacandwa; nentente zalo
Zabelw' uSirayel'.

56 Kodw' uThixo bamphikisa
Bamlinga uThixo,
Bengaz' gcin' ozingqiniso
Zakh' Osenyangweni.

57 Njengoyise banginiza
Baza babuy' umva,
Bajika njengesaphetha
Esikhohlisayo.

58 Ngeziganga bamqubisa
Bambang' ubukhwele;
Ngemifanekiso yabo
Iy' eqingqiweyo.

59 Akube evil' uThixo
Waphuphum' umsindo
Wawacekisa kakhulu
AmaSirayeli.

60 Ngenxa yoko wawulahla
Umnqub' oseShilo,
Uyintent' abeyimisa
Esintwini eso.

61 Wawanikel' ek'thinjweni
Abang' amandl' Akhe
Kwesombandezel' isandla
Isihomba Sakhe.

62 Wabavingcela ngekrele
Abakhe abantu
'Msind' Akhe waphuphumela
Elifeni Lakhe.

63 Abamadodana kubo
Badliwa ngumlilo;
Baz' abamantombazana
Abanonelelwa.

64 Ababingeleli babo
Bawa kwangekrele
Abenzelwa nasililo
Ngabahlolokazi.

65 Kwaphuphu yavuk' iNkosi
Njengay' obelele
Ngokwegorha lomelele
Lisezwe iwayin'.

66 Yababetha ingasemva
Ababandezeli
Yabenza bayingcikiva
Engunaphakade.

67 Yayicekisa intente
EyakwaYosefu,
Ayasinyula isizwe
EsakwaEfrayim.

68 Yazayanyula isizwe
Esa sakwaYuda
NeyaseTsiyon intaba
Iyethandekayo.

69 Wayakha ingcwele Yakhe
Yebotwe lezulu
Yangumhlab' osekiweyo
Kube naphakade.

70 UDavid' umkhonzi Wayo
Womenza umnyulwa
Emthabathe ez'bayeni
Ezize zezimvu.

71 Yamthabatha elandela
Ezozanyisayo
Ze alus' ilifa Layo
KuYakob' kaS'rayel.'

72 Wabalusa-ke ngendlela
Yentliziyo Yakhe
Ngokukwaz' kwezandla Zakhe
Wabakhapha bona.

## C.M. Indumiso 79

1 THIXO, elifeni Lakho
Zingena intlanga;
'Tempile ziyenz' inqambi,
Yerus'lem emwewe.

2 'Zidumbu zabakhonz' Bakho
Zidliwa zintaka;
Abenceb' Akho, yinyama
Kumarhamncw' elizwe,

3 'Gazi labo njengamanzi
Ziliphalazile,
Ngenxa zonk' eYerusalem
Akakh' amangcwaba.

4 Ebamelwaneni bethu
Senziw' ingcikivo
Is'gculelo, cukucezo,
Kwabangqongileyo.

5 Kunini-na O! Yehova
Uhlel' uqumbile?
Lovuth' eLakh' ikhwele na
Njengawo umlilo?

6 Phalaz' ub'shush' entlangeni
Ezingakwaziyo,
Ezo ezinganquliyo
KweLakho igama.

7 Nangokuthi uYakobi
Ngokuba zimdlile,
Nangokud' ikhaya lakhe
Libe manxuwa nje.

8 Obamanyang' ubugwenxa
Bulibale kuthi,
Khawulezis' imfesane
Ngokuba siswele.

9 Thixo, ongumsindis' wethu
Yiza usincede,
Ngozuko lwegama Lakho
Sihlangulwe thina.

Zixolel' izono zethu
Ngokwenceba Yakho,
Nangal' olucamagusho
Lubiz' igam' Lakho.

10 Yin' ukuba zith' intlanga
'Thixo wab' uphi na?
Emehlwen' eth' makazeke
Nakuz' ezintlanga.

Ngophindezelo lwegazi
Eseliphalele.
11 Ukugcuma kwamakhonxwa
Kuze phambi Kwakho.

Ngay' ingalo Yakh' enkulu
Mabasind' onyana.
12 Kumelwane ubuyisel'
Ungcikivo lwabo.

Ngokupindwa kasixhenxe
'Sondo lway' ingubo,
Babe kungcikiva ngayo
Phofu uyiNkosi,

13 Sobulela ngoko thina
Sizizimvu Zakho
Ebezisaluswa Nguwe
Kwasephakadeni.

## C.M. Indumiso 80

1 MALUSI kaSirayeli,
Kawusiph' indlebe,
Mqhubi Yosef njengezimvu
Nohlel' eKerubhin'

2 KuEfrayim noBenjamin
Kwana kuManase,
Bugorha Bakho buvuse
Kusisiza uze.

3 Thixo, sijike sibuye,
Usikhanyisele,
NgoBakh' ubuso ukhanye
Ize sisindiswe.

4 Thixo wemikhos' Yehova,
Kode kube nini
Umsindo uwuqhumisa,
Abakh' bethandaza?

5 Esenyembezi isonka
Ubadlisa bona,
'Milinganis' emikhulu,
Ubaseza yona.

6 Ngesi senz' abamelwane,
Baxabana ngathi;
Suke saba sigculelo
Nakwintshaba zethu.

7 Thixo wemikhos', sijike,
Ewe, sibuyise
Ngobuso Bakh' ukhanyise,
Ize sisindiswe.

8 Wanyothula umdiliya,
Kwizwe leYiputa,
Wawutyala kwelentlanga
Othe wazigxotha.

9 Ukhokhele ngokuhlahla,
Uzinzisa wona,
Waz' ingcambu wendelisa,
Lizwe wal'zalisa.

10 Intaba zagutyungelwa,
Nangumthunzi wawo
Masebe awo afana
Nem'sedar' kaThixo.

11 Nango lomasebe awo,
Ay' ema ngolwandle,
Nango namagatya awo
Ayekuw' umlambo.

12 Uzityhobozele nina,
'Ntango ezi zawo,
'Ze nje 'badlule ngendlela,
Baman' ukuwukha?

13 Neyehlathi ingulube,
Izibhuqa kuwo,
Wabe nakwinto yasendle
Iwudl' idakasa.

14 Gxebe, Thixo, kawubuye,
Wena Somikhosi
Usezulwin' uqondele,
'Mdiliy' uw'velele.

15 Esok'nene Sakh' isandla,
Int' esiy'tyeleyo,
'Gatya lozimaso Lwakho
Yiphe ukhuselo.

16 Utshisiwe ngumlilo-ke,
Ewe, ulahliwe,
Bayadaka ngok'songela,
KoBakhe ubuso.

17 Phez' komfo wesokunene,
Bek' eSakh' isandla,
Phezu konyana kaAdam
Othe wamzinzisa.

18 Kuwe ngoko asikumka,
Wena siphilise,
Kokon' eLakho igama
Siyakulinqula.

19 Thixo wemikhos' Yehova,
Mawusibuyise
Ukhanyis' ubuso Bakho
Ize sisindiswe.

## C.M. Indumiso 81

1 MEMELELANI kuThixo
Oligwiba lethu,
Nidume Kuye uThixo,
Lowo kaYakobi.

2 Hlabelani-ke ingoma
Nibethe ingqongqo;
Nangohadi olumnandi,
Kwakunye nomrhubhe.

3 Vuthelani isigodlo,
Yakuthwas' inyanga;
Nakuhlanganeni kwayo,
Mhla womthendeleko.

4 Kuba lowo ngummiselo
WakwaSirayeli,
'Siko elo likaThixo,
Lowo kaYakobi.

5 Singqiniso esamiswa
Nguye kwaYosefu,
'Mihla izwe walicanda
Elo leYiputa.

Kulapho ndaviswa ntetho
Endingayaziyo.
6 'Gxelabeni lakh' umthwalo
Endawususayo.

'Zandla zakhe ndazisusa
Kuthwalen' ingoboz'
7 Kwingxingongo wamemeza
Ndaza ndamhlangula;
Esitheni lendudumo
Ndaphendula wena,
Ndango kuvavanyeleyo,
'Manzin' eMeriba.

8 Ndathi: Bantu Bam, yivani,
Ndiqonononondise:
Akwaba ndlu kaS'rayeli
Ungephulaphula.

9 Makungabikho uthixo
Wasemzini kuwe;
Kuthixo woluny' uhlanga,
Ze ningaqubudi.

10 Ndim Yehova okunyuse
Kwizwe leYiputa;
Kawuwukhamis' umlomo
Wakho ndiw'zalise.

11 Abantu bam abaliva
Eli izwi lami,
KwanoSirayel' umnyulwa,
Akandivumanga.

12 Ndabayek' ebunqoleni
Bentliziyo zabo;
Bahamba ngamacebo-ke.
Amaqhinga abo.

13 Akwaba abantu bami
Gxebe bebendiva;
Ehamba uSirayeli
NgeYami indlela.

14 Benda kuzithoba msinya,
Ezabo intshaba,
'Sandla Sam sibabuyele
'Bacudisi babo.

**15** Abathiyi boYehova
Bohanahanisa,
Kanti loba naphakade,
Elabo ixesha.

**16** Bendingathi ndibadlise.
Nqolow' eyoba ntle,
Ngobusi ndibahluthise,
Obe tsili kanye.

## C.M. Indumiso 82

**1** EBANDLENI um' uThixo
Elo likaThixo
Enguy' ogweba phakathi
Kwab' othix' esithi,

**2** Koba nini na nigweba,
Ngokulalanisa
Abo nibanonelela
Bezikhohlakali.

**3** Elosweleyo k'ityala
Nalo malithethwe,
Kwanala elenkedama
'Hlwempu nosizana.

**4** Osweleyo makasizwe,
Kunye nolihlwempu
Bahlangulwe esandleni
Sabo bangendawo.

**5** Abaqondi, abazinto,
Bahamb' emnyameni,
Zonk' ezomhlab' iziseko.
Ziyazamazama.

**6** Ndithe-ke mna; Ningothixo
Ningabo onyana,
Balowo Osenyangweni
Nonke-ke niphela.

**7** Kanti koko niyakufa,
Kwa nanje ngabanye
Niwe njengomnye nifana,
Nabathetheleli.

**8** Suka, gxebe, ume, Thixo,
Emhlaben' ugwebe
Kuba njengelifa Lakho,
Wodl' intlanga zonke.

## C.M. Indumiso 83

**1** MUS' ukuthi-cwaka, Thixo,
Siyakuthandaza,
Pasuluka ungathi tu,
Musa ukuzola.

**2** Kuba nanz' intshaba Zakho
Ziyaxokozela
Baphakamisa intloko
Abakuthiyayo.

**3** Gqugula abalenzayo,
Libuqhophololo,
Lingabo abantu Bakho
Abagushileyo.

**4** Bathi, Masibathi-shwaka
Bangabi luhlanga,
El'kaSirayel' igama,
'Ngabi sakhunjulwa.

**5** Ek'beni becebisana
Ngantliziyo inye
Baz' umnqophiso bawenza
Ochasene Nawe;

**6** EzakwaEdom intente
NezakwaIshmayel'
Zilunga zamaMowabi
NamaHagari-ke.

7 MaGebali; maAmoni
NamaAmaleki;
EzamaFilisti, kunye
BuseTir' abemi.

8 Wona-ke maAsiriya
Athelele kubo,
Aba ngalo kub' onyana,
Abo bakaLote.

9 Yenza ngoko wenza ngako
KumaMidiyani,
KuSisera, nakuYabhin,
Sihlanjen' seKishon.

10 Batshabalal' e-Endore
Bada bangumgquba
Wokugalelw' emhlabeni
Ukuwutyebisa.

11 Njengo-Orebhe noZebhe
Manen' abo benze,
Nkosi zabo zonke zibe
NgaZebha, Tsal'muna.

12 Bona bathi ukuthetha:
Lamakhay' oThixo
Masizihluthele abe
Ngamakhaya ethu.

13 Thixo wami, bafanise
Okwas' isaqhwithi;
Ubafanise nomququ
Ophambi komoya.

14 Babe bona njengomlilo
Lowo udl' ihlathi
Njengal' idangatye lawo
Lilenya intaba.

15 Basukele wenjenjalo
Ngoqhwithela Lwakho
Ubakhwanqise ngomoya
Wakh' ovuthuzayo.

16 'Buso babo buzalise
Ngelabo ihlazo
Kon' ukuze balifune
'Gama loYehova.

17 Mabadane bakhwanqiswe
Kus' ephakadeni,
Ukuze bona badake
Benziwa zintloni.

18 Bazi ukuba Wena-ke
Yehova ngegama,
Usenyangweni phezulu
Wongamel' umhlaba.

## C.M. Indumiso 84

1 IMINQUBA yoYehova
Ay'thandeki ngoko!
2 'Mphefuml' ulangazelela
'Ntendelezo Zakho;

Ude unge uyaphela
Lolo dandatheko;
'Mxhel' am, 'nyam' imemelela
'Thix' ophilileyo.

3 Intakana nenkonjane
Zizifumanele
Kwizibingelel' ikhaya
Lawaz' amathole.

Yehova, Nkosi, Thixo-ke,
Asilo noyolo
4 Kwabahlal' endlini Yakho
Besakudumisa.

5 Hay' abantu benoyolo
Abamandl' aKuwe.
Abakhumbula umendo
Oya eTsiyoni.

6 Bephumela entilini
Yemithi yeBhaka
Bayenz' isikeleleke
'Mithombo, nemvula.

7 Bomelela, bomelele
Ngokubonakala
Phambi koThixo eTsiyon'
Besith' ukuthetha:

8 Thixo wemikhos' Yehova,
Ndak'thandaza ndive.
Thixo kaYakobi, wena
Wubekel' indlebe.

9 Thixo wethu ngweletshetshe
Khangela uncede,
Ubuso bakh' umthanjiswa
Khawubukhangele.

10 'Min' inye kwintendelezo
Zakh' idlul' iwaka;
Ndinyul' ukuba semnyango
KwekaThix' am indlu,

Kunokuhlala kwintente
Zokokungandawo
11 Kub' ulanga ngweletshetshe
UYehov' uThixo.

Unobabal' uYehova,
Ukwano zukiso,
Woph' elungileyo into
Kwabe ngqibelelo.

12 Hayi uyolo lwalomntu
Ukholosa Ngawe,
Wena Mnini wemikhosi
Wen' unguYehova.

## C.M. Indumiso 85

1 WAB' unetarhu Yehova
KweLakho ilizwe,
Bathinjwa bakaYakobi
Wen' ubabuyisa.

2 Bugwenxa babantu Bakho
Wen' ubuxolela
Nazo zonk' izono zabo
Ubuziselela.

3 'Msindo Wakh' uwufinyeza,
Ekuphuphumeni,
Kulo ngqumbo yokuvutha,
Wenza ibuyambo.

4 Thixo, umsindisi wethu,
Khawusibuyise
Mayinqamk' ingqumb' enkulu,
Kuthi uyisuse.

5 Koba na ngonaphakade
Usasiqumbele?
Lomsindo wowolulela
Kwizizukulwa na?

6 Akukuthi na ubuye
Usiphilisile,
'Ze bathi abantu Bakho
Ngawe na bavuye?

7 'Nceba Yakho, sibonise
Thin' aba Yehova,
Uz' usindiso usiphe
Olo lulo Lwakho.

8 Make ndiyive intetho
Yakhe uYehova:
Hayi, wothetha uxolo
Ebantwini Bakhe.

Ngoko abo benceb' Akhe
Babuy' ek'nyabeni
9 Kuba usindiso Lwakhe
Nene lusondele;

Kwabo-ke bamoyikayo
Koko baqinise
Ukuze luzinz' uzuko
Kwe lakoweth' izwe.

10 Koth' inceba nenyaniso
Ziqubisane-ke;
Ubulungisa noxolo,
Kuze-ke kwangane.

11 Inyaniso-ke yontshula
Apha emhlabeni.
Buqondel' ubulungisa
Nobusezulwini.

12 UYehova kananjalo
Wosipha okuhle
Nezwe leth' indyebo yalo
Nayo asinike.

13 Kohamb' ebusweni Bakhe
Okubulungisa
Ngentliziyo buyigqale
Eyakhe indlela

## C.M. Indumiso 86

1 NDITHOBEL' eYakh' indlebe,
Yehov', uphendule,
Kuba ndilul' usizana
Kwanalo ihlwempu.

2 Umphefumlo ndigcinele
Endingowenceba
Thixo wamu umsindise
L' ukholose Ngawe.

3 Nkosi yami, ndibabale,
Ndimemeza Kuwe;
Ndimemez' imini yonke
Inceb' undenzele.

4 Umphefumlo wuvuyise
WoWakho umkhonzi
Ke, ndiwuphakamisele
Kuwe, Nkosi yami.

5 Kuba ulungile Wena,
Nkos' am uxolela,
Bonke ubenzel' inceba
Abanqula Wena.

6 Umthandazo wam, Yehova,
Wubekel' indlebe
'Zwi lam lokutarhuzisa
Libazel' indlebe.

7 Kum mhla wokubandezelwa
Ndakunqula Wena,
Ngesizathu sokokuba
Uyakuphendula

8 Nkos', onjeNgawe akakho
Phakathi kothixo,
Nezenzo nazo azikho
EzinjengeZakho.

9 Zonk' intlang' owazenzayo
Zoza phambi Kwakho
Ziqubude, zizukise
Elogama Lakho.

10 Ngokuba umkhulu Wena
Ekwenzeni Kwakho,
Ngemisebenzi eyodwa
Yakho wedwa, Thixo.

11 Ndiyalele mna, Yehova
Eyakho indlela
'Ntliziy' ivane-nenene
Ngokoyika Wena.

12 Kuwe Nkosi ndobulela
Ngentliziyo yonke,
Ndizukis' eLakh' igama
Kube naphakade.

13 Ngokuba inceba Yakho
Kumi ibe nkulu,
Wasindiswa umphefumlo
Kwephants' ihadesi.

14 Abakhukhumali, Thixo,
Bandiphakamele
Bezijorh' ezinenzondo
Kub' ungento kuzo.

15 Wena-ke, Nkosi yam Thixo,
UnguSomfesane,
Mqumbi-kade, mninzi-nceba,
Kunye nenyaniso.

16 Ndibeke, undibabale;
Ew' umkhonzi Wakho
Mphe 'mandla, 'msindis' unyana
Wakh' umkhonzanzana.

17 Ndibonise umqondiso
Wakho ukulunga;
Nceda ngal' uthuthuzelo
Badan' abathiyi

## C.M. Indumiso 87

1 USEK' alusekileyo
Luntaben' zingcwele
2 AweTsiyon amasango
KuYehova mahle.

Phezu kweminquba yonke,
Leyo kaYakobi.
3 Kuthethwa into zozuko
Ngawe, mzi kaThixo.

4 Kwe ndibaziyo ndoxela
NgoRahab' neBabel
MaFilisti, Tire, Kushi
Abazalwa khona.

5 Malungana neTsiyoni
Kothiwa-ke ngayo;
Lo nalo uzalelw' kuyo
Amis' Osenyango.

6 Ekubalen' koYehova
Wozibal' izizwe
Athi, Kulapho abaya-
bazalelwa khona.

7 Boza bevuma beqamba
Ngesitheth' esithi,
Eyam' imithomb' iphela
Yileyo iKuwe.

## C.M. Indumiso 88

1 YEHOVA Wen' onguThixo
Wolwam usindiso,
Ndikhala mini, nob'suku
Ndizigcanabile.

2 Umthandazo wam mawuze
Ebusweni Bakho.
Ndlebe Yakho uyithobe
Xa ndihlahlambayo.

3 Ngokub' owam umphefumlo
Uhluth' int' ezimbi,
Ubom bam bufike nabo
Kwelabafileyo

4 Ndibalelwa kwabo bahla
Baye emhadini,
Ndisuke ndamfo ufana
Nongenaw' amandla.

5 Sendimlahlelwa kwiqela
Labo bafileyo
Ndimfananye nombulawa
Olel' engcwabeni.

Sendifanekiswa nabo
Ubalibeleyo
Abo sebanqunyulwayo
Esandleni Sakho.

6 Nasemhadin' ndibalelwa
Lowo ungaphantsi
Kwezona ndawo zimnyama
Ezizezinzulu.

7 Nobushushu Bakho baye
Bundishicilele;
Amaz' Akh' andithobele
Onk' amaz' alwayo.

8 Nabo endazane nabo
Bundishicilele;
Undenze is'kizi kubo,
Andinakuphuma.

9 'Ngcinezel' inje, Yehova
Liyaphel' iliso
Yonk' imini ndimemeza
Ndingolul' izandla.

10 'Misebenz' yobaluleko
Yonzelw' abafi na?
Kovuka-na umbulelo
Kwaba ngasekhoyo?

11 'Nceba Yakho ibaliswa
Ngosengcwabeni na?
Okwakho ukunyanisa
Kowe nzonzobila?

12 Yaziswa na emnyameni
Lem'sebenz' iyodwa?
'Zweni lokulibala na
Bakh' ubulungisa?

13 Ngoko-ke ndingozibika,
Yehova, mna Kuwe;
Nomthandazo wam kusasa,
Ukuhlangabeze.

14 Umphefumlo wam, Yehova,
Uw'hlambela nina;
Buso Bakho busithela
Kumi ngakuni na?

15 Ndintw' ilusizin' efayo
Kwandise mncinane,
Ndithwel eZakh' izothuso
Kanye lindiyile.

16 Kugqitheke phezu kwami
Ukuvutha Kwakho;
Zidandathekiso Zakho
Zindibhangisile.

17 Zindirhawule ngokwamanz'
Imini le yonke
Mpela, ziwuzunguleze
Ziw'jikelezile.

18 Ondithanday' umsusile
Kwanobe nguwethu;
Makolwan' ashenxe kude,
Kum sithokothoko.

## C.M. Indumiso 89

1 KUDE kus' ephakadeni
Ndovum' uYehova:
'Nceba, nothembeko Lwakho
Waziwe zizamva.

2 Sendithe, Yakheka 'nceba
Kus' ephakadeni,
Azinziswe amazulu
Koko kuthembeka.

3 Yen' uthe, Ndenz' umnqophiso
Naye umnyulwa wam,
Ndimfungela uDavide
Osicaka Sami.

4 'Mbewu yakho ndoyimisa
Kuy' ephakadeni;
Ize kwizizukulwana
'Tron' yakho ndiyakhe.

5 'Mazul' abulel' imsebenz'
KaYehov' eyodwa,
Nokuthembek' ebandleni
Lakho elingcwele.

6 Ingade ibe bani na
Es'bhakabhakeni,
Olingana noYehova
Konyana boThixo?

7 Ngowo kungcangcazelelwa
'Bhungen' labangcwele,
Ngofanelwe ukoyikwa,
Kwabamngqongileyo.

8 Thixo wemikhos' Yehova,
OnjeNgawe uphi?
Uqilima, lokuthenjwa
Kokungqongileyo.

9 NguWena onguMlawuli
Wekratshi lolwandle,
Kwanamaz' alephuzayo,
Uyawadambisa.

10 Wena mtyumzi kaRahabhi
Wanje nje ngxwelerha,
Ngalo Yakh' eqinileyo
Yasasaz' intshaba.

11 Amazul' akwanga Wakho,
Kwanomhlaba nawo;
'Nzaliseko yel'miweyo
Yasekeka Ngawe.

12 UmNtla wadalwa Nguwena
Kwanawo umZantsi;
Zivuya ngegama Lakho,
ITabhor neHermon.

13 Ingalo enobugorha
Iyileyo Yakho;
Sithe-nqi isandla Sakho
Koluk' esok'nene.

14 Ummiso wobulungisa
'Siko letron' Yakho;
Zabe zilungiselela
'Nceba nenyaniso.

**15** Banenyweba abobantu
Bazi intlokoma,
Bakuhamb' ekukhanyeni
Kobus' boYehova.

**16** Bogcoba ngegama Lakho
Ngayo yonk' imini,
Baze ngob'lungisa Bakho,
Baphakame bona.

**17** Kub' amandla abo Nguwe
Usihombo sabo;
Luphakamil' uphond' lwethu
Ngokuthanda Kwakho.

**18** Kub' ingweletshetshe yethu
Inguy' uYehova
Uyingcwele kaS'rayeli
Ngoweth' uKumkani.

**19** Ngombono wakha wathetha,
Kowenceba Wakho,
Wathi, Ndinyul' indodana,
'Gorha ebantwini.

**20** Ndimfumen' ndamphakamisa
'David os caka sam,
Ngay' i-oli Yam engcwele
Sendimthambisile.

**21** Kuye sakuqinisela
Esami isandla,
Ew' iyakumkhaliphisa
Nay' eYam ingalo

**22** Alukuke lumqubule
Olwakhe utshaba;
Akakuk' acinezelwe
'Nyana wobugqwetha.

**23** Ndobaqoba phambi kwakhe,
Ababandezeli,
Ndize ndibaxabel' abo
Bangabamthiyayo.

**24** Inyaniso Yam nenceba,
Zaba nay' ezonto;
Laphakam' uphondo lwakhe
Ngalo igama Lam.

**25** 'Sandla sakhe soda siye,
Kumisa elwandle,
Sab' esokunene sakhe
Sisemilanjeni.

**26** Yen' ukundibiza wothi:
UnguBawo Wena;
UnguThixo wam neLiwa
Lokundisindisa.

**27** Ndakumenza kunjalo nje
Owamazibulo
Abe nguy' Osenyangweni
Kokumkan' bomhlaba.

**28** Ndomgcinela inceba Yam
Kube naphakade,
Ize oWam umnqophiso
Unyanise kuye.

**29** Ndiyimis' imbewu yakhe
Kus' ephakadeni
Iz' itron' yakh' ifanise
Eyezul' imihla.

**30** Ekuthin' onyana bakhe
Bawulahl' 'myalelo;
Masik' Am kwanezigwebo
Bangahambi ngazo;

**31** Bay'hlambel' imimiselo
Abagcin' 'mithetho,
**32** Olokreqo ndol'velela
Ndingabi lixoki.

**33** Kuye nok' andikwaphula
Inceba Yami yona,
'Ze ko-Kwam ukuthembeka
Ndingabi lixoki.

**34** Andiyikuwuhlambela
Owam umnqophiso,
Ndiyijike int' ephume
Kuw' owam umlomo.

**35** Ubungcwele Bam kwakanye
Ndibufunge ndathi:
UDavide ngokuy'nene
Andikumxokisa.

**36** 'Mbew' yakhe ngonaphakade
Yoseloko ikho:
Njengelang' itrone yakhe
Yoba phambi Kwami.

**37** Yoqinisek' okwenyanga,
Ibe naphakade,
Ize es'bhakabhakeni
Ingqin' uk'thembeka.

**38** Kodwa wena umhlambile
Ew' umcekisile
Ngomsindo umphuphumele
Owakh' umthanjiswa.

**39** 'Mnqophiso kumkhonzi Wakho
Uthe-nethe nguwo,
Emhlaben' is'thsaba sakhe
Wen' usidyobhile.

**40** Zonk' intango ezo zakhe
Uzityhobozile,
Waza naz' inqaba zakhe
Wazenz' amanxuwa.

**41** Bahambi badlul' indlela,
Bonke bayamphanga,
Nabamelwana bamenza
Into yongcikivo.

**42** Simphakamel' esok'nene,
Songumbandezeli,
Nabo bazintshaba zakhe,
Ubavuyisile.

**43** 'Hlangothi lwekrele lakhe
Ulubuyisile,
Waza waphez' ukummisa,
Nakuyo imfazwe.

**44** Nenkazimlo abenayo,
Kuyo umsusile,
Emhlaben' itrone yakhe,
Nay' uyikhahlele.

**45** Wen' uyinqumle imihla
Eyobutsha bakhe,
Waza wamthi-wambu yena
Ngakho ukudana.

**46** Yehova, koba nini na
Uzizimezile
Ngobushushu buya uze,
Utshi okomlilo?

**47** Kunqamka kwam kukhumbule
Into okuyiyo.
Badalelweni onyana
BoAdam bengento?

**48** 'Ndod' ehleliyo iphi na
Engasoze ife;
Neyosindis' umphefumlo
'Sandleni sabafi.

**49** Nkosi yam, ziphin' inceba
Ezangaphambili
Zon' uDavid' wamfungela,
Ngothembeko Lwakho?

**50** Ndathwal' ukungcikiveka,
Nkosi yam, khumbula,
Kwezizwe zonk' ezininzi
Ngesam isifuba.

**51** Yehova, intshaba Zakho
Ezingcikivayo,
Zazipheth' amanyathelo
Omthanjiswa Wakho.

**52** Makabongwe, makabongwe
Low' unguYehova,
Kuse kuw' amaphakade.
Amen, kube Amen.

## C.M. Indumiso 90

**1** NKOSI yam, kuth' ulikhaya
Kwizizukulwana.
**2** Ntaba, mhlab' ungekazalwa
Sel' uThixo kade.

**3** Umntu yen' umbuyisela
Kwase luthulini,
Wabe kuy' uthi: Bonyana
BoAdam, buyani!

**4** Kuba kwaWakhe amehlo,
'Minyak' iliwaka
Ifana nemin' yezolo
Okway' ukudlula.

**5** Bakhukuliswa belele:
Njengomso ba'hlume.
Timbilili ngokotyani
Ize batyatyambe.

**6** Okutyatyamba kwengomso,
Bubuya buhlume,
Ekuhlwen' kwemini leyo
Bomel' ukusikwa.

**7** Siyaphela ngokunjalo
NgoWakho umsindo;
'Ze buth' ubushushu Bakho
Sikhwankqiswe bubo.

**8** Ububeke phambi Kwakho
Ubugwenxa bethu,
Nobo sibufihlileyo
Bumehlweni Akho.

**9** Iyesangeney' imihla
Leyo iyeyethu,
Ifinyezwa kuphuphuma
KoWakhe umsindo.

**10** 'Mihl' ethu iyiminyaka
Mashum' asixhenxe,
Ize ing' iy'gabadela
X' imashum' as'bhozo.

Labe neqhayiya layo
Lingento yalutho;
Ikwaphuka nokhaw'lezo
Lophaphazel' emke.

**11** Amandla omsindo Akho
Aziwa bani na?
Ngokuguguma kwawo-ke
Umel' ukoyikwa.

**12** Sazise kany’ ekuy’bala
Eyethu imihla,
Kon’ intliziyo yozuza
Oku kukulumka.

**13** Yehova, kawubuye-ke,
Koda kube nini?
Ngenxa yabakhonzi Bakho
Ube uzohlwaye.

**14** Sihluthise kwakusasa
NgeZakho inceba;
Kuvuya simemelele
Yonk’ eyeth’ imihla.

**15** Sivuyise ngangemihla
Yokubandezelwa,
Nga ngeminyak’ esabona
Okuvis’ ububi.

**16** Ibonakal’ im’sebenzi
Kubakhonzi Bakho,
Uze nasebantwaneni
Ube nganga yabo.

**17** Ubumnandi boYehova
Mabube phez’ kwethu,
Izenzo zezandla zethu
Azimise zona.

## C.M. Indumiso 91

**1** ‘MHLAL’ ohleli esitheni
Lakh’ Osenyangweni,
Wozilalis’ emthunzini
Lowo kaSomandla.

**2** Ndothi ngoYehova: Hlathi,
Mboniselo yami,
Thixo wami, nkoloseko,
Ulithemba lami.

**3** Woth’ ahlangule ngoKwakhe
Mgiben’ womthiyeli,
Endyikityeni yokufa
Emeyeliselo

**4** Yena wokugubungela,
Ngentsib’ akufihle,
Ibe khakha, ngweletshetshe
Inyaniso Yakhe.

**5** Zizithuso ebusuku
Akukoyikiswa,
Nalutolo ol’tolwayo,
Lulo lwasemini.

**6** Nandyikitya-kuf’ ihamba
Esithokothokwen’,
Nasifo sibhubhisayo
Sibhuq’ emalanga.

**7** Kow’ iwak’ ‘caleni lakho,
Nes’gidi ek’nene,
Kodwa kus’ isiqu sakho
Kungasondeli nto.

**8** Wothi nje kodwa ngamehlo
Ukhangel’ ubone
Ukubuyekezwa kwabo,
Abo bangendawo.

**9** Kuba, O! Yehova Nguwe,
Obe kum lihlathi;
Othe ung’ Osenyangweni
Waba kum likhaya.

**10** Kungekho kuqubisana
Okobubi Nawe,
Kungefiki nasibetho
Ententeni Yakho.

**11** Kuba izithunywa Zakhe
Ziyolelwe Ngawe,
Zikugcin' ezindleleni
Ez' uhamba kuzo.

**12** Zithunyw' ezo zokuthwala
Ngezibin' izandla,
Hleze wena ngonyawo lakho
Ubethek' etyeni.

**13** Woyinyathel' ingonyama
Njalo kwanephimpi,
Woyinyash' ingonyamana
Nenamba ngenyawo.

**14** Kuba ndakumsiza lowo
Unamathele kum,
Ndize ndimsiz' engxondeni
Owaz' igama lam.

**15** Endibuza ndophendula,
Ndaye ndoba naye,
Mbandezelwen' ndomhlangula
Ndize ndimzukise.

**16** Ndomanelisa ngemihla
Eyakuba mide,
Kway' okwam ukusindisa
Ndiyakumbonisa.

## C.M. Indumiso 92

**1** UKUBULEL' uYehova
Kulunge kwaphela,
Negama l'Osenyangweni
Libethelw' uhadi.

**2** Ukuyixela kusasa
Eyakho inceba,
Ze busuku ngobusuku
Ukunyaniseka.

**3** Ngentambo ezilishumi
Nangomrhubhe nawo,
Ndonza ngokunofefe-ke
Ukubeth' uhadi.

**4** Kuba ngoWakh' umsebenzi
Ndivuya, Yehova,
Ngeze zandla Zakh' izenzo
Ndinokomelela.

**5** Ezakh' izenzo, Yehova,
Zikhul' okukodwa,
Kwanazo eZakh' ingcinga
Zinzulu kakhulu.

**6** Mntu yena osityakala,
Akakwazi oko,
Nesinyabi sinqatyelwa
Kukuqonda oko.

**7** X'ongendaw' adubuleyo
Efanis' umfuno;
X'etyatyamba amatshinga
Kuza kwesiphelo.

**8** Ungophezulu, Yehova,
Kus' ephakadeni,
**9** Intshaba zakho zobhanga;
Amatshing' athi-sa.

**10** Njengolwenqu uphondo lwam
Woluphakamisa,
Ize ndigalelw' i-oli
Nayo ibe yentsha.

**11** 'Liso lam liyababona
Abalalela mna;
Indlebe yam iyabeva
'Basukel' bobubi.

12 Malungisa odubula
Afanis' isundu,
Njengomsedare okhula
O weLebhanoni.

13 Koth' okhona anezimvi.
Ay' eman' ehluma,
Ukutyeba okugcina,
Obuqham' uhlaza.

14 Kon' ukuz' axel' ukuba
Lilung' uYehova,
Kum seloko elaliwa
Lingenabugqwetha.

## C.M. Indumiso 93

1 NGUKUMKANI uYehova
Wambethe indili,
UYehov' uzambathisa
Abhinqa amandla.

Lizinzil' alishukumi
Lonk' elimiweyo;
2 Ngokunjal' itrone Yakho
Ingonaphakade.

3 Onogumbe bemilambo
Baphakamisile
'Sandi sabo, 'ngxolo yabo
BaKuwe, Yehova.

4 Bagqithis' phezu kwezandi
Zamanz' emaninzi,
Phezu kwamanz' agqum' elwandl'
'Yehov' ey'ngangamsha.

5 Zinyanisa ngokukhulu
'Zingqiniso Zakho,
Buyifanel' indlu Yakho,
Yehov,' ubungcwele.

## C.M. Indumiso 94

1 THIXO wempindezelo-ke,
Bengezela, Thixo,
2 Phakama Mgwebi-hlabathi
Nuz' abanekratshi.

3 Kunini-n' abangendawo,
Kunini, Yehova?
Kunini-n' abangendawo
Bebavuyelela.

4 Balephuza amagwebu
Beththa ngokusa.
Bagasa ngakunye bonke
Bebenzi bentlondi.

5 Bantu Bakho bebatyumza
Ewe, o Yehova.
Belicinezela nzima
Abalifa Lakho.

6 'Mhlolokazi bembulala
Kwa nowasemzini,
Ngokunjalo bencinitha
Nabazinkedama.

7 Kuba okokwabo bathi:
'Yehov' akaboni,
OnguThixo kaYakobi
Kugqal' akagqali

8 Nina bazizityhakala
Ebantwin', qondani!
Hayi kwanani zinyabi,
Noqiqa ninina?

9 Omilisele indlebe
Akayikuva-na?
Lo umbumbi wal' iliso
Akakhangele na?

**10** Umthethisi ntlanga zonke
Akayikohlway' na
Ofundis' abant' ukwazi
Akayikwazi na?

**11** UYehova lo ngumazi
Wezabant' ingcinga
Ukuba azinto yanto,
Ngumpunga kwaphela

**12** Hayi uyolo lwendoda
Oyithethisayo,
Nothi Yehov' uyifundis'
Ngowakho umyalo.

**13** Ukuze uyizolise
Kwezobub' imini:
Aze ongendawo yena
Ambelw' isihogo.

**14** Enyaniswen' uYehova
Akamlahli 'Bakhe;
Babe abelifa Lakhe,
Engemshiyi Wakhe.

**15** Ngok' isiko lobuyela
Ebulungiseni.
Ze bonk' abantliziyo-ntle
Babe balandeli

**16** Owosukela phezulu
Ngami ngubani na,
Amelane nabo abo
Basebenz' ububi?

**17** Angath' uYehova abe
Ngoluncedo kumi
'Mphefumlo wam ngew'phelele
Ekuthini-cwaka.

**18** Ekuthini, Nyawo lami
Luyatyibilika:
Inceba Yakho, Yehova
Yos'ke indixhase.

**19** Ngcinga-ngcinga ezininzi
Zolwam uthingazo
Umphefumlo uyoliswa
'Nthuthuzelo Zakho

**20** Ingade na itrone-ke
Yolweyeliselo,
Ngommisel' ibamb' ububi
Iqhelane Nawe?

**21** Umphefumlo welungisa
Bewuhlanganyela,
Baligweb' igazi lalo
Phez' kok'ba limsulwa.

**22** Kanti noko sekunjalo
'Yehov' uyingxonde
Uliliw' owam uThixo,
Kulo ndizimele.

**23** Ubuyisela phez' kwabo
Ubutshinga babo
Bobhang' ebubini babo
NgoYehov' uThixo.

## C.M. Indumiso 95

**1** YIZANI simemelele
Kuye uYehova,
Masidume koliliwa
Losindiso lwethu

**2** Masize sinombulelo
Ebusweni Bakhe,
Sibe ngabadumisayo
Ngentsholo yengoma.

3 Kub’ uThixo nguYehova
Eyinkulu Yena,
Phezu kwal’ othixo bonke
Unguy’ uKumkani

4 Amagonts’ omhlab’ onzulu
AkweSakh’ isandla;
Kus’ encotsheni zentaba
Nazo ziz’ eLakhe.

5 Lul’ oLwakh’ ulwandle olu
Nguy’ owalenzayo
Nowomileyo umhlaba
Wabunjwa kwa Nguye.

6 Yizani-ke siguqe-ke
Siqubude Kuye,
KuYehova sizigobe
Engo weth’ uMenzi.

7 Kuba Yen’ uThixo wethu
Thina-ke sibantu,
Bazimvu zesandla Sakhe
Nokwaluswa Nguye.

Ukuba ningeva namhla
‘Ntetho yezwi Lakhe,
8 Musan’ intliziyo yenu
Kuyenza lukhuni.

Ngokwemin’ eMerib’ Masa,
9 Bandiling’ oyihlo
Bandicikida, bebona,
Phof’ umsebenzi wam.

10 ‘Minyak’ emashumi mane
Ndakruquka ngabo,
Bebantu bantliziyo-tye,
‘Ndlela Zam bezona.

11 Ndada ndikwenkul’ ingqumbo
Ndafunga ndingothi,
Inene koLwam uphumlo
Abayikungena.

## C.M. Indumiso 96

1 MVUMELENI uYehova
Eyentsha ingoma,
Mvumeleni uYehova
Nina nonke mhlaba.

2 Mvumeleni uYehova
Bongan’ gama Lakhe;
Ezosindiso indaba
Zishumayeleni.

3 Balisan’ ezintlangeni
OLwakhe uzuko,
Balisani ezizweni,
Imisebenz’ Yakhe.

4 Ngokuba mkhul’ uYehova
Ngowokudunyiswa,
Woyikeka ngaphezulu,
Kothixo bonk’ aba.

5 Ngokuba abanj’ othixo
Bengento zalutho,
NguYehova yena Yedwa
Owenz’ amazulu.

6 Yindil’ nobungangamela
Ebusweni Bakhe
Ingamandla nokuhomba
Engcweleni Yakhe.

7 Mizalwana ezizweni
Mniken’ uYehova,
Ungcwaliseko, namandla
Mniken’ uYehova.

8 KuYehova lunikeni
Zuk’ igama Lakhe,
Minikelo yitwaleni
Kwiminquba Yakhe.

9 Qubudani kuYehova
Niveth’ ezingcwele,
NgaKuye nithuthumela
Nina mhlaba wonke.

10 Ezintlangeni yithini
Kulawul’ uYehov’:
Elimiweyo lozinza
Lingazamazami.

Yena wogweb’ okuthe-tye
Phakathi kwezizwe;
11 Amazulu avuyiswe
Umhlaba ugcobe,

12 Ulwandle luyakugquma
Nokuzala kwalo,
Nelizwe liyakudlamka
Nento yonk’ ekulo.

Ize yonk’ imemelele
Imithi yehlathi
13 Phambi Kwakhe uYehova
Ngokuba esiza.

Ezakugweb’ el’miweyo
Ngab’ ubulungisa
Kwa nakwabezizwe nabo
Ngokunyaniseka

## C.M. Indumiso 97

1 UYEHOVA nguKumkani
Uyagcob’ umhlaba,
Iziqhithi ezininzi
Nazo ziyavuya.

2 Amafu Kuy’ anxa zonke
Nesithokothoko,
Ummiso wesiko Lakhe
Yitron’ yob’lungisa.

3 Okuhamba, phambi Kwakhe
Ngumlil’ otshisayo
Ubalenya ngenxa zonke
Ababandezeli.

4 Imiban’ Yakh’ ikhanyisa
Elolimiweyo,
Uyakubon’ ok’ umhlaba
Uzibhijabhije.

5 Phambi koYehov’ intaba
Ziyanyibilika
Zibe njengaw’ umthwebeba
KwiNkosi yomhlaba

6 Ayabuxel’ amazulu
Bulungisa Bakhe,
‘Zuko Lwakhe zonk’ izizwe
Zide zilubone.

7 Abakhonz’ im’fanekiso
Ley’ iqingqiweyo,
Beqhayisa ngent’ ez’ ngento
Badanile bonke.

Kuba bonk’ abangothixo
Bequbuda Kuye
8 ITsiyon’ iyev’ ivuye,
KwaYuda kugcotywe.

Ngenxa yayo imigwebo
Yakho, O! Yehova.
9 Kuba phez’ komhlaba wonke
Nguw’ Osenyangweni.

Yehov’ unyuke kunene
Wagqhitha kothixo.
10 Nina bathandi Yehova.
Kuthiyen’ okubi.

Ungumgcini miphefumlo
YaBakhe benceba;
Kwesabangendaw’ isandla
Uyak’bahlangula.

11 Likuhlwayelelw’ ilunga
Oko kukukhanya,
Novuyo bahlwayelelwe
Bantliziyo zintle

12 Ngay’ uYehova vuyani,
Malungisa ndini,
Nisibulel’ is’khumbuzo
ESakh’ esingcwele.

4 Dumani-ke kuYehova,
Nina nonke mhlaba,
Memelelan’ nitsholoza
Uhadi lubethwa.

5 Mbetheleni uYehova
Uhadi nengoma.
6 Kukumkan’ ngamaxilongo
Nezwi lezigodlo.

7 Malugqume nal’ ulwandle
Luzalisekile.
8 Imilamb’ ibeth’ izandla
Ntaba z’memelele.

9 ‘Kuba uYehova esiza
Kuwugweb’ umhlaba,
El’miweyo ngob’ lungisa,
Izizwe ngok’the-tye.

## C.M. Indumiso 98

1 MVUMELENI uYehova
Ingoma eyentsha
Kuba wenz’ imisebenzi
Ibalulekile.

Simzuzel’ isandla Sakhe
Eso sokunene;
Nengalo Yakhe engcwele
Okululoyiso.

2 Ulwazisil’ uYehova
Usindiso Lwakhe,
Watyil’ emehlwen’ entlanga,
‘Bulungisa Bakhe.

3 ‘Nceba Yakh’ uyikhumbule
Kwindlu kaSirayel’
Nok’nyanisa nosindiso.
Kwabonw’ empelazwe.

## C.M. Indumiso 99

1 UYEHOVA ngukumkani,
Ziyagungq’ izizwe,
Ulohlal’ ekerubhini
Maw’shukum’ umhlaba.

2 UYehova wongamile
Apho eTsiyoni,
Yena ungophakanyiswe,
Waphez’ kwaz’ izizwe.

3 Bol’ bulela baloyike
‘Gama Lakh’ el’khulu;
Kuba Yena eyingcwele,
Ngowokuzukiswa.

4 ‘Mandla okumkan’ athanda
Okusesikweni,
Okuthe tye uk’zimasa,
Nok’lunga kwaYakob’.

**5** Mphakamisen' uYehova,
'Thixo weth' engcwele,
Es'tulweni niqubuda
Enyaweni Zakhe.

**6** Kubenzeleleli Bakhe,
OMoses noAron.
Phakathi ib' nguSamweli
Abanqul' igama.

Ababiza kuYehova
Yen' ebaphendula,
**7** Esemqulwini welifu
Xa ethetha nabo.

Izingqino nommiselo
EzikaYehova
Oko wabanikelayo
Bona bazigcina.

**8** Yehova, wabaphendula
Ungoxolelayo,
Ongoziphindezelayo
Intlondi zabo-ke.

**9** Mphakamisen' uYehova,
Ongoweth' uThixo,
Onguy' ongcwele nimnqula
'Ntaben' Yakh' engcwele.

## L.M. Indumiso 100

**1** DUMANI Kuy' uYehova
Nonke mhlaba imiweyo.
**2** Mukhonzeni uYehova,
Phambi Kwakhe ninovuyo.

**3** Yazini wasenza Yena,
OnguThixo uYehova.
Asisithi Kuye: S'bantu,
Bokwaluswa njengezimvu.

**4** 'Masang' Akhe niwangene
Nibulela, nivuyile;
Kwintendelezo niduma
'Gama Lakhe nilibonga.

**5** Kub' ulungil' uYehova,
Eneya phakad' inceba,
Kwab' oKwakh' ukunyanisa
Koz' tyhutyh' izizukulwana.

## C.M. Indumiso 101

**1** NDIYAKUMVUMA ngenceba
Nangawo umgwebo;
Indumiso ndakuzenza
NgaKuwe, Yehova.

**2** Ndoyiqiq' indlel' ethe-tye
Woza nini na kum?
Ndohamba ngentliziy' entle
Phakathi kwendlu yam.

**3** Amehl' am ubutshijolo
Akakububheka;
Ezamanxaxha izenzo,
Kumi zotyeka-ke.

**4** 'Ntliziyo yojibilizo
Yokhwelela kude;
Eyakuba yembi into
Yon' andikuyazi.

**5** Ngasese ohleb' uwabo
Lowo ndombhangisa,
Mehl' ontliziy' 'nqwayingayo
Nakany' ukumthwala

**6** Mehlo abanyanisayo
Bondiphahl' ezweni;
Abahamba ngemfezeko
Bondilungisela.

7 Kwindlu yam akakuhlala
Owenz' inkohliso;
Phambi kwam akakuqina;
Otheth' ubuxoki.

8 'Miso yonke ndobhangisa
'Bangendaw' belizwe:
'Mzin' kaYehova ndonqumla
Abenza ububi.

## C.M. Indumiso 102

1 UMTHANDAZO wam, Yehova,
Mawuviwe Nguwe.
Kuth' okwam ukuzibika
Kukufikelele.

2 Mus' ukubusithelisa
Kum oBakh' ubuso;
'Mini yokubandezelwa
Ndithobel' indlebe.

Mhla ndidanduluka ngawo,
Ngxama ndiphendule.
3 Mihl' iphel' okoms' eziko
Mathamb' ayavutha.

4 Njengomfuno intliziyo
Ibethwe kukoma;
Sendinguy' olibeleyo
Nokudla isonka.

5 Amathambo kokugcuma
Atshel' enyameni,
6 Ndinjengencwangub' entlango.
Nes'khov' enxuweni.

7 Njengentaka andilali
Eyodwa phez' kwendlu,
8 Ndingcikivwa yonk' imini
Ndithukwa zintshaba.

9 Ndimnt' usonka siluthuthu,
Ndingosel' iz'lilo,
10 Ngenxa yobhabhamo Lwakho,
Noburhalarhume.

Ngokuba undifunqule
Ubuy' undilahle.
11 Yoluk' okwethunz' imihla
Njengomfuno yome.

12 Wen' uhleli-ke, Yehova,
Kwakunaphakade
Yab' iya kwizizukulwan',
Inkumbuzo Yakho.

13 Wosuk' ume ngemfesane
ITsiyon uy'phathe,
'Xesh' el'misweyo lifike
Uk' ba uy'babale.

14 Akholekil' amaty' ayo,
Kubakhonzi Bakho,
Lwabe nothul' olulwayo
Benofefe ngalo.

15 ElikaYehov' igama
Loyikwa zintlanga,
Nabo okumkan' bomhlaba
Ok'buqaqawuli.

16 Ekubeni uYehova,
Eyakhel' iTsiyon,
KoBakhe ubungcwalisa
Nank' ebonakele.

17 Umthandaz' uwubekele
Wabachushuluzi,
Akathanga awudele,
Lomthandazo wabo.

**18** Sizukulwan' esizayo
Sobhalelwa oko,
Woth' uYehov' adunyiswe
Ngabazakudalwa.

**19** Kwephezul' indawo 'ngcwele,
Yena uqondele,
UYehov' esezulwini,
Umhlab' uwondele.

**20** Ukub' ave ukugcuma
Kwabakhonkxiweyo,
Ze nonyana bak' ukufa
Bazuz' ukhululo.

**21** Ngegama likaYehova
Bancokol' eTsiyon,
Nango kwal' ukudumisa
EYerusalemu,

**22** Xa izizwe ndaweni nye
Zibuthelen' khona,
Zab' izikumkani zonke
Zikhonz' uYehova.

**23** 'Mandl' athotyiw' endleleni,
Uyinquml' imihl' am.
**24** Thixo, 'mihleni yam ndithi,
Mus' ukundisusa.

**25** Ikwizizukul' eYakho,
Ngaz' izizukulu
Mhlaba, mazul', asisenzo
SoKwakh' ukudala.

**26** Ziyakudaka ezonto
Wena ume umi,
Zonakale njengengubo
Zonke zigugiswe.

**27** Wena ungohlel' uNguwe,
Minyak' ingapheli
**28** Nobakhonz' nembewu yabo
Yozinyaswa Nguwe.

## C.M. Indumiso 103

**1** MAWUMBONGE uYehova,
Wena mphefumlo wam,
'Gama Lakhe elingcwele
'Mbilin' am il'bonge

**2** Mawumbonge uYehova
Wena mphefumlo wam;
Ungay'libali impatho
Yakhe yonke entle.

**3** Ube mxoleli bugwenxa
Wamphilisi zifo;
**4** Wamkhululi bom 'sihogwen'
Wakujiz' inceba.

**5** 'Mlomo wakh' uwuzalisa
Ngokulungileyo;
'Butsha bakho buhlaz'yeke
Njengobe xhalanga.

**6** Umisebenz' uYehova
Iyeyo b'lungisa;
'Kugweba kukusel' abo
Bangabacudiswa.

**7** Ndlela Zakhe wazazisa
Kuye uMosesi,
Naz' izenz' ziyincamisa
KumaSirayeli.

**8** Ubabalo lwemfesane
LuKuy' uYehova;
Okomsind' uzeka kade
Emkhulu ngenceba.

9 Akaphikisi kuphele
Engagcini msindo,
10 Akas'phathi ngokwezono
Nobugwenxa bethu.

11 Oku phakama kwezulu
Longamel' umhlaba,
Kwabamoyikay' unjalo
Ngamandl' enceb' Akhe.

12 Lomgama wempumalanga
Ukuy' ematshona
Kufuza ukhweleliswa,
Kwezethu iz'kreqo.

13 Njengoyise kubantwana
Ukuba nemfesan',
Imsika njal' uYehova
Ngaboyiki Bakhe.

14 Kuba uyakwazi Yena
Okweth' ukubunjwa,
Esikhumbulel' ukuba
Siluthuli thina.

15 Hay' umntu! Eyakh' imihla
Injengotyani-ke,
Njengentyatyambo yasendle
Utyatyamba njalo.

16 Uthi ukuba umoya
Ungodlule kuyo,
Ingabikho, ithi-shwaka
Nendaw' ebikuyo.

17 Yon' inceba kaYehova
Ikuboyik' Bakhe,
Kususela kwaphakade
Kus' ephakadeni,
Nobulungisa konyana,
Nonyana bonyana,
18 Kubagcini bomnqophiso
Nabenz' ziyalezo.

19 'Trone Yakhe uYehova
Izinz' ezulwini,
Nab' oBakh' ubukumkani
Bulawul' int' yonke.

20 Mbongen' uYehova, nina
Nizithunywa Zakhe;
Magorha omelelele
Ukwenz' izwi Lakhe.

21 Mbongen' uYehova nonke
Mikhos' eyeYakhe,
Balungiseleli Bakhe
Benz' intando Yakhe.

22 Nina zenzo Zakhe zonke,
Mbongen' uYehova;
Kwezobukum'kan' indawo,
Mabongw' uYehova.

## C.M. Indumiso 104

1 MPHEFUMLO, mbong' uYehova
Thixo wam omkhulu
Ulombath' ukundileka
Nobungangamela.

2 Ukukhany' uyakwambatha
Kub' ingubo Yakhe,
Ngu-mazulu wawaneka
Amkhusan' uy'ntente.

3 Imiqad' isemanzini
Kwigumb' el'phezulu,
'Maf' uwenz' abe zinqwelo,
Moy' ube maphiko.

4 Umenzi way' imimoya
Izithunywa Zakhe;
Kwanemilil' elenyayo
Imlungiselele.

5 Ngazo izimis' umhlaba
Wazinziswa Nguye,
Kude kube naphakade
Ungashukunyiswa.

6 Ngamanzi anzongonzongo
Wawagubungela;
'Manz' amisw' okwesambatho
Ephezu kwentaba.

7 Ekukhalimeni Kwakho
Asuka asaba,
Ngezwi lendudumo Yakho
Buphuthuphuthw' emka.

8 Suka kwenyuka intaba,
Izihlambo zehla,
'Manzi kulondawo aya
Amiselwe yona.

9 Wawamisela umda-ke
Az' angawugqhithi,
Aze angabuy' umhlaba
Awugubungele.

10 Ngulothuma imithombo
Iy' ezihlanjeni,
Yabe nokuhamba kwayo
Isezintabeni.

11 'Nyamakazi zonke endle
Ziziseza kuyo,
Nama-esile asendle
Aqabul' inxano.

12 Phezu kwayo-ke kuhlala
Nezezul' intaka,
Emasebeni zimana
Zitsholo-tsholoza.

13 Kumagumb' Akhe phezulu
Useza nentaba;
Nomhlab' uhlutha ziqhamo
Zezo zenzo Zakho.

14 'Nkomo zintshuliselw' utyan'
Neyomnt' imifuno,
Ngokunjalo-ke kuphume
Sonk' esisidlayo.

15 Ize nentliziyo yomntu
Ivuye yiwayin'
'Buso bukhaziml' i-oli
Exhaswa sisonka.

16 Imisedar' kaYehova
Awayityalayo,
Lomithi yeLebhanoni
Nguy' oy'hluthisayo

17 Emisipresin' ingwamza
Zizakhela kuyo
18 Ngamagogo ez'ntabeni,
Emawen' imbila.

19 'Nyang' uzenzel' amaxesha,
Lakutshon' ilanga,
20 Eb'suku ibe bumnyama
Marhamncwa 'shukume

21 'Ngonyam' ezintsha zigqume,
Zizond' ukuqwenga
Zabe ngak' oko zifuna
KuThixo ukudla.

22 Ilanga lisathi-chapha
Zohlanganisana,
Ez'khundleni zobuthuma
Ngokuzithandela.

23 Uyaphuma umntu aye
'Msebenzini wakhe,
Nankonzwen' ilunge kuye,
Ekuye ahlwise.

24 'Zenzo zoYehova, hayi
Ubuninzi bazo!
Zonke zenzw' ebulumkweni.
Kumhlab' oyindalo.

25 Ulwandl' olu lulukhulu
Nxa zonke lubanzi
Kulo kuzinyambalala
Zingexelwa nani;

Ez'ncinane nezinkulu
Ziphilile zonke.
26 Inqanawa ziyal'hamba
Zikunye nomnenga.

Lowo wawudalelayo
Ukudlala kulo.
27 Zonke ziphela ezonto
Zikhangele Kuwe.

Ukuba zinikw' ukudla
Ngexa elililo.
28 Zinikwa zotya zohlutha
Kokulungileyo.

29 Uzisithelis' ubuso
Ziyakwanqa zona;
Urhaxis' umphefuml' azo
Zibe 'thuli lok'fa.

30 Uthuma umoya Wakho,
Zona ziyadalwa,
Ubuhlaziye ubuso,
Ubuso bomhlaba.

31 Buqhaqhawul' boYehova
Mabum' iphakade;
Avuyiswe uYehova
Nakukwenza Kwakhe.

32 Ungabheka emhlabeni
Suk' uzamazame;
Ungochukumis' intaba
Zosuka ziqhume.

33 Logama ndidla ubomi
Ndomvum' uYehova.
Ndiyakumbethel' uhadi
Ngelixa ndikhoyo.

34 Kuye mayibe nencasa
Eyam ingcamango;
Ze okwami ukuvuya
Kube Ngawe Thixo.

35 Mabadak' abangendawo
Naboni bomhlaba.
Mphefumlo wam, wen' okwakho,
Mbonge uYehova.

## C.M. Indumiso 105

1 BULELANI kuYehova,
Nqulan' 'gama Lakhe,
Yaziseni incamisa
Yezenzo eZakhe.

2 Vumani Kuye ingoma,
Nimbethel' uhadi;
Kuxoxen' uk'baluleka
KweYakh' imisebenz'.

3 Ngegama Lakh' elingcwele
Qhayisani ngalo:
Intliziyo mazivuye
Zabo bamfunayo.

4 'Mandla Akhe uYehova
Maniwangxamele;
'Buso Bakhe nibufuna
Ngamaxesha onke.

5 'Misebenzi aw'yenzayo
Maniyikhumbule,
Izimanga zezigwebo
Ezomlomo Wakhe.

6 Mbewu-ndini kaAbraham
Ongumkhonzi Wakhe,
Nyana-ndini boYakobi
Bangumnyulwa Kuye.

7 'Thixo kuthi nguYehova
Engowethu Yena,
OkuKuye ukugweba
Kuwo wonk' umhlaba.

8 'Mnqophisw' Akhe uw'khumbula
Kus' ephakadeni,
'Zizukhulu zamawaka
Lim' eLakh' ilizwi.

9 Awanqophisan' noAbram,
Wafungel' uIsake
10 Yasimiso kuYakobi
Nembew' enguS'rayel.

11 Wathi: Ndikunik' elizwe
Elo lakwaKanan'
Libe licandelo kuwe
Elilifa kuni.

12 Bembalw' ubuphambukeli
Bebancinc' inani
13 Kwintlanga-ntlanga bahlala,
Nekumkan' ngekumkan.'

14 Akavuma bacudiswe
Ezohlway' inkosi
15 Ethi: Ningachukumisi
Abo bathanjiswa.

Baprofet' aba bam msani
Kubaphatha kubi.
16 Akubiza yez' indlala
Yalambath' ilizwe.

Msimelelo osisonka
Wawaphula kulo.
17 Noko-ke ube wathuma
'Ndoda phambi kwakho.

OnguYosef' wathengiswa
Waba likhoboka,
18 Ube nyaw' zacinezelwa
Ngamakhamandela;

'Mphefumlo wakhe walala
Phantsi kwe sinyithi,
19 Kude kwaba lil'ixesha
Lokufika kwezwi.

Yath' intetho kaYehova
Yamnyibilikisa:
20 Ukumkani wathumela
Elokukhululwa,

Onguye mlawuli zizwe
Wathi mavulelwe
21 Enziw' inkos' kwindlu yakhe
'Mlawul' mfuyo yonke.

**22** Abe mthetheli makhonkxwa
Ngokuthanda kwakhe,
Madod' amakhul' elakhe
Kulumk' akufunde.

**23** Waya Yip'ta uS'rayeli,
Waba mphambukeli
Ew' uYakob' elizweni
Elo likaHami.

**24** Wabaqhamisa kakhulu
Abakhe abantu,
Wabomeleza ngaphezu
Kwababandezeli.

**25** 'Ntliziyo zab' wazijika
Zabathiy' aBakhe,
Banga baqhathaniseli
Babakhonzi Bakhe.

**26** UMosesi wamthumela
Wangumkhonzi Wakhe,
Waza noAron wamthuma,
Wangumnyulwa Wakhe.

**27** 'Ndaw' eziyimiqondiso
Bazenzela kubo,
Zaza izimanga Zakhe
Zenziwa kwel' kaHam.

**28** Wathumela ubumnyama
Benz' is'thokothoko;
Mazwi Akhe banqatyelwa
Kuphik'sana nawo.

**29** 'Manz' abo wawaguqula
As'kaba ligazi,
Waza-ke wazibulala
Zonk' ezab' intlanzi,

**30** Amasel' anyakazela
Elizweni labo
Kwingontsi-ngontsi zemida,
Yekomkhulu labo.

**31** Nezibawu wazibiza
Zaza-ke zafika,
Ngcongconi zaba zintwala
Kuyo yonk' imida.

**32** Wabanika isichotho
Saba yimvula-ke.
Waz' umlilo walenyeza
Elizweni labo.

**33** Wayibeth' imidiliya
Kwane mikhiwane.
'Mithi nayo wayishwaqa
'Miden' yelolizwe.

**34** Phezu kok' ube wathetha
Kwafika inkumbi,
Ezanda zakhothulula
Nyambalal' ininzi.

**35** Yonk' imifuno zayidla
Kwelo lizwe labo,
Neziqhamo zalomhlaba
Zazidla kwanazo.

**36** Amazibulo elozwe,
Onke abulawa,
Lawo angamandla onke
Nabe yintlahlela.

**37** Bakhutshwa abangaBakhe
Nesilver,' negol'de,
Akukhubekanga namnye
Wabesizwe Sakhe

38 Bakuphuma bavuy'seka
ElaseYiputa,
Kubalalise lingenwa
Lunkwanty' okukhulu.

39 Wabanekela ilifu
Uk'ba libasithe
Nomlilo wokukhanyisa
Khona ebusuku.

40 Izagwityi wazizisa
Bakuba bebiza;
Wabahluthisa ngesonka
Sivel' ezulwini.

41 Wabavulela iliwa
Amanz' abaleka,
Engumlamb' aqukuqela
Kweli ngumqwebedu.

42 Oku kuba ekhumbula,
'Zwi Lakh' elingcwele
KuAbraham emkumbula,
Engumkhonzi Wakhe.

43 'Bantu Bakhe wabakhupha
Bengabavuyayo;
Baye aBakh' abanyulwa
Benz' umemelelo.

44 Amazwe angawe ntlanga
Wawanika bona,
'Nzuzo yawo bayihlutha
Yokwaz' ukwaphuka.

45 Besenzel' ukuyigcina
'Mimiselo Yakhe,
Nemiyal' ukuyibamba.
Yena adunyiswe.

## C.M. Indumiso 106

1 BULELANI kuYehova
Kuba elungile,
Kuba eYakhe inceba
Ingunaphakade.

2 Izenzo Zakh' uYehova
Ezo zobugorha,
Nako konk' ukumdumisa
Uph' onokumdum'sa?

3 'Bantu abagcin' isiko,
Hay' uyolo lwabo!
Nabo ngamaxesha onke
Benz' ubulungisa.

4 Yehova, ndikhumbule-ke
Ekwenzen' isisa,
Xesh' aBakh' ubavelele
Ukubasindisa.

5 Kukona ndobon' inyweba
Kubanyulwa Bakho,
Luvuy' uhlanga beqhay'sa
Abelifa Lakho.

6 Senz' okubi nobugwenxa
Thina kwanobawo,
Obawo abaqiqanga
Nkumbul' ayabikho.

7 'Misebenz' encomekayo
Kwizwe leYiputa,
'Nceb' ezininz' baziphika
Elwandl' Olubomvu.

8 Wabasindisa-ke kodwa
Ngokwegama Lakhe,
'Ze abazis' ubugorha
Kwanamandla Akhe.

**9** Walukhalimela lona
ULwandl' Olubomvu,
Kwinzongonzongo bahamba
Kwanga kusentlango.

**10** Basindiswa, bakhululwa
'Sandleni somthiyi,
**11** 'Ntshab' amanz' az'gubungela
Akwasala namnye.

**12** Bakholwa ngamazwi Akhe
Bay'vum' indumiso;
**13** Kanti bahle balibale
'Zenzo namacebo.

**14** Besentlango bakhanuka
Bemling' enkangala.
**15** Ebanik' abebek'biza
'Mphefuml' awatyeba

**16** Bammonela uMosesi,
Kuyo iminquba
Kwane ngcwel' enguAroni
Leyo kaYehova.

**17** Suk' umhlaba wavuleka
Wamginya uDatan,
Waliselela ibandla.
ElikaAbhiram.

**18** Amalangatye omlilo
Kul' ibandla elo,
Alenyeza alitshisa
Abo bangendawo.

**19** EHorebe benz' ithole,
Langumfanekiso,
Okutyhidiwey' ukuze
Baqubude kuko.

**20** Balushiy' uzuko lwabo
Ngokulwananisa,
Nento emilis' inkomo,
Leyo itya inca.

**21** Umsindisi wab' uThixo
Yena bamlibala,
Nokukhul' awakwenzayo
BeseseYiputa;

**22** Misebenz' yobaluleko
Ezweni likaHam'
'Misebenz' eyoyikekay'.
Elwandl' Olubomvu

**23** Ngenxa yoko wathi, Uya-
kubatshabalalis',
Kok' umtunyw' Akhe uMoses
Wesukayo wema.

Kwisithuba es'phakathi.
Ecela itarhu,
'Bushushu Bakhe bubuye,
Bangatshabalali.

**24** Balicekisa ilizwe,
Elokunqwenelwa,
Kwanokuthi izwi Lakhe
Bangalikholelwa.

**25** Bakrokra ezintenteni
Kwezo zize zabo,
Kwanezwi likaYehova,
'Baliphulaphula.

**26** Ngenxa yakh' isandla Sakhe
Wasiphakamisa,
Wazimisel' uk'bawisa
Kwelo liyintlango.

**27** Mbewu yabo ayiwise
Phakathi kwentlanga
Yona ayichithachithe
Kuwo lomazwana.

**28** Bona bazibandakanya
NoBhahal-pehore
Badla imibingelelo,
Yabant' abafayo.

**29** Ntlondi zabo zaqumbisa
Bawelwa sibetho;
**30** Wesuk' uPinehas wema
Sathintelw' is'betho.

**31** Kwathi oko kwabalelwa
Ebulungiseni;
Kuzo izizukulwana
Kus' ephakadeni.

**32** Bamqumbisa emanzini
AwaseMeriba,
Kwehla ububi kuMoses
Kwakungenxa yabo.

**33** Ngokuba bawuphikisa
Owakhe umoya,
Woda waphololoza-ke
Ongowakh' umlomo.

**34** Abazibhangis' izizwe
Bethunyelwe kuzo;
**35** Baxubana nezo ntlanga
Babonel' imikhwa.

**36** Bakhonza zithixo zazo
Bazirhintyela-ke;
**37** Babinga ngonyana babo
Nentombi kwi-demon.

**38** Magaz' amsulw' aphalazwa
Entombi nonyana,
Kubingwa ngalo kothixo
Bezwe leKanana.

**39** Ngezenzo bazenz' inqambi
Baba ngamahenyu.
**40** Wanomsindo uYehova
Lisikizi laBakh'.

**41** Wabanikel' abathiyi.
Balawulwa ngabo;
**42** Zabaxin' intshaba zabo
Bathotyelwa phantsi.

**43** Zibe zininz' izihlandlo
Yen' ebahlangula
Ngamaqhinga bamphikisa
Bemka nobugwenxa.

**44** Wakunonelela noko
Xa bahlahlambayo,
Zintlungu zokucudiswa
Behlahlamba Kuye.

**45** Wakhumbula ngenxa yoko
Umnqophiso Wakhe.
Ebuye futh' ezohlwaya,
Ngobuninzi nceba.

**46** Wabafumanis' inceba
Ababathimbayo:
**47** Sisindise, Thixo wethu,
Kwintlanga sibuthe.

Silibulele igama,
Elingcwele Lakho
Ze ngendumis' eyeYakhe
Sibonge sizingca.

**48** Makabongwe uYehova
OkaSirayeli,
Kususel' okwaphakade.
Kuhlokom' uAmen.

## C.M. Indumiso 107

**1** BULELANI kuYehova,
Kuba elungile;
Ngokuba ingunaphakade,
EYakhe inceba.

**2** Mabatsho abakhululwa,
AbakaYehova,
Wabakhulul' esandleni
Songumbandezeli.

**3** Wababutha emazweni,
Kwelempumalanga;
Kwawasentla naselwandle
Was' entshonalanga.

**4** Kwelentlango-ke badinga
Kwindlel' enkangala,
Muzi apho wokuhlala
Abawufumana.

**5** Belambile benxaniwe
'Mphefumlo watyhafa;
**6** Bakucutheka bakhala;
Wasiz' uYehova.

**7** Baya 'mzini wokuhlala
Ngeyon' intl' indlela:
**8** Bambulela uYehova
Ngay' inceba Yakhe.

'Kubalulek' okukodwa
Kwinzala kaAdam
'Misebenzi eyinceba
Yakhe uYehova

**9** Umphefuml' uhluthisiwe
Walow' utshobayo,
Wabe lowo wolambayo
Kukulung' uzele.

**10** Abahlali bobumnyama.
Ethunzin' lokufa,
Ngamakhonkxw' embandezelo
Ngaso isinyithi.

**11** Kuba bona bephikisa
AkaThix' amazwi,
Cebo Lakhe bal'tshitshisa
Low' Osenyangweni.

**12** Ngobunzima basebenza
Bethotyw' intliziyo,
Bakhubeka, akwabikho
Ubancedisayo.

**13** KuYehova-ke bakhala
Bekulongxinano,
Wabasindisa-ke bona
Kucutheko lwabo

**14** Emnyameni wabakhupha
Kwelokuf' ithunzi
'Mbophelelo waziqhaw'la
Zezo zikrintyelo.

**15** Mabulelwa uYehova
Ngokwenceba Zakhe,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala kaAdam.

**16** Kuba ezaphul' ingcango
Ezobhedu zona,
Wayixakax' imivalo
Leyo yesinyithi.

17 Ngenxa yokukreqa kwabo
Abamathileyo,
Bebangelwa nabugwenxa
Bacinezeleka.

18 Kwaba lisikiz' ukudla
Kumphefumlo wabo;
Emasangweni okufa
Bafikile kuwo.

19 KuYehova-ke bakhala
Bekwimbandezelo,
Wabasindisa-ke Yena
Kolo lucutheko.

20 Wathumela izwi Lakhe
Baphiliswa lilo,
Kwathi kwizihogo zabo
Waba lusindiso.

21 Mababulel' uYehova
Ngokwenceba Yakhe,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala kaAdam.

22 Babingele im'bingelo
Yawo umbulelo,
Bancokole ngezozenzo
Benz' umemelelo.

23 Bay' elwandle ngenqanawa
Benz' amashishini.
24 Apho babon' izimanga
Ezenz'we nguThixo.

25 Wavuk' umoya ngamandla
Aphakam' amaza,
26 Banyuselwa ezulwini
Bephindisw' ezantsi.

'Nzonzobileni zamanzi
'Mphefumlo woyika,
Bathi ngenxa yobobubi
'Mandla abo etha.

27 Bahexisa okwenxila,
Bulumko baphela,
28 KuYehova-ke bakhala,
Wabakhupha Yena.

29 Kuvuthuza wakumisa
Kwaza kwathi-cwaka.
30 Kudamba kwawo bavuya
Bafik' echwebeni.

31 Mababulel' uYehova
Ngokwenceba Yakhe,
Nemisebenzi eyodwa
Kwinzala kaAdam.

32 Bamphakamis' ebandleni,
'Mbuthweni yabantu,
Aze Yena adunyiswe
'Madod' amakhulu

33 Uyenz' imilambo yaba
Zindaw' ezintlango,
Namathend' amanzi aba
'Mhlaba unxanwayo.

34 Izw' ebelineziqhamo
Laba leletyuwa,
Bububi bazo izinto
Zabamiyo kulo.

35 Uyenze intlango yaba
Lidike lamanzi,
Ilizwe elimqwebedu,
Lamathend' amanzi.

**36** Wabahlalisa khon' apho
Abalambileyo,
Bazimisel' umzi khona
Wokuhlala kwabo.

**37** Bahlwayela amasimi,
Batyal' idiliya,
Bavelisa iziqhamo,
Banengeniselo

**38** Wabasikelelela banda
'Nkomo zabo zanda:
**39** Bancipha basibekeka
Bekhanywa singqala.

**40** Adeleka amanene
Ebangelwa Nguye,
Wawadingis' enyanyeni,
Akwabikho ndlela.

**41** 'Hlwempu walis' engxondeni
Kude nezikade,
Walenzel' imizalwana,
Yaba njengomhlambi.

**42** Abathe-tye bavuyiswa
Kukubona oko,
Babe bonke ubugqwetha
Buvalwe umlomo.

**43** Lowo-ke ulumkileyo
Magcin' ezindawo,
Ezinceba azigqale
EzikaYehova.

## C.M. Indumiso 108

**1** IZIMASEKILE, Thixo,
Intliziyo yami,
Ndovuma ndibeth' uhadi
Kwa nozuko lwami.

**2** Vuka, mrhube, vuka hadi
Phambi kwesifingo
**3** Ndibulele kuYehova,
Phakathi kwezizwe.

**4** 'Kub' inkul' inceba Yakho
Yaphez' kwamazulu;
Isesibhakabhakeni,
Inyaniso Yakho.

**5** Iziphakamise phezu,
Kwamazulu, Thixo,
Ubuqaqawuli Bakho,
Phez' komhlaba wonke.

**6** Zoth' intanda Zakho ngoko
Zihlangulwe Nguwe,
Zisindiswe ngesok'nene,
Nam undiphendule.

**7** 'Thix' uthethile ungcwele,
Mandivuyelele:
'Shekem, ndomahlulahlula,
Sukot' abe ntili.

**8** UGiliyadi ungoWam,
Manase kwanaye
S'gcina-ntloko nguEfrayim,
Intong' Yam nguJuda.

**9** Sisitya Sam nguMowabi
Esokuhlambela,
Edom, wenz'we imbadada;
Ndoduma ngoFil'sti.

**10** Ngubani na owondisa
'Mzin' unqatyisweyo?
Ngubani owondikhapha
Andise kwaEdom?

11 Thixo asi Nguwe-na lo
Usihlambileyo,
Akwaphuma nayo, Thixo
Nemikhosi Yakho?

12 Kumbandezeli sincede,
Siz' alunto lomntu.
13 Siyakweyisa ngoThixo,
Azigqush' intshaba.

## C.M. Indumiso 109

1 THIXO, wendumiso yami,
Musa ukuthi-tu,
2 Kuba ndakhanyelwe mlomo
Ngabo bangendawo.

Bathetha ngelwimi zabo
Okundixokayo.
3 Bandijikele ngentetho,
Balwa nam ngelize.

4 Ndibathanda, ndithandaza,
Bona bandichasa,
5 Ndaweni yobulungisa,
Ndilandezw' okubi.

Ekubeni ndibathanda
Bona bandithiya.
6 Ongendawo noSathana
Mabe mvelel' akhe.

7 'Tyala lakhe nongendawo
Maphum' egwetyiwe
Owenzayo umthandazo,
Ubalelw' isono.

8 Buveleli abe bubo
Bube bobawumbi,
Ayikuchuthelw' imihla,
Inqanyulwe mbalwa.

9 Mabe zinkedam' onyana,
'Mkakh' abe mhlolokaz';
10 Babhadul' ezwen' onyana
Behamba bengqiba.

11 Aboleke kub' imali
Bamdle konk' anakho,
Nabasemzini baphange
'Kuxelenga kwakhe.

12 Mololeli sandl' amswele
Omenzel' inceba;
Nombabali angabikho
Kwinkedama zakhe.

13 Zivela-mv' embewin' akhe
Zinqunyulwe mpela,
Licime igama lazo
Kwizizukulwana.

14 Abukhumbul' uYehova
Oboyis' ub'gwenxa;
'Sono sonina singaze
Naso ukucinywa.

15 Sibe phambi koYehova
Ngamaxesha onke,
Inqunyulwe emhlabeni,
Inkumbulo ngabo.

16 Kub' ukwenza ngay' inceba
Akakunanzanga:
'Ndod' el'sizi, tyumko-hlwempu
'Bulel' etshutshisa.

17 Wathand' ukuqalekisa
Eshwatyulelwa nje;
Akafun' uk'sikelela,
Namhla kumkhwelele.

**18** Ngqalekiso zimambethe
Yayingubo yakhe,
'Mbilinini zingamanzi
Za-oli, mathanjen'.

**19** Makube yingubo kuye
Az' the wambu ngayo:
Noqwemesh' al'nxibileyo
Amaxesha onke.

**20** 'Mvuzo waba nguwo lowo
Wabandichasayo,
Bendinyelis' umphefumlo,
Woza ngoYehova.

**21** Wena Nkos' enguYehova
Ngokwegama Lakho,
Yenz' ukubanga kwenceba
Ukundihlangula.

**22** Ngokuba ndilusizana
Elilil' ihlwempu,
'Ntliziyo yam ihlatyiwe
Ngaphakathi kwami.

**23** Ngokoluka kwal' ithunzi,
Ndimka ngokunjalo,
Ndinje ngay' ophetshethwayo
Kanye okwenkumbi.

**24** Amandla am ayahexa.
Kukuzil' ukudla;
'Nyama yami ibhityile,
Yahluthw' ukutyeba.

**25** Ndibe singcikivo sabo
Bangavani nami,
Abathe bakundibona
Bahlunguz' intloko.

**26** Yehova, nced' undisize
Ngokwenceba Yakho,
**27** 'Ze basaz' isandla Sakho
Nakukwenza Kwakho.

**28** Ababeqalekisa nje
Sikelela Wena;
Bakusukuma badane
Mkhonz' Akh' abevuya.

**29** Bakulambatha ihlazo
Abandichasayo,
Ukudana kubengubo
Yokwaleka kubo.

**30** Ndobulela uYehova
Kakhulu ngomlomo,
Kwintlangano yabaninzi
Yena ndimdumise.

**31** Kuba uthe kolihlwempu
Wema ekunene,
Lisindiswe kubagwebi
Bomphefumlo wabo.

## C.M. Indumiso 110

**1** UTSH' uYehova kwiNkos' am,
Hlala ek'nene Kum;
'De ndizenz' intshaba zakho
'Situlo senyawo.

**2** Kuw' intonga engamandla
Uyakuy'thumela,
Yovel' eTsiyon isithi,
Lawul' 'ntshaba Zakho.

**3** Boz'nikela ngentliziyo
Evumay' aBakho,
Lomin' umkhos' uphumayo,
Uveth' ezingcwele.

Ngesifingo umlisela
Woza njengombethe.
4 Efungile uYehova,
Nakany' aguqule.

Ethe: Wen' umenzeleli
Kus' ephakadeni,
Olumfano nye nodidi
LoMalkitsideki.

5 Yobaphalus' okumkani
Ekunene Kwakho,
Kuba lomini iNkosi
Yoba inomsindo.

6 Izidumbu zozalisa
Phakathi kwentlanga,
Iphaluse izigweba
Intloko zelizwe.

7 Yoya 'mlanjanen' isele
Ongesendleleni,
Ukuze eyay' intloko
Iyiphakamise.

## C.M. Indumiso 111

1 HALELUYA! Ndobulela
Kuye uYehova,
Kolwabathe-tye ucweyo
Nasemabandleni.

2 Izenzo zikaYehova
Zizezezikhulu,
Ntsingiselo zazo zonke
Zizezo kungxokwa.

3 'Msebenz' Akhe unendili
Nobungangamela,
Bulungisa Bakhe bumi
Ngonaphakade-ke.

4 'Msebenzi yobaluleko,
Yenz'w' ukukhunjulwa;
'Yehova unobabalo
Kwanay' imfesane.

5 Abamoyikay' ubapha
Okwabo ukudla;
Ngonaphakad' aw'khumbule
Umnqophiso Wakhe.

6 'Bantu Bakh' ubabonisa
'Mandl' ezenzo Zakhe,
Az' abanike intlanga
Zibe lifa labo.

7 Ziyinyaniso nesiko
Akwenza ngoKwakhe,
Zab' iziyalezo Zakhe
Zithembeke zonke.

8 Ngonaphakade nanini,
Zizimasekile,
Kwenziwa kwazo kuthe-tye
Ngenyanis' ekuzo.

9 'Bantu Bakhe ubathanda
Ukukhululeka,
'Mnqophis' Akhe uw'misile
Kube naphakade.

'Gama Lakhe elingcwele
Leloyikekayo.
10 Ukoyika uYehova
'Ngqalo yobulumko.

Boba ngqiq' ilungileyo
Bonk' abenza ngakho.
Nendumiso eyeYakhe
Yon' isimakade.

## C.M. Indumiso 112

1 HALELUYA! Hay’ uyolo
Lomnt’ omoyikayo,
‘Mitheth’ ayinonelele,
Low’ onguYehova.

2 ‘Mbewu yakhe emhlabeni
Yoba ngamagorha;
Sizukulu sabathe-tye
Sosikeleleka.

3 Butyebi endlwini yakhe
Boba bubuncwane,
Nob’lungis’ obubo bakhe
Bakuhlala bumi.

4 Bokhanyiselw’ abathe tye,
’Bumnyamen’ bakhutshwe,
Kumfesane nobabalo
Nob’lungisa kubo.

5 Umnt’ ubabal’ aboleke
Hay’ uyolo lwakhe,
’Ntetho yakh’ ematyaleni,
Uyakuyimisa.

6 Akakuk’ ashukunyiswe
Naphakade khona,
Wobalunga lokunyulwa
Ngokwanaphakade.

7 Yena-ke akoyikiswa
Nazindab’ ezimbi;
Kub’ enkol’ iqiniseke
Ngaye uYehova.

8 ’Ntliziy’ akhe ayoyiki
Izimasekile,
Woba bonele ekude
Ababandezeli.

9 Wohlakaza ukubapha
Abanga mahlwempu,
Bab’ ubulungisa bakhe
Bakuhlala bumi.

Luphakame lwanozuko
Olwakhe uphondo
10 Akubona ongendawo
Wosuka aqumbe.

Wotshixiza ngamazinyo
Suk’ anyibilike;
Wab’ uyakudak’ umnqweno
Walow’ ungendawo.

## C.M. Indumiso 113

1 HALELUYA! Dumisani
Bakhonz’ uYehova,
ElikaYehov’ igama
Lelo kudunyiswa.

2 ElikaYehov’ igama
Lona malibongwe,
Oku kususele ngoku
Kus’ ephakadeni.

3 Kwasekuphumen’ ilanga
Kus’ ekutshoneni,
ElikaYehov’ igama
Lidunyiswe lona.

4 ‘Yehova uphakamile
Phez’ kwentlanga zonke,
NoBakh’ ubuqaqawuli
Bongamel’ izulu.

5 Uphin’ onjengoYehova
OnguThixo wethu?
6 Olohlala phezulu-ke
Ab’ ondel’ umhlaba.

7 Ulomvusa el'thulwini
Lowo usweleyo,
Iz' ihlwempu ezaleni
Aliphakamise.

8 Al'hlalise namanene
Angabantu Bakhe,
Mfaz' oludlol' amvuyise
Ngokumph' abantwana.

## C.M. Indumiso 114

1 EKUPHUMEN' eYiputa
KukaSirayeli,
Kwendlu kaYakob' kubantu
Benteth' engaz' wayo.

2 Yuda waba yingcwel' Akhe,
S'rayel' wakumkani;
3 'Lwandle lwabona lwasaba,
'Yordan yabuy' umva.

4 Zaxel' ezegush' inkunzi
Ukudlob' intaba,
Zaz' induli zadlobisa
'Matakan' omhlambi.

5 Wena lwandle wabangwa-ni
Ukuze usabe?
Hi! wena Yordan, ukuze
Ubuyele emva?

6 Nina zintaba, nidlobe
Kwenkunzi zegusha?
Kwanani nina zinduli,
Njengamatakane?

7 Ebuswen' beNkos' uThixo
Ngcangcazela mhlaba.
8 Obang' iliwa neqhwitha
Limpompoz' amanzi.

## C.M. Indumiso 115

1 YEHOVA, mayingab' sithi
Osizukisayo
'Gama, 'nceba, 'nyanis' Akho
Emazizukiswe.

2 Yin' ukub' intlanga zithi,
Namhl' uThix' ab' uphi?
3 'Thix' ethu emazulwini,
Wenz' akuthandayo.

4 Yisilvere negolide
Izithixo zazo,
Ezonto-ke zizezenzo
Zezandla zabantu.

5 Zinomlomo azithethi
Ngamehlo az'boni;
6 Zinendlebe nje aziva,
Mpumlo, az'sezeli.

7 Zandla zazo aziphathi
Nganyaw' azihambi;
8 Ngomqala azidumzeli
Njal' umtyid', umkhonzi.

9 Wena S'rayeli, kholosa
Ngaye uYehova,
Oluncedo lwakho Nguye
Kwanengweletshetshe.

10 Kholosani ngoYehova,
Nina ndlu kaAron,
Uncedo, nengweletshetshe
Eyiyo eyabo.

11 Nina boyiki Yehova,
Themban' uYehova,
Uncedo nengweletshetshe
Inguye eyabo.

12 UYehov' usikhumbule
Wasisikelela,
'Ndlu kaSirayel' noAron
Wozisikelela.

13 Aboyiki boYehova
Wobasikelela,
Kususele kwabo banci
Kuse kwabakhulu.

14 UYehova futhi-futhi
Wonandisa nina;
Nyana benu ngokunjalo
Abandise nabo.

15 KuMenzi-zulu nomhlaba
Nisikelelekil',
16 Mazulu-mhlab' anikelwe
Konyana boAdam.

17 Abadumis' uYehova
Asibafileyo,
Asibo bonke behlela
Kwelo lokuzola.

18 Siyakumbong' uYehova
Kususela koku,
Singabathi: Haleluya
Kus' ephakadeni.

## C.M. Indumiso 116

1 NDIMTHAND' uYehova kuba
'Mthandaz' am ewuva.
2 Bonk' ubomi bam ndamnqula
Ngok'thob' indleb' Akhe

3 Ntambo zok'fa zandibopha,
Nenzingo zabafi,
'Mbandezelo nesingqala
Konk' okuphezu kwam.

4 Igama likaYehova
Ndalinqula, ndathi:
Yehova, ndiyakukhunga,
Siza umphefuml' am.

5 'Yehova, mbababali, lunga,
'Thix' onemfesane.
6 Umgcini wabazidenge
Ndiswele ndasizwa.

7 Wena mphefuml' am, buyela
Kuphumleni kwakho;
Ngokuba-ke uYehova
Ukuphatha kuhle.

8 Uwuhlangul' umphefumlo
Wami ekufeni;
Ezinyembezin' iliso
Nyaw' ek'ngqulekeni.

9 'Mazwen' ok'phila ndohamba
Phambi koYehova.
10 Ndinenkolo mna ndothetha,
Ndicinezekile.

11 Buphakuphakwini ndathi,
Ngamaxok' abantu,
12 Mbuyisel' ephi kuYehov'
Kwimphath' entle Yakhe?

13 Ndophakamisa indebe
Yalo usindiso;
Ndinqule kulo igama
Elo loYehova.

14 KuYehova ndozalisa
Izibhambathiso.
Ewe phambi kwabo bonke
Bangabantu Bakhe.

15 Kunqabile kuYehova
'Kufa kwabo Bakhe.
16 Au,' Yehova, ndimkonz' Akho
Nyan' omkonzazana

Mbophelelo ezozami
Uzicombulule.
17 'Mbingelelo ndow'sondeza
Ube ngumbulelo.

'Gama elikaYehova
Lona ndilinqule.
18 Kuwe ndiy'kuzizalisa
Izibhambathiso

Phambi kwaBakho bebonke,
19 Ez'ntendelezweni
'Ndlwin' eYerus'lem phakathi,
Ndenz' uHaleluya.

## C.M. Indumiso 117

1 MDUMISENI uYehova,
Nonke nizintlanga,
'Ze baziz' izizwe nonke,
Nimuncome Yena

2 Kuba kuthi inamandla
Eyakhe inceba,
Unyaniso esigxina:
Mabongw' uYehova.

## C.M. Indumiso 118

1 BULELANI kuYehova
Kuba elungile;
Yabe ingunaphakade
EYakhe inceba.

2 Mawuthi S'rayel': Inceba
Ingunaphakade.
3 Yithi ndlu kaAron: 'Nceba
Ingunaphakade.

4 Boyik' uYehova bathi,
Ingunaphakade.
5 Nam ndambiza uYehova
Ndisengxingongweni.

'Mpendul' Akhe yandibeka
'Ndaweni ebanzi.
6 Xa Yehov' unam ngumntu mni
Endakumoyika?

7 Ngokundinceda, Yehova,
Woba ngakum Wena,
Abandithandayo-ke mna
Ndiyakubabona.

8 Kuzimela ngoYehova
Kulungile kanye,
9 'Phez' kokholoso 'bantwini
Nok'ba ngamanene.

10 Zingafanelan' intlanga
Zonke zindirhaw'la,
Ngegama likaYehova
Inene ndoz'nqumla.

11 Zingafanelan' 'ndirhaw'la
Zide zandingqonga,
Ngegama likaYehova
'Nene ndozinqumla.

12 Zindirhaw'le njengenyosi
Zocinyw' okwentsasa,
Ngegama likaYehova
Inene ndoz'nqumla

13 Wen' undityale ngamandla
Ufun' 'kundiwisa,
Suka kodwa uYehova
Yena wandinceda.

14 'Qhayiya lam, nengoma yam
Nguye uYehova
UnguLowo waba kumi,
Nguy' olusindiso.

15 Izwi lokumemelela
Ngalo usindiso
Lenzeka ezintenteni
Zaw' amalungisa.

Lithi, Siyoyis' es'kunen'
SoYehov' isandla.
16 Sab' iseso sokunene
Es'phakamileyo.

17 Ke mina andiyikufa
Ndakubudl' ubomi,
Ke ndizibalis' izenzo
EzikaYehova.

18 Undithethise kunene
Phofu uYehova,
Kok' akad' andinikele
Kwelo lakwakufa.

19 Amasang' obulungisa
Khanindivulele,
Okungena kuYehova
Ndiyekumbulela.

20 KwaYehov' amalungisa
Angen' elisango.
21 Kuy' ebulel' uk'phendulwa
Waba lusindiso.

22 Ilitye abakhi abo
Abalilahlayo
Kanti koko liyimbombo
Eyiyona ntloko.

23 Kwabe nokuvela kwalo
Kukuy' uYehova,
Limsebenz' wobaluleko
Emehlweni ethu.

24 Le yimin' asenzeleyo
Thina uYehova,
Ngoko masigcobe ngayo
Sibe nokuvuya.

25 Siyabongoza, Yehova,
Camagu sindisa,
Siyabongoza, Yehova,
Camag' uhlangula.

26 Makabongwe lo uzayo
'Gamen' loYehova
Abasendlwin' kaYehova
Sibasikelela.

27 OnguThixo uYehova
Usikhanyisele;
Ngentamb' imibingelelo
Yibopheleleni.

'Zimpondwen' zes'bingelelo
Ziy' emthendelekwen'.
28 Thix' 'am, ndakukubulela
Ndikuphakamise.

29 Bulelani kuYehova
Kuba elungile.
Yabe ingunaphakade
EYakhe inceba.

# C.M. Indumiso 119

1 HAY' uyolo lwabandlela
Igqibeleleyo
Ngumyalelo kaYehova
Abahamba ngawo.

2 Hay' uyolo lwababambe
'Zinqiniso Zakhe,
Abamfuna ngentliziyo
Iyepheleleyo.

3 'Misebenzi yobugqwetha
Abayenzi yona;
Okukokwab' ukuhamba
KungeZakh' indlela.

4 Ezakho iziyalezo
Wen' uzimisile,
Ukuba yonk' inyameko
Zigcinwe kunene.

5 Azaba ezam indlela
Bezibekiselwe,
Ekuthin' imimiselo
Yakhe ndiyigcine!

6 Bendingayi kuthi ngoko
Ndibe nokudana,
Kuba yonke imithetho
Yakho ndiyibeka.

7 Ngay' intliziyo ethe-tye
Ndobulela Kuwe;
Ngokuthi kwam ndizifunde
Zinqwelo zelunga.

8 'Mimiselo eye Yakho
Ndiyakuyigcina
Musa Wen' okuko Kwakho
Undishiye mpela.

9 'Mendo wakhe ongumfana
Wothin' uk' qaqamba?
Woba ngoth' ukuzigcina
Kube ngezwi Lakho.

10 Ngentliziyo yami yonke,
Wena ndokufuna,
Ungandilahlekanisi
Nemithetho Yakho.

11 Ndibeke intetho Yakho
Entliziyweni yam,
Ukuze Kuwe ndingaze
Ndibe ngokonayo.

12 Wena Yehova uNguye
Ongowokubongwa,
Ke mna kawundifundise
'Mimiselo Yakho.

13 Ngemilebe yomlomo wam
Ndakuwabalisa
Konk' okungaw' amasiko
Owakho umlomo.

14 Kwindlel' ezingqino Zakho
Ndibe nemihlali,
Kwanako konk' okungathi
Kusebutyebini.

15 EZakho iziyalezo
Ndakucamgca ngazo,
Ndiz' umendo ongoWakho
Ndib' ngowubekayo.

16 Ngay' imimiselo Yakho
Ndiyaziyolisa,
Ize nal' ilizwi Lakho
Ndingalilibali.

**17** Mkhonzi Wakho mphathe kuhle
Ndidle ubomi-ke,
Ilizwi Lakh’ ndibe nguye
Oyakuligcina.

**18** ‘Misebenz’ yobaluleko
Amehlo ndivule.
EyoWakho umyalelo
Ukuba ndiy’bone.

**19** Ndinguye aph’ emhlabeni
Ongumphambukeli,
Kum-ke imithetho Yakho
May’ ngandisitheli.

**20** ‘Mphefumlo am ucumkile
Kulangazelela,
Okungamasiko Akho
Onke amaxesha.

**21** Abangabakhukhumali
Ubakhalimele,
Balahlekan’ nemithetho
Baqalekiswe-ke.

**22** Ingcikivo nay’ indelo
Shenxisa kum zimke;
Kub’ eZakh’ izingqiniso
Ndisazibambile.

**23** Phof’ abathethel’ behleli
Bathetha thetha ngam;
‘Mkhonzi Wakho yen’ ecamngca
Ngemimisel’ Akho.

**24** Kum ziziyoliso noko
Izingqino Zakho,
Zabe zona zindingene
Zaba ngaphakathi.

**25** Unamathel’ el’thulini
Umphefumlo wami,
Wena ngeLakhe ilizwi
Nced’ undiphilise.

**26** ‘Ndlela zam ndiz’cacisile,
Wandiphendula-ke;
EyeYakh’ imimiselo
Yona ndifundise.

**27** Ndenze ndiziqond’ indlela
Oziyalezayo,
‘Misebenz’ yobaluleko
Ukuze ndiy’camngce.

**28** Ngenyembezi nesinqala
‘Mphefumlo uyopha,
Seyiko kwelizwi Lakho
Ukundomeleza.

**29** Eyobuxoki indlela
Uyisuse kumi,
Ukuze undibabale
Eyomyalel’ Akho.

**30** Eyokuthembek’ indlela
Yona ndiyinyule,
Athi amasiko Akho
Ndijolise kuwo.

**31** Ezingqinisweni Zakho
Mandinamathele,
Uze ungandidanisi
Ke Wena Yehova.

**32** Ekuben’ uyenze banzi
Entliziyweni yam
Ndigidima ngay’ indlela
Yemithetho Yakho.

33 'Ndlela yemimisel' Akho,
Nkosi, ndiyalele,
Ukuze nam kus' ek'phelen'
Ndingoy'bambileyo.

34 Ndiqondise ndiwubambe
Umyalelo Wakho,
Ize ngentliziyo yonke
Wona ndiwugcine.

35 Ndinyathelis' endleleni
Yemithetho Yakho,
Ngenxen' okuba kwanami
Ndikwayithandile.

36 'Ntliziyo yam yithobele
KweZakh' izingqino,
Ekubawen' yikhwebule
Ingathobel' oko.

37 'Mehlo am inkohlakalo
Wadlulise kuyo,
Ukuze ngendlela Zakho
Ndizuz' impiliso.

38 Zalisa kumkhonzi Wakho
EYakho intetho,
Eyakwenza okokuba
Wena bakoyike.

39 Ingcikiv' elixhala kum
Yidlulise nayo,
Ngokuba elungile kum
Amasiko Akho.

40 Nanku ndilangazelela
Ziyalezo Zakho,
NgoBakho ubulungisa
Kawundiphilise.

41 Yehova, inceba Zakho
Nazo zize kumu
Kwano Lwakho usindiso
Ngokwentetho Yakho.

42 Ndimphendule umngcikivi
NgeLakho ilizwi.
Ngokuba ndikholosile
Ngelilizwi Lakho.

43 Izwi Lakho lenyaniso
'Mlom' am lingahluthwa,
Elix' izigwebo Zakho
Ndilindele zona.

44 Mandigcin' umyalo Wakho
Ngamaxesha onke
Kude kuye kwiphakade
Lakh' unaphakade.

45 Ndibe ngohambahambayo
Endawen' ebanzi
Kuba ndilow' ufunayo
Iziyalezo Zakh'.

46 Phambi kobumkan' ndithethe
Ngezozingqiniso,
Ndabe ekwenzeni njalo
Kungekho kudana.

47 'Mitheth' Akho ibe myoli
Yabe ndiyithanda,
48 Undiphakamis' izandla
'Mimiso ndiy'camngca.

49 Izwi Lakho kumkhonz' Akho
Lona likhumbule
Ekubeni sew'the ngalo
Wenza is'thembiso.

**50** ‘Ntuthuzelo kum yiyo le
Ek’cinezeleken’,
Yokuba intetho Yakho
Indiphilisile.

**51** Ngokukhulu bandigxeka
Abakhukhumali
Kodwa noko andashenxa
Emyalelwen’ Akho.

**52** ‘Masik’ Akho ndakhumbula
Aqal’ ephakaden’,
Esusela kuYehova
Ndathuthuzeleka.

**53** ‘Msind’ oshushu undingene
Oko ndisenziwa,
Ngabalahl’ abangendawo
Umyalelo Wakho:

**54** Lemimiselo Yakho kum
Suke yazingoma
Kuyo lendlu ndiy’hleliyo
Yokuphambukela.

**55** Igam’ Lakho ebusuku
Ndilikhumbule-ke,
Wabe nomyalelo Wakho.
Nawo ndiwugcina.

**56** Nako endikunikwayo
Ndithi kungokuba
Okuziyalezo Zakho
Ndibe ‘mbambi wazo.

**57** Isabelo sam, Yehova,
Ndithi sesokuba
Ndibe ngongumgcini wawo
Angamazwi Akho.

**58** Ngentliziyo yami yonke,
Ndiya kubongoza,
Yiba ngondibabalayo
Ngokwentetho Yakho.

**59** Ndaba ngozicingelayo
Ezami indlela.
‘Nyawo zam ndaz’buyisela
‘Zingqinweni Zakho.

**60** Ndibe ngokhawulezayo
Andazilazila,
Ngokub’ imithetho Yakho
Ndiyigcine yona.

**61** Ezabangendaw’ izintya
Zazindithandele,
Noko andiw’ libalanga
Umyalelo Wakho.

**62** Ndovuka ndikubulele
‘Nzulwin’ zobusuku
Ngenxa yazo izigwebo
Zob’lungisa Bakho.

**63** Nabakoyikayo Bakho
Ndoba lidlelane;
Nelabo bazigcinayo
‘Ziyalezo Zakho.

**64** Yehova, inceba Yakho
Izalis’ umhlaba
EYakho imimiselo
Khawundifundise.

**65** ‘Menzel’ okulungileyo
OWakho umkhonzi,
Kuz’ oko, Yehova, kube
Ngokwelizwi Lakho.

**66** Ndifundis' imvo nokwazi
Okulungileyo.
Ngokub' imithetho Yakho
Ndiyakholwa yiyo.

**67** Ndingekacinezeleki
Ndaye ndilahleka
Kungoku ndiyigcinile
'Ntetho yezwi Lakho.

**68** Wenza okulungileyo
Kub' ulilungisa,
Imimiselo eYakho,
Ndifundise yona.

**69** Ngam bathungel' ubuxoki
Abakhukhumali;
'Ziyalezo ndozibamba,
Entliz'ywen' am zona.

**70** Ntliziyo yab' ithe-fithi
'Mafuth' okutyeba;
Okwam ngomyalelo Wakho
Ndiyaziyolisa.

**71** Lwaba lilungelo kumi
Ucinezeleko
Kuba ndiyifunde ngoko
'Mimiselo Yakho.

**72** 'Myalelo womlomo Wakho.
Ulungile kumi,
Ngaphezu kwaw' amawaka
Egolid' nesil'ver'.

**73** 'Zandla Zakho zindenzele
Zakwandilungisa
Ndiph' ingqondo yokuy'funda
Imithetho Yakho;

**74** Bavuye bakundibona
Abakoyikayo
Ekuthini ndilindele
Elizwini Lakho.

**75** Yehova zinob'lungisa,
Oku ndiyakwazi,
Iz'gwebo zithembekile
Undicinezele.

**76** 'Nceb' Akho ngamana yaba
Yethuthuzelayo
Ibe njengok'thetha Kwakho
Kuy' umkhonzi Wakho.

**77** Mazize kum ze ndiphile
Imfesane Zakho
Kuba ndiyoliswa nguwo
Umyalelo Wakho.

**78** 'Bakratsh' abandixokayo
Bona mabadane
Ndab' okwam ndinguy'ocamngca
Ngez'yalezo Zakho.

**79** Mabandibuyele abo
Abakoyikayo;
Nabo abo bazaziyo
Iz'ngqiniso Zakho.

**80** 'Ntliziyo may'gqibelele
KweYakh' 'mimiselo
Oku ukuze ndingabi
Ngoyakudaniswa.

**81** 'Mphefuml' ulangazelela
Usindiso Lwakho,
Kub' oko ndikulindela
Elizwini Lakho.

**82** ‘Mehl’ am alangazelela
Eyakho intetho,
Kungoko ndibuz’ ukuthi:
Ntuthuzel’ inini?

**83** Noko ndibe njengentsuba
Ebekwe emsini,
Eye Yakh’ imimiselo
Andikuy’ libala.

**84** ‘Ntsuku zakh’ umkhonzi Wakho
Zoba nani lini
Phambi kokub’ ubagwebe
Abasukela mna?

**85** Izihogo bandimbele
Abakhukhumali,
Babe bona bengengabo
Bomyalelo Wakho.

**86** Ekuben’ ithembekile
Imithetho Yakho;
Bandisukela bexoka
Wena-ke ndincede.

**87** Baphants’ ukundigqibela
Apha emhlabeni
Ke, mna andizilahlanga
Iz’yalezo Zakho.

**88** Ngenceba eyiy’ eYakho
Wena ndiphilise
Iz’nyaniso zomlom’ Wakho
Zona ndizigcine.

**89** ‘Lizwi Lakho ezulwini
Lisisimakade
Labe lona, O! Yehova,
Lingunaphakade.

**90** Zivum’ izizukulwana
‘Kuthembeka Kwakho
Way’ umhlaba uwumise
Wangozinzileyo.

**91** Zimel’ ezonto nanamhla
Izigwebo Zakho
Kuba zonke ezozinto
Zibakhonzi Bakho.

**92** Kungath’ umyalelo Wakho
Kum ube luyolo,
Ngendaba ngowaphelayo
Kucinezeleka.

**93** Andisoze ndaz’libala
Iz’yalezo Zakho:
Kuba ngazo uthe Wena
Wabang’ ukuphila.

**94** Okokwam ndinguy’ oWakho
Mawundisindise;
Kuba ndingocamangayo
Ngez’yalezo Zakho.

**95** Balinde abangendawo
Nditshatyalaliswe
Ekuben’ okwam ndigqale
Iz’ ngqiniso Zakho.

**96** ‘Nzaliseko ndiy’ bonile
Aph’ iphela khona
Kodw’ umphangalal’ obanzi
Ungumthetho Wakho.

**97** Hayi ukuwuthanda kwam
Umyalelo Wakho!
Ngawo imini le yonke
Ndicamngcana nawo.

**98** ‘Bulumko obungaphezu
Kobentshaba zami
Ndibufund’ em’thethwen’ Yakho
Iyeyam kengoko.

**99** ‘Ngqibo yam igqithisele
Kubafundisi bam,
Kub’ izingqiniso Zakho
Ndingumcamngci wazo.

**100** Ndinokuqonda ngaphezu
Kwengwev’ zamadoda,
Kub’ iziyalezo Zakho
Ndizibamba zona.

**101** ‘Nyawo zam ndizinqandile
Kwezimbi indlela,
Ukuze ilizwi Lakho
Ndiligcine lona.

**102** Kumasik’ Akh’ andisuki
Kuba undiyalil’.
**103** ‘Nteth’ Akho imnandi kumi,
Igqithe nobusi.

**104** Ngazo iz’yalezo Zakho
Ndingokuqondayo,
Ndikuthiye ngenxa yoko
Konk’ okubuxoki.

**105** Lisiban’ ilizwi Lakho
Kuz’ inyawo zami
Labe likukh’ ukukhanya
Emendweni wami.

**106** Ndinguy’ okufungeleyo.
Ndaye ndiz’misele,
Ukuzigcin’ izigwebo
Zob’lungisa Bakho.

**107** Ndide ndive kukukhulu
Uk’cinezeleka,
Ke Yehova ndiphilise
NgeLakho ilizwi.

**108** Kuwe, Yehova, ngamana
Wangokholekayo
‘Mbingelelo wam wesisa
Lo wowam umlomo.

Ndifundis’ amasik’ Akho,
**109** Lomphefumlo wami
Uhlala esandleni sam
‘Myal’ ungaw’libali.

**110** Bandithiyele ngomgibe
Aba bangendawo
Kok’ ez’yalezweni Zakho
Andiphambukanga.

**111** Ndiz’dl’ ilifa izingqino
Kus’ ephakadeni
Ngokuba ziyimihlali
Yentliziyo yami.

**112** Ekwenzen’ mimisel’ Akho
‘Ntliziy’ ik’thobele
Lonto yosa ekuphelen’
Kwakh’ unaphakade.

**113** Ndibathiy’ ukubathiya
Abangabambaxa;
Wabe umyalelo Wakho
Ndiw’thand’ ukuw’thanda.

**114** ‘Sithe lam, nengweletshetshe
Yehova, iNguwe,
Kwabe elizwini Lakho
Ndingolindeleyo.

**115** Nina benzi bent' ezimbi
Khwelelani kumi,
Imithetho ndiyibambe
EyoThixo wami.

**116** Ngezwi Lakho ndizimase
Ukuba ndiphile;
Uze ungakudanisi
Okwam ukulinda.

**117** Yiba Nguy' ondixhasayo
Ukuze ndisinde,
Ndibe ngohlal' ey'bekile
Imimisel' Akho.

**118** Balahli bemimis' Akho
Ubacekisile,
Kuba inkohliso yabo
Ibub' ubuxoki.

**119** Abangendawo bomhlaba
Basusw' okwentlanga
Ngak' oko ndiyazithanda
Iz'ngqiniso Zakho

**120** 'Nyama yam ingcangcazela
Ukuhamb' oku kwam
Kuba ndingozoyikayo
Izigwebo Zakho.

**121** Ekwenzeni kwam ngesiko
Nangobulungisa
Kwabo bandicudisayo
Ungandinikeli.

**122** Ngakuye umkhonzi Wakho
Kolunga ummele;
Mabangandicudisi-ke
Abakhukhumali.

**123** Amehlo am ayaphela
Kulangazelela
Usindiso nenteth' Akho
Yab' ubulungisa.

**124** Ngokwenceb' Yakho menzele
Ongumkhonzi Wakho,
Iz' imimiselo Yakho
Ndifundiswe yona.

**125** Mina ndingumkhonzi Wakho
Ngoko ndiqondise,
Ndibe nguye ozaziyo
Iz'ngqiniso Zakho.

**126** UYehova le lilixa
Enze akwenzayo,
Ekubeni bewaphule
Umyalelo Wakho.

**127** Ngenxa Yakho ndiyithanda
Imithetho Yakho
Ngaphezu kway' igolide,
Nakwengcengiweyo.

**128** Zonk' iziyalezo Zakho
Nxa zonke zithe-tye;
Wonk' umendo wobuxoki
Kum uthiyekile.

**129** Zizenzo zobaluleko
Iz'yalezo Zakho,
Kungok' owam umphefumlo
Uzibambileyo.

**130** 'Kutyhilwa kwamazwi Akho
Kunik' ukhanyiso
Othi nosis' isidenge
Azuze ingqondo.

**131** Ndakhamisa umlomo wam
Suka ndahlwabusa,
Ngokuyilangazelela
Imithetho Yakho.

**132** Wena-ke khawundibheke
Uz' undibabale,
Njengesiko Lakho kade,
Kwabegama Lakho.

**133** 'Kuhamba kwam kuqinise
Elizwini Lakho
Nabuphi na ubutshinga
Kum kuswel' igunya.

**134** Ekucudiseni komntu
Uz' undikhulule.
Ndibe nguy' ozigcinayo
Iz'yalezo Zakho.

**135** Buso Bakho mabukhanye
Ngakumkhonzi Wakho,
Ube ngondifundisayo
'Mimiselo Yakho.

**136** Mehlo am ayimijelo
Encencez' amanzi
Ngokuba bengawugcini
Umyalelo Wakho.

**137** Yehova, oKwakho Wena
Ulil' ilungisa,
Nazo izigwebo Zakho
Zithe-tye kwaphela.

**138** Uz'mise eb'lungiseni
Iz'ngqiniso Zakho
Zona zinokuthembeka
Okukokukhulu.

**139** Ndisuke ndazal' ikhwele
Lindibhangisile,
Kokulibal' amazw' Akho
Ngababandezeli.

**140** Elixa ilizwi Lakho
Linyulu kangaka,
Wab' umkhonzi Wakho yena
Engolithandayo.

**141** Ekudelekeni kwami
Kuba ndimncinane
Andizilibali noko,
Iz'yalezo Zakho.

**142** Bub'lungisa baphakade
Ub'lungisa Bakho,
Wab' uyiyo inyaniso
Umyalelo Wakho.

**143** 'Mbandezelo nengcutheko
Zindifumene nje,
Iyandiyolisa yona
Imithetho Yakho.

**144** Bulungis' iz'ngqino Zakho
Zasephakadeni,
Ukuze ke mna ndiphile
Ndiqondise zona.

**145** 'Ntliziyo yam yonk' ikhala
Ithi: Ndiphendule;
'Mimisel' Akho, Yehova,
Ndiyakuyibamba.

**146** Oku kukhalela Kuwe
Ke mna ndisindise,
Ndingoyakuth' azigcine
Iz'ngqiniso Zakho.

**147** Ndikuphangele ukusa
Ndingozibikayo,
Ndabe ndingolindeleyo
Emazwini Akho.

**148** Imilambo yobusuku,
'Mehl' am ay'phangela,
Ukuze ndicamngce ngakho
Ukuthetha Kwakho.

**149** Ngokwenceb' Yakho yothando
Liv' elam ilizwi,
Ize ngokwamasik' Akho,
Yehov', ndiphilise.

**150** Abo bazond' amanyala
Basondela bona.
Kodwa emyalweni Wakho
Ngabanyawukiley'.

**151** Wen' Yehova, akukude
Ungosondeleyo,
Kuba yonk' imitheth' Yakho
Iyeyenyaniso.

**152** Ngokwezingqiniso Zakho
Kudala ndisazi
Kuba zona zisekeke
Kwanaphakade-ke.

**153** Khangela ndicinezelwe,
Wena, ndihlangule
Kuba andiwulibali
Umyalelo Wakho.

**154** Bambana nobambene nam,
Kuy' undikhulule,
Nangokwelizwi eLakho
Mawundiphilise.

**155** Kwabangendaw' usindiso
Lubanyawukile,
Ekubeni bengay'funi
'Mimiselo Yakho.

**156** Yehova, Kuwe zininzi
Imfesane Zakho,
Ngokwamasiko Akho-ke
Mawundiphilise.

**157** 'Basukeli bam baninzi
Nababandezeli,
Noko andiyikujika
Kwingqiniso Zakho.

**158** Ndababona ndakruquka
Abatshinizayo,
Abo bangayigciniyo
EYakho intetho.

**159** Bon' okwam' ukuzithanda
Iz'yalezo Zakho;
Yehova, ngokwenceb' Akho
Mawundiphilise.

**160** Isimbuku sezwi Lakho
Siyinyanis' 'phela,
Zingunaphakad' iz'gwebo
Zilungile zonke.

**161** Ngelize bandisukela
Abathetheli-ke,
'Ntliziyo yam iyankwantya
Ngaw' amazwi Akho.

**162** Ngentetho eyeye-Yakho
Ndingonemihlali,
Ndanjengofumen' ixhoba
Elile lininzi.

**163** Ndikuthiyil' ukuxoka
Kum kulisikizi,
Ndabe ndingow'thandayo
Umyalelo Wakho.

**164** Ngemini ndikudumisa
Maxesh' asixhenxe,
Kungenxa yaz' izigwebo
Zob'lungisa Bakho.

**165** Abathanday' umyal' Akho
Banoxol' ol'khulu,
Ngokuba kubo asikho
Isikhubekiso.

**166** Yehov' usindiso Lwakho
Ndikhangela kulo,
Yabe nemithetho Yakho
Ndinguy' oyenzayo.

**167** Nomphefuml' am uyagcina
Iz'ngqiniso Zakho,
Oko kuba ndizithanda
Ngokugqithileyo.

**168** Iz'yalezo nez'ngqiniso
Zakho, ndiyaz'gcina,
Zabe zonk' ezam indlela
Zizez' phambi Kwakho.

**169** Mak'sondele phambi Kwakho
Ukuhlahlamba kwam,
Yehova, ngokwezwi Lakho
Mawundiqondise.

**170** Phambi Kwakho masifike
Isikhungo sami,
Uze ngokwentetho Yakho
Wen' undihlangule.

**171** Mlomo wam mawumpompoze
Indumiso Kuwe,
Kuba undifundisile
'Mimiselo Yakho.

**172** 'Lwimi lam loyiphendula
EYakho intetho,
Kuba yonk' imitheth' Akho
Inobulungisa.

**173** Isandla Sakho masibe
Sesokundinceda,
Ngokuba ndizinyulele
Iz'yalezo Zakho.

**174** Yehov' usindiso Lwakho
Ndiyalunqwenela;
Wabe nomyalezo Wakho
Uyandiyolisa.

**175** 'Mphefumlo wam mawuphile
Udumise Wena,
Aze namasiko Akho
Nawo andincede.

**176** 'Mkhonz' Akho ek'lahlekeni
Kwemvu eya imka,
Mfune, kub' engay' libali
Imithetho Yakho.

## L.M. Indumiso 120

**1** NDIKWINGXINGONGO ndakhala
Wandiv' uYehova.
**2** Ndathi, Hlangul' umphefumlo
Kumlom' oxokayo.

**3** Akunike ntoni, wena?
Akongeze ntoni,
Wena-ke lulwimi ndini
Olunenkohliso?

4 ‘Ntol’ ezitsolo zegorha
Namalahl’ evutha.
5 Ndimphambukeli kwaMeshek
Athi, umntu ondim’!

6 KwaKedar’ mphefuml’ uhleli
Nabathiyi xolo.
7 Kuba mna ndingowoxolo
Benyukana nami.

## C.M. Indumiso 121

1 NDIPHAKAMISEL’ ez’ntaben’
Angawam amehlo;
Luyakuvela phi kodwa
Olwamu uncedo?

2 Yehova, Kuwe uMenzi
Wezulu nomhlaba.
3 ‘Nyawo lwakho ungel’nikel’
Ek’tyibilikeni.

4 ‘Mgcini wakho akak’ozel’
KuS’rayel’ ngumgcini;
Uyabona, akozeli
Waye engalali.

5 NguYehov’ umgcini wakho
Kwesok’nen’ umthunzi;
6 ‘Lang’ emini, ‘nyang’ eb’suku
Akukwenzakala.

7 ‘Bubini bonk’ uYehova
Yena wokugcina,
Way’ owakhe umphefumlo
Eyakuwugcina.

8 ‘Yehov’ ukuphuma Kwakho
Kwanak’ ukungena
Kususel’ ok’ wokugcina
Kuy’ ephakadeni.

## C.M. Indumiso 122

1 NDAVUYA bakuthi kumi,
Masihambe siye
Kuwo amasango endlu
Eye kaYehova.

2 ‘Nyawo zethu zaf’ka zema
‘Masang’ eYerus’lem:
3 ‘Yerus’lem wakhiwe wena
Wamzi ubumbene.

4 Aph’ izizwe zoYehova
Z’nyuka ziye khona,
Lingqinwe, kwaS’rayel’, igam’
Libulelwa zizo.

5 Kuba khon’ apho kumiswe
Itron’ zokugweba,
Yaye-ke nayo lotrone
IyekaDavide

6 Celelan’ iYerusalem
Uxol’ ibe nalo,
‘Chulumacho lube kubo
Abakuthandayo.

7 Zindongen’ ez’rhaqileyo
Malube luxolo
Nochulumach’ ez’ngxandeni
Ezo zinde Zakho.

8 Zizalwanen’ nab’ owethu
Ndicela uxolo.
9 Ngendlu kaYehova wethu
Ndofun’ ukulunga.

## C.M. Indumiso 123

1 WEN' uhlel' emazulwini
Ndikhangela Kuwe.
2 Ngokwamehlo abakhonzi
Isandla senkosi.

Ngokwamehl' omkhonzazana
Sandla senkos' kazi
Ngolohlobo naweth' 'mehlo
Emi kuYehova.

3 Sibabale, sibabale,
Wena O! Yehova,
Kub' okwethu sesanele
Kakhulu kudelwa.

4 'Mphefuml' eth' uhluthisiwe
Kugculwa, kudelwa
Ngabo bangabazidlayo
Ngekratshi lok'zingca.

## Indumiso 124

**Ivunywe ngeNgoma eyiC.M. [8,6,8,6]**

1 Kok' uYehova wab' nathi,
Matsh' uSirayeli
2 Kok' uYehova wab' nathi.
Singabavukelwa.

3 Ngeba siginya sihleli
Ngumsindo bevutha.
4 'Manzi nge sintywilisele
Saqatyelwa msinga.

5 Amanz' ukukhukhumala
Ngekwa siqabela
6 Yehov' ungowokubongwa
Ak'sinikelanga.

7 'Mphefuml' ethu usindile
Mgiben' ngokwentaka:
8 Lukuw' uncedo, Yehova,
'Menzi zulu, mhlaba.

**Ivunywe ngeNgoma eyiP.M. [10,10,10,10]**

**1** Kok' uYehova ebe ngakuthi,
Maqinis' atsho uSirayeli
**2** Kok' uYehova ebe ngakuthi,
Abantu xa babe sisukela.
Abantu xa babe sisukela.

3 Ngebeba basiginya sihleli
Ekuvutheni komsindo wabo;
4 Ngeba sintywilisel' emanzini
Wagqunyelelwa oweth' mphefumlo.
Wagqunyelelwa oweth' mphefumlo.

5 Nawo lomanz' akhukhumeleyo
Angel' edlule nomphefuml' ethu.
6 'Yehov' ufanelwe zizibongo
Ongavumanga siqwengwe ngabo.
Ongavumanga siqwengwe ngabo.

7 Usinde ngokwentak' umphefumlo
Eqhawul' umgib' wababambisi,
8 Ligama loYehov' oluncedo
Owezulu nomhlaba uMenzi.
Owezulu nomhlaba uMenzi.

## C.M. Indumiso 125

1 'BAKHOLOSI ngoYehova
Banjengay' iTsiyon,
Intab' engaz' ishukume
Ihlel' naphakade.

2 'Yerus'lem ejikelezwe
Kwazintaba nayo,
Injengaye uYehova
'Kubarhanq' 'bant' Bakhe,

Jikelezo olwangoku
Kus' ephakadeni.
3 Kub' abadlelan' ilifa
Ilunga nongendaw'.

Unantonga Yakh' ihlala
Ilind' ongendawo,
Kwabe kolilung' inqanda
'Bugqwetha bungezi.

4 Yehova, ok'lungileyo
Kwenze kumalunga,
Kwa nakwabo bathe-tye-ke
'Ntliziyweni zabo.

5 Abandlela zimagoso
Bemkise, Yehova,
Kwanabenzi bobutshinga,
KuS'rayel' uxolo.

## C.M. Indumiso 126

1 EBABUYIS' uYehova
Abo babuyayo,
Abo bangaseTsiyon-nje
Sanga siyaphupha.

2 Wazala kukuhlek' 'mlomo
'Lwim' umemelelo,
Bathi ezintlangen' wenza
Kukhul' uYehova.

3 UYehova usenzele
Into ezinkulu,
Ukuze sibe ngabo-nje,
Abo bavuyayo.

4 Buyis' abakuth', Yehova,
Abathinjiweyo
Njengemilambo yamanzi
EkwelaseZantsi.

5 Ngenyembezi bahlwayela
Kanti bakuvuna,
Abo bay' ko bengayenza
Ngokumemelela.

6 Ohambahamba elila
Epheth' intlwayelo,
Ubuya ememelela
Ethwel' izithungu.

## C.M Indumiso 127

1 ABAKHI bayazaphula
X' uYehov' engekho,
'Mgcini wendl' uyazixhamla
'Yehov' engemgcini.

2 Fumana nivuka k'sasa,
Nise kubusuku,
Nodl' esenxamlek' isonka:
'Ntanda Yakh' ilele.

3 UYehova unes'qhamo
Esiba lil' lifa,
Ngokupha londlu onyana
Babe yiy' inzala.

4 Boba njengazo intolo
Esandlen' segorha,
Abangaba kuyo londlu
Yobawo ubutsha.

5 'Mphongol' ozalise ngabo
Kulomfo luyolo,
Kumasang' entshaba zabo
'Nkwantyo kub' alukho.

## C.M. Indumiso 128

1 ABOYIKA uYehova
Banoyolo bonke,
Kuba bengab' abahamba
Ngaz' indlela Zakhe.

2 'Ntsebenzo yezandla zakho
Inene woyitya,
Kwabe kwakulunga kuwe
Ube ngonoyolo.

3 Njengomdiliy' oqhamayo
Woba njal' umkakho,
Ngaphakath' endlwini yakho
Ubone onyana.

4 Babe zithole zomnquma
Es'thebeni sakho:
Yehov' uyamsikelela
Low' umoyikayo.

5 ETsiyoni uYehova
Makak'sikelele,
EYerus'lem ub' nenyhweba
'Mihla yakho yonke.

6 Abantwana babantwana
Ubabon' abakho,
Ize nakwaSirayeli
Lubekho uxolo.

## C.M. Indumiso 129

1 NDIBANDEZELWE kaninzi,
'Sirayel' makatsho,
2 'Mbandezelo zibeninzi
Kwasebuncinanen'.
Abafeza lutho noko
Bandilim' umhlana.
3 Beyolula ukuy'lima
Kum eyab' indima.

4 Unguye olilungisa
Yena uYehova,
Izintya uyazinqumla
Zabo bangendawo.

5 Mabadane babuy' umva
Abathiy' iTsiyon.
6 Bomis' okwenca ephuma
Phez' kwendl' ingahlumi.

7 Novunay' isandla sakhe
Angasizalisi,
Nesondo lengubo yakhe
Oboph' izithungu.

8 Nabadluli bengekathi:
Sikelelekani,
Ngegama likaYehova
'Ntsikelelo kuni.

## C.M. Indumiso 130

1 YEHOVA, ndinqula Kuwe
Ndisezinzulwini,
2 Nkos', maw'libazel' indlebe
Uv' elam ilizwi.

3 Ukuba Yehova uthe
Wanqal' ubugwenxa
Ongaba nokuma, Nkosi,
Ngaba ngubani na?

4 Ukuxolela kuNawe
Ukuze woyikwe.
5 Umphefuml' am uthembele
Kuye uYehova.

6 Ulindele izwi Lakhe
Wona lomphefumlo,
Phez’ kwabalinde ukusa
Abalind’ ukusa.

7 Wena Sirayel’, lindela
Kuye uYehova,
Kul’ inceb’ ikuYehova
Kwanenkululeko.

8 Yena-ke wowakhulula
AmaSirayeli
Kubo bonke ubugwenxa
Abaphantsi kwabo.

## C.M. Indumiso 131

1 INTLIZIYO yam, Yehova,
Ayiphakamile
‘Mehl’ am akaqwayinganga
Abe ‘ntwen’ zinkulu.

2 Umphefumlo wam inene
Ndiwuzolisile,
Ngoko mntwan’ olunyulweyo
Ehleli kunina.

3 Lindela-ke kuYehova,
Wena Sirayeli,
Kususele kwelangoku
Kus’ ephakadeni.

## C.M. Indumiso 132

1 KHUMBUL’ ukucinezela
KoDavid’, Yehova;
2 Wak’fungel’ wabhambathisa,
EnguThix’ kaYakob’.

3 Es’thi: Andiyikungena
‘Ntente eyindlu kum,
Sililin’ ndinganyukeli
Ndiye mandlalen’ am.

4 ‘Mehlo andikuwanika
B’thongo nokozela,
5 ‘De ndiwenzele indawo
‘Mnquba kaYehova.

6 E-Frata sawuva ‘khona
Kwiz’ tili zeYarim,
7 Masiwungene umnquba
Sinqul’ uYehova

8 Yehova, khawusukume
KoKwakh’ ukuphumla,
Az’ abekho kulomkhombe
AWakho amandla.

9 Abenzeleleli Bakho
Bambath’ ub’lungisa,
10 Davide umthanjisw’ Akho
Angamtyhal’ umkhonzi.

11 Inyaniso wamfungela
Yehov’ uDavide,
Ngokuma kwetrone Yakhe
Kulont’ ungejike.

Wathi: Omisw’ etroneni
Woba nzala yakho,
12 Uk’ba bath’ onyana bakho
Mnqophis’ Am baw’gcina.

Nas’ eSam isingqiniso
End’ bafundisayo,
Bothi bahlal’ etroneni
Nab’ onyana babo.

13 Kuba uyinyul' iTsiyon
Yalikhaya Kuye,
14 Wathi, 'Ndawo Yam ilapha,
'Ntlalo ngokunqwena.

15 'Ntsikelelo yomphak' ayo
Ndoyenza kunene,
Amahlwemp' ay' ohluthiswa
Ngak' okusisonka.

16 'Benzeleli bambathiswe
Ngalo usindiso,
Both' abayo abenceba
Benz' umemelelo.

17 Ndakumhlumisel' uphondo
Yena uDavide;
Ndakumlungisel' is'bane
Owam umthanjiswa.

18 Ndozambathisa udano
Ezakhe intshaba,
Kotyatyamba phezu kwakhe
Esakh' isithsaba.

## C.M. Indumiso 133

1 UKUBA kuhl' 'kuboneni
Nokufaneleka
Xa bahlal' abazalwana
Bebanye ngomxhelo!

2 'Njenge-oli yentlok' ehla
Nendev' z'kaArone,
Iye emqukumbelweni
Waz' ingubo zakhe.

3 Njengombeth' weHermon ohla
Kwintaba zeTsiyon:
Usikelel' aph' uYehov'
Ubom baphakade.

## C.M. Indumiso 134

1 BONAN'! mabongw' uYehova
Nonke bamkhonzayo
Naseb'suku ningabema
'Ndlwini kaYehova.

2 Zandla zenu engcweleni
Ziphakam' abongwe;
3 'Yehov' 'sikelel' eTsiyon,
Menzi-zulu-mhlaba.

## C.M. Indumiso 135

1 DUMISANI uYehova,
ELakhe igama
Abakhonzi boYehova
Badumise lona.

2 'Bemi 'ndlwini kaYehova,
Zintendelezweni,
Zendlu enendili Yakhe,
YoThix' ongowethu.

3 Dumisani uYehova
Kuba elungile,
Libetheleni uhadi
ELakhe igama.

4 Kub' uYakobi emnyule,
Abe kaYehova,
USirayeli wamnyula,
Abe nqobo Kuye.

5 Ngokuba ndiyaz' ukuba
Mkhulu loYehova,
Engaphezu ngobukhulu
Kwabo bonk' othixo.

6 Konke akuthandileyo
'Yehov' uyakwenza
'Zulwini nasemhlabeni,
Kwilwandle namanzi.

7 Ziphelen' unyus' amafu,
Ezo-ke zomhlaba;
'Mvul' ayenzel' imibane,
'Mrholi moy' kovimba.

8 Wabulal' amazibulo
Lawo eYiputa,
Ethabathel' ebantwini,
Wesa zinkomeni.

9 Wathumel' imiqondiso
Nazo nezimanga,
Phakathi kwakho Yiputa
KuFaro nabakhe.

10 'Ntlang' ez'nkulu waz'bulala
'Kumkani bamandla,
11 Sihon Amor, Og eBhashan
EKanan kwa-zonke.

12 'Zwe lazo laba lilifa
KumaSirayeli.
13 Ungunaphakad' igama
'Nkumbuzo kwinzala.

14 Kuba wogweb' uYehova
Phakathi kwabantu,
Aze abohlwaye ngenxa
Yabakhonzi Bakhe.

15 Izithixo zezintlanga
Silver' negolide,
Zona zinguw' umsebenzi
Wezandla zabantu.

16 Zinomlomo, azithethi,
Ngamehlo az'boni,
17 Zinendlebe nje, aziva,
Mlomo aw' namoya.

18 'Benzi bazo boba njalo,
Bafane kwanazo,
Bonke-ke abasukuba
Bekholose ngazo.

19 Nina ndlu kaSirayeli,
Bongan' uYehova,
Nina ndlu kaAron nani,
Bongan' uYehova.

20 Nani nina ndlu kaLevi
Bongan' uYehova,
Nani boyik' uYehova
Bongan' u-Yehova.

21 Ngowokubongw' uYehova
Kususel' eTsiyon,
Ulohlal' eYerusalem,
Bongan', Haleluya.

## C.M. Indumiso 136

1 BULELANI kuYehova
Ngokub' elungile,
Ngokub' ingunaphakade
Eyakhe inceba.

2 Bulelan' Thixo wothixo
Unceb' iphakade.
3 Bulelan' iNkos' yenkosi
Unceb' iphakade.

4 'Menzi misebenz' eyedwa
Ibalulekile,
Ngokub' ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**5** ’Menzi mazulu ngengqondo,
Unceb’ iphakade,
**6** Phez’ kwamanzi ihlabathi
Walitwabulula.

**7** ’Menzi zikhanyis’ zikhulu,
Unceb’ iphakade;
**8** Ilanga lilawul’ ‘mini
Unceb’ iphakade.

**9** Nyanga nkwenkwez’ ebusuku,
Zibe ngab’lawuli,
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**10** Khumbulali maYiputa
‘Mazibulo awo,
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**11** Wawakhuph’ amaS’rayeli
Aphakathi kwawo:
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**12** Ngesandla Sakh’ esithe-nqi
Eyolul’ ingalo:
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**13** Kulomgabuli wolwandle
Ol’bomvu lwegabu:
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**14** ‘MaSirayel’ wawaweza
Sazulwini salo:
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**15** Lwandl’ Ol’bomvu labaginya
‘Faro nempi yakhe:
Ngokub’ ingunaphakade
Eyakhe inceba.

**16** Entlang’ uhambis’ aBakhe,
Unceb’ iphakade.
**17** Kumkan’ ebabulalela:
Unceb’ iphakade.

**18** Ezibulal’ ingangamsha:
Unceb’ iphakade:
**19** Kumkan’ weAmor’ uSihon:
Unceb’ iphakade.

**20** Kumkan’ weBhashan uOgi:
Unceb’ iphakade:
**21** Wal’nik’ ilif’ izwe labo:
Unceb’ iphakade.

**22** Lifa kumkhonz’ Akh’ uS’rayel’:
Unceb’ iphakade:
**23** Ebuphantsin’ was’khumbula:
Unceb’ iphakade.

**24** Kwaba besibandezela
Kubo was’hlangula:
Ngokub’ ingunaphakade
EYakhe inceba.

**25** Uyinik’ ukudla yonke
Int’ ephilileyo.
**26** Thixo wezul’ mbuleleni:
Unceb’ iphakade.

## C.M. Indumiso 137

**1** NGASEMILANJEN’ eBabel’
Xa sasiy’khumbula
ITsiyon, sahlala phantsi
Khon’ apho salila.

**2** Emingculuben' phakathi
Sazixhom' ihadi,
**3** Bon' abathimbi bes'biza
Izango zengoma.

Abathuthumbisi bethu
Basibiz' uvuyo,
Besithi: Sivumeleni
Ngoma yaseTsiyon.

**4** Singathinin' ukuvuma
Ngoma kaYehova
Elixa sisemhlabeni
Wolunye uhlanga.

**5** 'Yerus'lem ukuba ndithe
Mna ndakulibala,
Isandla sam sokunene
Masinyele sona.

**6** 'Lwimi lwam lunamathele
'Makhuhlangubeni
Ukuba mna andibanga
Ngokukhumbulayo.

Ndingathanga ndiyinyuse
IYerusaleme,
Ibe ngaphez' kwayo yonke
Imivuyo yami.

**7** Nyana boEdom, Yehova
Uzubakhumbule,
Abathi mhla weYerus'lem,
Nqikan' neziseko.

**8** Ntombi wen' enguBhabheli
Ungonyashiweyo,
Mpindezel' ak'buyekeze
Ngok'siphatha kwakho.

**9** Abe noyol' obambayo
Abantwana bakho,
Abe ngobahlekezayo
Ezingxondorheni.

## C.M. Indumiso 138

**1** NDIYAKUBULELA Kuwe
Ngentliziyo yonke,
Ndikubethele uhadi
Phambi kwab' othixo.

**2** Ndoqubuda ndibhekise
'Tempilen' engcwele,
Ndibulel' igama Lakho
Ngenxa yenceb' Akho;

Nangenxa yenyanis' Akho
Ethe izwi Lakho,
Yalikhulisa laphezu
Nakwigama Lakho.

**3** Ngomhla wokwam ukubiza
Ndaphendulwa Nguwe
Wawukhaliphis' amandla
Owam umphefumlo.

**4** Bobulela Kuwe bonke
Okumkan' bomhlaba,
Bakuweva O Yehova
Mazw' omlomo Wakho.

**5** Nangendlela zoYehova
Bayakuzivuma,
Kwa nokuba lukhul' kwalo
'Zuko loYehova.

**6** Ephakamil' uyambona
Othobekileyo
Kant' umazi esekude
Oz'phakamisayo.

7 Ndakuba ndihambahamba
Embandezelweni,
Uyandiphilisa Yena
Ngesakhe isandla.

Nako wentshaba umsindo
Esakho isandla,
Wosolul' esokunene,
Ze sindisindise.

8 'Yehova wondifezela
Nceb' Akho ay'pheli
Izenzo zezandla Zakho
Mus' ukuz'yekela.

## C.M. Indumiso 139

1 UNDIPHENGULULE Wena
Wandazi Yehova;
2 Ukuhlala, ukusuka
Kuwe kuyazeka.

'Zicamango zam nakude
Wen' uyaziqonda;
3 Kuhamba kwam nokulala
Wena uyakwela,

Zonke ezizam indlela
Uqhelene nazo;
4 Lizw' elulwimin' alikho
'Yehov' ungalazi.

5 Ngasemva nangaphambili
Undingqingile mna,
Phezu kwam usibekile
Esakho isandla.

6 Kubalulekil' okokwaz'
Kudlul' ukunqaba.
7 Ndingahamba ndiyephi na
Moyen' Akh' ukumka?

8 Ndiye phin' ukubaleka
Ndisab' amehl' Akho?
Ndinyuke nday' ezulwini,
Wobe ukho apho.

Ndokwandlalela kubafi,
Wobakho nalapho
9 Ndifake maphik' es'fingo
Nday' empela lwandle,

10 Sondikhapha kwanalapho
ESakho isandla
Size sokunene Sakho
Sindibambe sona.

11 Ndithe: Mabundisongele
Ubumnyama bodwa
'Kukhanya bube busuku
Ngenxa zonke kumi.

12 Kwa ubumnyam' obuKuwe
Abungebi mnyama
Bubusuku obumhlophe
Kukhanya kwemini.

13 Kwesikama isizalo
Ndabunjwa ndafihlwa,
14 Ngokubalulekileyo
Wandenza ndoyikwa.

Ndizibulela ngak' oko
Ezizenzo Zakho,
Zibalulek' ukwaziwa
Ngowam umphefumlo.

15 Kuw' ayengagushekile
Amathambo ami,
Mna ndenzelw' entsithelweni
Ndaba mfakamfele.

16 Andibon' amehlo Akho
Mna ndiseyimbumba
Zazibhalw' encwadin' Akho
Mini zam ziphela.

Ngaphambili zaziyilwe
Nanye kuzo iko.
17 Kum zinjanin' ukunqaba
Ingcinga zoThixo,

Asilinganiswa nanto
Isimbuku sazo.
18 'Ndingathi ndizibalile
Zigqith' intlabathi.

Ndothi xana ndakuvuka
Ndoba ndiseNawe.
19 Wang' ungathi umbulale
Ongendawo, Thixo.

Nina madod' amagazi,
Sukani kum nonke,
20 Bakhankanyi 'nkohlakalo
Ngamayelenq' abo.

21 Andina kubathiya na
Abakuthiyayo?
Basukeli boYehova
Mna bandikruqule.

22 Ngepheliseley' intiyo
Ndibathiye kanye,
Kangangokude mna kumi
Babe bazintshaba.

23 Gocagoc' uyazi, Thixo,
Eyam intliziyo
Undicikide uzazi
Ingcinga ngcinga zam.

24 Ubon' uk'ba kum kukho na
Indlela yobubi,
Undikhaphele kwindlela
Engunaphakade.

## C.M. Indumiso 140

1 UNDIHLANGULE, Yehova,
Kwisintu sobubi,
Emntwin' undilondoloze
Ogonyamelayo;

2 Abo bacinga okubi
Ngentliziyo zabo,
Emihleni yabo yonke
Baxhaya imfazwe.

3 Balola ulwimi lwabo,
Bafana nenyoka,
Ubuhlungu bal' irhamba
Bukowal' umlomo.

4 Ezandleni zongendawo
Ndigcine, Yehova,
Undilondoloz' emntwini
Ogonyamelayo.

Nocing' ukukubhekisa
Ezami inyawo.
5 Ndiqhushekelw' isibatha
Ngabo banekratshi.

Mnath' ecaleni kwendlela
Bawanekele mna,
Kanti nangay' imigibe
Bakwa ndithiyele.

6 Ndithi Kuye uYehova,
Ungowam uThixo
Beka indlebe, Yehova,
Kwesam isikhungo.

**7** Yehova Nkosi yam, nqaba
Endisindisayo,
'Ntloko yam yigqubuthele
Ngemini yeduli.

**8** Iminqweno yongendawo,
Yehov' ungamniki;
Maqhing' obub' atshitshiswe
Hlez' az'phakamise.

**9** Okweyayo yon' intloko
Yabandingqingayo,
Ububi bomlomo wabo
Mabubagubungel'.

**10** Amalahle avuthayo
Mabawathotyelwe,
Beyel' emhadin' womlilo
Bangabi saphuma.

**11** Mayingazinz' emhlabeni
Indod' enolwimi,
Enogonyamel' indoda,
Bubi buy'zingele.

**12** Ndaz' ukuba uYehova
Tyala losizana,
Nal' ibango lamahlwempu
Uyakulifeza.

**13** Malungis' akubulela
Kul' igama Lakho
Bayakuhla' ebusweni
Bakho abathe tye.

## C.M. Indumiso 141

**1** NDIYAKUNQULA, Yehova,
Khawulez' uze kum;
'Zwi lam libekel' indlebe
Ndakudanduluka.

**2** 'Mthandaz' am Kuwe maw'hlale
Usisiqhumiso
Kube mnikelo wokuhlwa
Zak'phakam' izandla.

**3** Umlomo wam wumisele,
Yehova, umlindi,
Misa umgcini emnyango
Wawo umlomo wam.

**4** 'Ntliziyo yam entwen' embi
Mus' ukuy'thobela,
Ukub' isebenz' intlondi
Yoko kungendawo,

Namadoda asebenza
Oko kubutshinga
Ukudla kwaw' okumnandi
Ndingaze ndikutye.

**5** Ilungisa lindohlwaya
Kobakho nenceba,
Enjal' i-oli yentloko
Ndingayimangali,

'Mthandaz' am wohlala ukho
Ebubini babo.
**6** Bakhahlelw' engxondorheni
Abab' abagwebi,

Ke beve amazwi ami
Ukuba amnandi.
**7** Ngokomlim' enqik' umhlaba
'Mathamb' eth' anjalo,

Nawo ayasasazeka
Emlonyen' wes'hogo.
**8** Okokwam, Yehova Nkosi,
Amehl' am aKuwe.

Mphefuml' am ungaw'phalazi
Ndizimela Ngawe.
9 Undigcine esangweni
Lomgib' uthiyiwe.

Nakuzo izirhintyelo
Uze undigcine,
Ezabo basebenzayo
'Ndlela zobutshinga.

10 Mabeyele zintanjeni
Zabo bangendawo,
Ndide mina okukanye
Ndidlule kuphele.

## C.M. Indumiso 142

1 NDIKHALELA kuYehova
Ngal' elam ilizwi,
Kwangezwi kwa lam ndikhunga
Kwa Kuy' uYehova.

2 Ndiphalaza inkalazo
Yami phambi Kwakhe,
Ndimxelel' imbandezelo
Endiphantsi kwazo.

3 'Moya wam ude watyhafa
Ngqushu Naw' uyazi,
'Mendweni ndihamba ngawo
Babek' isabatha.

4 Khangel' ekunen' ubone,
Andibukwa bani,
Ndimphefuml' ungenandawo
Usabela kuyo.

5 Kungoko ndikhala Kuwe,
Hlathi lam Yehova,
Usabelo sam ezweni
Labaphilileyo.

6 Uk'hlahlamba kwam zintswelo
Kubazel' indlebe,
Kubasukel' ndihlangule
Bandomelelele.

7 'Mphefuml' am entolongweni
Ndobulel' uw'khuphe
Malungis' ajizw' is'thsaba,
Kuphathwa kwam kuhle.

## C.M. Indumiso 143

1 YIV' umthandaz' am' Yehova.
Nokutarhuzisa;
Ngenyaniso nokulunga
Wen' undiphendule.

2 Ungamsi umkhonzi Wakho
Em' ematyaleni,
Akukh' uhlel' 'lilungisa
Phambi Kwakho namnye.

3 Kub' umpheful' am utshaba
Luyawusukela,
Kuz' ubom' bam lubutyumze
Kwakuwo lomhlaba.

Lundise 'ndaw' ezimnyama
Phakaden' labafi.
4 Apho kumoya ntliziyo
Zingenwe lutyhafo.

5 Ndikhumbula ngokucamngca
Mihla yamandulo,
'Misebenzi Yakho yonke,
EyeSakh' isandla.

6 Kuwe-ke ezam izandla
Ndiyazolulela,
'Mphefumlo ukungxamele
'Zwe libharhileyo.

**7** Yehova, ngxam' ndiphendule,
'Moy' uyaphela kum
Mus' ukubusithelisa
Ubuso Bakho kum.

Kub' oko ndoba njengabo
Batshon' emhadini.
**8** Ndiyiv' inceba kwak'sasa
Ndikholose Ngawe.

Endohamba ngay' indlela
Nayo ndiyaziswe,
Ndiw'phakamisele Kuwe
Owam umphefumlo.

**9** Ez'ntshabeni ndihlangule
Ndizimele Ngawe;
**10** Ndifund' elakho ikholo
Kub' unguThixo wam.

Zwen' les'thabazi ndikatshwe
Moy' Akho wok'lunga.
**11** Yehova, undiphilise
Ngokwegama Lakho.

Mbandezelwen' ngob'lungisa
Kuw' umphefumlo am.
**12** Ngenceb' Akho zibhangiswe
Ezo zam intshaba,

Bonk' ubatshabalalise,
Ndingumkhonzi Wakho,
Abo babandezelayo
Owam umphefumlo.

## C.M. Indumiso 144

**1** MAKABONGWE uYehova
Uliwa lam Yena,
Ozandla zam nay' iminwe
Uz'fundis' ukulwa.

**2** Unceba, mboniselo yam
Ungxonde, msindisi,
Ungweletshetshe yam, mna lo
Ndizifihla Kuye.

Ulonyathelel' abant' bam
Babe phantsi kwami.
**3** Yehov' uyintonin' umntu
Lento umaziyo?

Lento umnyamekelayo
Ongunyana womfo?
**4** Efana nomphunganj' umntu,
Ilithunz' imihla.

**5** Yehov', emazulwin' yihla
'Ntaba maziqhume;
**6** Banekisa imibane,
Uphithizelise.

Thuma uzidubadube
NgeZakho intolo,
**7** Yolul' uphezul' izandla
Nceda undirhole.

Sandleni soluny' uhlanga
Mawundihlangule,
**8** 'Mlom' utheth' inkohlakalo
Buxok' esok'nene.

**9** Thixo, ndok'vumel' ingoma
Ibe yentsha yona,
Ndokubethela umrhubhe,
Ontamb' zilishumi.

**10** Ulonika ukumkani
Okulusindiso,
Ulohlangul' uDavide
'Mkhonz' Akh' ekreleni.

11 Esandlen' siz' undirhole
Saboluny' uhlanga,
Bathethi zinkohlakalo,
Ngemilomo yabo.

Abasandla sokunene
Sipheth' ubuxoki.
12 Ngoku-ke abeth' onyana
Bakhul' okwez'tyalo.

Ntombi zona njengembombo
Ezivathisweyo
Zamfakamfel' ukwakhiwa,
Zaxel' okwebhotwe.

13 Ovimba bethu bazale
'Mveliso zehlobo
'Gusha zizel' amawaka,
Zigidi ukwanda.

14 'Nkomo zeth' ngokungenelwa
Zonke-ke zimithi
Kuhlahlamb' ezitratweni
Asinto ikhoyo.

15 Bantu banoyolo abo
Ekunjalo kubo.
AbaThix' unguYehova
Hay' uyolo lwabo.

## C.M. Indumiso 145

1 NDOKUPHAKAMISA Wena,
Thixo wam Kumkani,
Ndolibong' igama Lakho
Kus' em'phakadeni.

2 'Mihla yonke ndokubonga,
Ndith' eLakh' igama,
Phakade kanaphakade
Ndidumise Lona

3 Mkhulu kakhul' uYehova
Ngowokudunyiswa
Abunakugocagocwa
Obakh' ubukhulu.

4 Zizukulwana kunconywa
EZakho izenzo;
Zizukulwana kuxelwa
OBakh' ubugorha.

5 Buqaqawul' bongamela
Eyakho indili;
Ndawo zokubaluleka
Owozicamgca ndim.

6 Ezoyikekay' izenzo
Zaw' amandla Akho
Boz'thetha, nam ndibalise
Ngobukhulu Bakho.

7 Bompompoza nges'khumbuzo
Sok'lung' okukhulu;
Baze benz' umemelelo
Ngob'lungisa Bakho.

8 Ulungile uYehova
Kubo bonk' unjalo,
9 Kwabe konk' oKwakh' ukwenza
'Mfesan' Akh' ikuko.

10 Yehova, izenzo Zakhe
Ziyakubulela;
Babe abenceba Zakho
Bona bekubonga.

11 Zuko lob' kumkani Bakho
Nalo bayalutsho;
Ngobugorha Bakho nabo
Bathethe nangabo.

12 Bugorh’ obo bebazisa
Kwinzala kaAdam,
Kwanobuqaqawul’ ‘buhle
BoBakh’ ub’ Kumkani.

13 BubuKumkan’ bobuKumkan’
Obohlala bukho;
‘Zizukulwaneni zonke
Wozilaw’la ngabo.

14 Kwabo baway’ uYehova
Unguye umxhasi,
Wabe abagobileyo
Woba mphakamisi.

15 Akhangele Kuwe onke
Amehlo ezinto,
Ukuba zon’ uzinike
Ngexesh’ elililo.

16 ‘Sandla Sakh’ uyasivula
Uz’hluthise zonke
Ezizeziphilileyo
Ngokukholekayo.

17 ‘Yehova ulilungisa
Zonk’ indlela Zakhe
Zabe zinay’ zinenceba
Zonk’ izenzo Zakhe.

18 UYehova usondele
Kubanquli Bakhe
Abo bonke bamnqulayo
Ngayo inyaniso.

19 Wenz’ okukholekileyo,
Kwaba moyikayo,
Akubeva bezibika
Uyabasindisa.

20 ‘Yehov’ uNguye umgcini
Wabo bamthandayo;
Enguy’ umtshabalalisi
Wabo bangendawo.

21 Indumiso kaYehova
‘Mlom’ am ma-uy’thethe
‘Gama lingcwel’ ilibonge
Wonk’ unaphakade.

## C.M. Indumiso 146

1 HALELUYA! mphefumlo wam
Dumis’ uYehova:
2 Logama ndidla ubomi
Ndombong’ uYehova.

Thix’ uhadi ndombethela
Okundisekhoyo.
3 Nina musan’ kukholosa
Ngaba ngamanono;

Kub’ okaAdam unyana
Enge-nalusizo
4 Uphumil’ umoya wakhe
Ubuyel’ emhlaben’.

Lomini kumhla kotshitsha
Awakh’ amabhongo.
5 Ncedo, lindela kuThixo
Unoyolo lowo.

6 KuMenzi wezulu, mhlaba
Lwandle nento zalo,
Kulogcina inyaniso
Kube naphakade.

7 Kugweb’ alungis’ ityala
Labacudiswayo;
Kumphi kudla kubalambi
Mbanjwa akhululwe.

8 KuYehov’ ovul’ amehlo
Abo bazimfama;
Mphakamis’ bagobileyo
Mthandi malungisa.

9 Mphambukel’ nkedama mhlolo-
Gcin’ aphakamise;
Ndlela yabo bangendawo
Yona ay’phethule.

10 UYehova nguKumkani
Kube naphakade
Kwizizukulwan’, Tsiyoni,
Thix’ wakh’ adunyiswe.

## C.M. Indumiso 147

1 KULUNGILE ukuvuma
Ngay’ oweth’ uThixo,
Kuba iyafaneleka,
Imnand’ indumiso.

2 Umakhi weYerusalem
NguYehova lowo,
KwaSirayel’ abagxothwa
Babuthelwa kuyo.

3 Abaphuke intliziyo
Ngumphilisi wazo,
Abanamanxeba kubo
Ababophe abo.

4 Inkwenkwez’ inani lazo
Yen’ uyalibala,
Zonke ngamagama azo
Azibize Yena.

5 Nkosi yeth’ inobukhulu
Nangamandl’ injalo
Yabe nangayo ingqondo
Kungekho siphelo.

6 Umphakamis’ uYehova
Waz’ izilulami,
Abangendaw’ emhlabeni
Abathobe phantsi.

7 Hlabelani kuYehova
Eyokubulela,
Mbetheleni kwanohadi
OnguThixo wethu.

8 Ulosibelekisayo
Ngamafu izulu;
Ulo lungiselelayo
Ngemvula umhlaba;

Ulontshulisa utyani
Basezintabeni,
9 Nkomo, namathol’ intaka
Az’nike ukudla.

10 Obehashe ubugorha
Akabunanzanga,
Kwab’ engakholiswa nganto
Zizinto zendoda.

11 UYehova ukholiswa
Ngabamoyikayo,
Aze nay’ eYakh’ inceba
Abalinde ngayo.

12 Yerus’lem, ncom’ uYehova,
Tsiyon, umdumise;
13 Ngok’ba ewomelezile
Amasango akho.

‘Bantwan’ ebasikelele
Ngaphakathi kwakho.
14 ‘Mida yakho yaluxolo
‘Nqolowa zachuma.

**15** Ulothumel' emhlabeni
Ntetho yezwi Lakhe
Lize ngokukhawuleza
Ligidime lona.

**16** Okoboya baz' izimvu
Waneka ikhephu,
Agcwayele ngokothuthu
Iqabaka kulo.

**17** 'Mkhenkce Wakhe uwuphosa
Njengamaqhekeza,
Onokuma ngubani na
Phambi kwengqel' Akhe?

**18** Uthumela izwi Lakhe
Az' nyibilikise
Avuthuzis' umoy' Akhe
'Manz' aqukuqele.

**19** Uloxelel' uYehova
Elakhe ilizwi
'Mimiselo, masik' Akhe
KumaSirayeli.

**20** Aka kwenzang' okunjalo
Kolunye uhlanga,
Aluwazi lomasiko,
Ngoko haleluya!

## C.M. Indumiso 148

**1** HALELUYA! Hoy' mazulu,
Mabongw' uYehova;
'Ndawo-ndini zaphezulu
Mdumiseni Yena.

**2** Nonke nizithunywa Zakhe,
Dumisani Yena;
Nani bemikhosi Yakhe,
Dumisani Yena.

**3** Wena langa, nawe nyanga,
Dumisani Yena;
Zinkwenkwezi zokukhanya,
Dumisani Yena.

**4** Mazulu aw' amazulu,
Dumisani Yena;
Nani manz' angaphezulu
Kwawo amazulu.

**5** Mazilidumis' ezonto
'Gama loYehova,
Ngokuba wawis' umthetho
OKwakh' ukudala.

**6** Phakaden' lonaphakade
Zona wazimisa;
Wazilawulel' ummisel'
Ez'nge nakuw'gqitha.

**7** Mhlaba! Yehova mdumise,
Nani bominenga;
Nani nonke ningamanzi
Az' inzonzobila.

**8** Wena mlilo, nawe s'chotho,
Khephu, kwanawe msi;
Moy' ulenza ngok'vuthuza
ELakhe ilizwi.

**9** Ntaba, na nonke ziduli;
Dumisani Yena;
'Mith' ineziqhamo nani
Misedare nonke.

**10** Nina ningaw' amarhamncwa
Kwane nkomo zonke;
Zintaka zinamaphiko
Nani z'nambuzane.

11 Abomhlaba okumkani
Naz' izizwe zonke;
Bathetheli nabagwebi
Abomhlaba wonke;

12 Mlisela, kwanomthinjana
Dumisani Yena;
Nina madod' amakhulu
Kunye nabafana;

13 Igama likaYehova
Malidumiseke,
Kuba liyiyo ingxonde
'Gama Lakhe yedwa.

'Ndili Yakh' ingaphezulu
Komhlaba nezulu
14 Ephakamisel' uphondo
Abakhe abantu.

Olwakuba yindumiso
Kwabenceba Yakhe,
Kwabasondeleyo Kuye
Konyana boS'rayel'.

## C.M. Indumiso 149

1 MVUMELENI uYehova
Eyentsha ingoma;
Ebandleni labenceba
Kudunyiswe Yena.

2 Makavuy' uSirayeli
Ngowakhe uMenzi,
Luz' usapho lweTsiyoni
Kumkan' lumgcobele.

3 Mabadumise beqamba
NgeLakhe igama
Nay' ingqongqo bembethela
Kwana ngal' uhadi.

4 Kub' uYehov' ekholiswa
NgaBakhe abantu,
Balulam' ebahombisa
Ngalo uloyiso.

5 Benozuko mabadlamke
Abangabenceba;
Bona mabamemelele
Besezililini.

6 'Miqaleni yabo ibe
KaThix' imibongo;
Lintlangothi mbin' ikrele
Esandleni sabo.

7 Impindezelo bayenze
Kwabasezintlangen',
Ngokunjalo nabezizwe
Zohlwayo bazenze.

8 Bakhonz' okumkani bazo
Ngemixokelelo
Makhamandel' es'nyith' abo
Babekekileyo.

9 Isik' elibhaliweyo
Bona balenziwe
'Ze oko ibe luzuko
Kwabenceba Yakhe.

## C.M. Indumiso 150

1 ENGCWELENI Yakh' uThixo,
Dumisani Yena.
'Sibhakabhaken' samandla,
Mdumiseni Yena.

2 Ngenxa yoBakh' ubugorha,
Mdumiseni Yena,
Ngobuninzi bobukhulu
Mdumiseni Yena.

**3** Ngokuvuthel’ isigodlo,
Mdumiseni Yena,
Ngomrhubhe nohadi nalo
Mdumiseni Yena.

**4** Ngengqongqo kwano kungqungqa
Mdumiseni Yena;
Ngogwali nent’ ez’nentambo,
Mdumiseni Yena.

**5** ‘Macangci’ akhenkcezayo,
Mdumiseni Yena,
Ngamacangci adumayo;
Mdumiseni Yena.

**6** Ephefumlay’ into yonke
Onguy’ uYehova
Mayithi Haleluya-ke,
Imdumisa Yena.